



Western Cape  
Government

Transport and Public Works

---

## ISebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente

IsiCwangciso soNyaka sokuSebenza  
sonyaka-mali womhla woku-1 ku-Epreli  
2019 ukuya kumhla wama-31 kuMatshi  
2020

URhulumente weNtshona Koloni

PR: 10/2019  
ISBN number: 978-0-621-47014-7

Ukufumana iikopi ezangezelelweyo zolu xwebhu, nceda uqhagamshelane:

The Head: Communications  
Department of Transport and Public Works  
9 Dorp Street  
CAPE TOWN  
8001

Private Bag X9185  
CAPE TOWN  
8000

Tel: +0860 212 414

Fax: +27 21 483 7216

Email: [transport.publicworks@westerncape.gov.za](mailto:transport.publicworks@westerncape.gov.za)

Website: [www.westerncape.gov.za/dept/tpw](http://www.westerncape.gov.za/dept/tpw)

## **APOLOGY**

---

We fully acknowledge the requirements of the Western Cape Language Policy and endeavour to implement it. It has been our experience that the English version of this document is in the greatest demand. It will be translated into the other official languages of the Western Cape as soon as possible after the English version has been finalised. In the event of any discrepancy between the English document and the Afrikaans and isiXhosa translations, the English text will prevail.

## **NOTE**

---

To support the Department's drive for a paperless environment and improved electronic content management, a limited number of hard copies of this Annual Performance Plan 2019/20 will be produced.

## **VERSKONING**

---

Ons gee volle erkenning aan die vereistes van die Wes-Kaapse Taalbeleid en streef daarna om dit toe te pas. Dit is ons ondervinding dat die Engelse weergawe van die dokument die grootste aanvraag het. Die dokument gaan so gou moontlik in die ander amptelike tale van die Wes-Kaap vertaal word sodra die dokument gefinaliseer is. In die geval van enige teenstrydigheid tussen die Engelse dokument en die Afrikaanse en Xhosa vertalings, sal die Engelse teks geld.

## **NOTA**

---

Ten einde die Departement se strewe na 'n papierlose omgewing en verbeterde elektroniese inhoud bestuur te ondersteun, sal slegs 'n beperkte aantal harde kopieë van hierdie Jaarlikse Prestasie Plan 2019/20 beskikbaar wees.

## **ISINGXENGXEZO**

---

Siyawuqonda umgaqo-Nkqubo weelwimi wePhondo kwaye siyazama ukuwufezekisa. Kambe ke esiyiqwalaseleyo yeyokuba lulwimi lwesiNgesi olufunwa ngamandla. Xa olu xwebhu lugqityiwe ukubhalwa ngolwimi lwesiNgesi luya kuguqulelwa ngezinye iilwimi ezisemthethweni zeNtshona Koloni kwakamsinya. Ukuba kukho amakhwiniba kwinguqulelo yesiXhosa nesiBhulu esuka esiNgesini, uxwebhu lwesiNgesi luya kuba lolona lusetyenziswayo.

## **QAPHELA**

---

Ukuxhasa iphulo leSebe lokuncitshiswa kokusetyenziswa kwamaphepha nophuculo lolawulo lovimba wobuxhakaxhaka bekhompyutha, inani leekopi eziprintiweyo zeSicwangciso sokuSebenza soNyaka sika-2019/20 liza kuncitshiswa.

## IMbula-mbethe

IsiCwangciso soNyaka sokuSebenza siphawula unyaka wokugqibela wokungundoqo weqhinga othwe thaca kwisiCwangciso seQhinga seminyaka emihlanu yeSebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente sowama-2015/16 – 2019/20. Sisendleleni yokufezekisa oku kungundoqo okubekwe xa kuqala ithuba lam le-ofisi.

UGunyaziwe wesiGqeba iyithathela ingqalelo inkqubela phambili eyenziwe lisebe ukususela ekwamkelweni kwesicwangciso salo seqhinga kunye namalinge abalulekileyo alungiselelwe ingakumbi unyaka-mali ozayo, kunye nesithuba sesiCwangciso-nkqubo seNkcitho sesiThuba esiPhakathi ngokubanzi. Ndithanda ukubulela amaqabane am kwiKhabhinethi kunye namalungu eKomiti eSigxina yezoThutho neMisebenzi kaRhulumente ngenkxaso yay nangonxibelelwano ngamanye amaxesha okuphilieyo ngethuba endithi ndasebenza ngalo njengoMphathiswa.

Ngeli thuba amaqela ezopolitiko ethi ngamanye amaxesha ahlukane ngendlela yokwenza, icacile kum into yokuba kumbindi wonxibelelwano lwethu kubekho ukuzibophelela okuqinileyo kokuphucula impilo yabemi bethu.

Kule meko ndingathanda ngokunjalo ukuthabatha eli thuba ndivakalise umbulelo kwiNtloko yeSebe ebalaseleyo kunye nabasebenzi bayo, yaye ukwangezelela ndivuyisana nabo ngamabhaso akwinqanaba eliphezulu, afunyenwe ngumntu ngamnye nawesininzi athe anikezelwa kwisebe kwinkonzo enyanisekileyo yabantu. Ingqiqo elithe iSebe layibeka ekuqulunqeni impilo yabemi bethu ukulungiselela ukumiliselwa okungcono kombono walo weminyaka engama-20 oya kuba sembindini kwisicwangciso salo esitsha seqhinga, isinxibelelana nokuzibophelela okunzulu okuphuma kwiSebe ukunceda kumoya kunye neleta yoMgaqo-siseko weRiphabliki yethu.

Uhlahlo lwabiwo-mali olwabelwe isebe lam lwalungengawo nje amanani aqokelelwe nje ngokulula. Lususixhobo somgaqo-nkqubo esiyilelwe ukuqinisekisa ngento yokokuba iDTPW inakho ukunikizela kwiinqobo zayo, ulangazelelo nezibophelelo yaye uqulunqwe zezi zibophelelo kwelinye icala, ngokunjalo ngeenyani ezivelayo kunye neemfuno ezivelahyo kwelinye icala.

Enye yinyani enjalo yenguqu kwisimo sezulu, eboniswe gca kwimbalelo ekhoyo esabambe iindawo eziphambili zeNtshona Koloni. Ubukho obunciphayo bamanzi bunempembelelo kuwo onke amacandelo oqoqosho kunye noluntu lonke. Enye inyani ngumngeni oqhubayo kubume obupheleleyo boqoqosho obuphawulwee kukukhula okungephi koqoqosho, ukunyuka kwentswela-ngqesho kunye nendlala ethe gqolo. Le nyani iya kukhokhela amangenelo ethu, ze ibe nempembelelo kwikhono lemali karhulumente ukulinganisa la mangelolo iminyaka emininzi ezayo.

Ndixhalabile ingakumbi malunga nezibonelelo zendlela eziyi-asethi ebalulekileyo neneqhinga ezithi zibonelele ngofikelelo kumathuba, yaye zinikele kukukhula koqoqosho noyilo lwemisebenzi. Ngeli thuba uninzi lothungelwano lwendlela lukwisimo esilungileyo, isahlulo esikhulu sothungelwano esingangathiweyo sele sifikelela ekupheleni kobomi baso boyilo, ngololongo kunye nomsebenzi osemva wololongo uyaqhubeka ukuthintelwa zizithintelo zohlahlo lwabiwo-mali.

Ukulolongwa kwezibonelelo esele zikho licandelo elisembindini kwimiqathango emininzi edingekayo ukuqinisekisa ngonyamezelo. Ngoko, amanqanaba enxaso-mali esiCwangciso-nkqubo esikhoyo seNkcitho yeSithuba esiPhakathi awanele ukulungiselela le njongo. Iinkxalabo ezichazwe ngasentla ziyelele kwizibonelelo zorhulumente wephondo ezikhuthaza uhlanganiso, uzinziso, ubulungisa, ubuntumntum bendalo, ukukhula koqoqosho nokuxhotyiswa kwentlalo.

Nangona kukho le mingeni, ndiqinisekile okokuba iSebe liya kuqhubeka lisandisa impembelelo yalo ngokusetyenziswa okungcono kwezibonelelo ezikhoyo kulo. ISebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente linerekhodi entle yokusebenza ngemali enyiniweyo karhulumente yaye liphuhlise iindlela ezahlukeneyo namaqhinga okuthintela impembelelo yezi zithintelo. Siyayiqonda into yokokuba kudla kakhulu ukubuyisela isibonelelo esimeni esisiso ebesingakhange sibe silolongwe ngokwaneleyo kunokusilolonga ngendlela eyiyo kwasekuqaleni.

Lo mthetho-siseko wololongo lokuqala lusebenza kuthungelwano lomgaqo, ingakumbi kwimigaqo yethu exakekileyo. Utyalo-mali lwethu olutsha kwimigaqo luya kuqhuba ukwenziwa kwezo ndawo apho utyalo-mali olunjalo luxhasa ngokulungileyo ukukhula koqoqosho okanye lwandisa ufikelelo kwithuba.

INGxelo yethu yakutsha nje yokuFaneleka kwePropati ibonisa uphuculo oluqhubekayo kusetyenziso lweth lweepropati ezizezikaRhulumente weNtshona Koloni neziqeshiweyo. Kule meko ndiyazingca ngokunika ingxelo yokokuba ukufaneleka kokusetyenziswa kwesithuba sokusebenza kwandile ngeli thuba usetyenziso lombane luhlile kunyaka-mali wama-2017/18. Okuqaphelekayo, usetyenziso lwamanzi luhlile yaye usetyenziso ngokupheleleyo lombane ngesikwere semitha ngonyaka lube ngaphantsi kakhulu kunolo lwecandelo langasese. Apha mandigxininise into yokuba ukhula kusetyenziso lwamanzi lusele kukhona phambi kokuqaliswa kwezithintelo zamanzi ezingaphezulu ekupheleni kowama-2018.

Ngethuba lam kwi-ofisi ndisoloko ndinenkxalabo yaye ndinoxanduva lokufumana izisombululo kwimida epheleleyo yenkonzo yohambo ngololiwe lweNtshona Koloni, ngakumbi eKapa. Uninzi lwabantu bethu luxhomekeke kuthutho lukawonke-wonke, nakuloliwe ingakumbi. Kunyaka esijonge kuwo, iSebe liya kuqhubeka lisebenza kunye noMetrorail Western Cape, iPassenger Rail Agency of South Africa kunye neSixeko saseKapa ukuzinzisa nokuphucula iinkonzo zikaloliwe. Sele sibona impumelelo yokuqala yembophelelo yezigidi ezili-R16 eyenziwa liqela ngalinye kula achazwe ngasentla ngesithuba sowama-2018 ukulungiselela ukunikela kwilinge elihlangeneyo lokhuseleko lukaloliwe, ngokubanjwa okuninzi okwenziweyo kunye nobume bezifishi kunye nobamakhareji kaloliwe abonisa iimpawu zokuphucuka. ISebe liya kuqhubeka liqinisa imithetho apho kufanelekileyo ukuzisa inkcazelo nokuqinisa indima esinakho ukuyidlala kuwo ngokunjalo nakweminye imimandla yenkxalabo.

Kubekho impumelelo eninzi erekhodiweyo kukhuseleko lwendlela kubandakanywa uthelwano nohlanganiso oluthe lwasekwa phakathi koogunyaziwe bonyanzeliso lomthetho ukumilisela izicwangciso zokhuseleko lwesithili, ukuqaliswa kokuhlolwa kotywala kumphefumli womntu, kunye nonxibelelwano oluqhubayo ngokubanzi namaphulo olwazi olumalunga nokhuseleko ezindleleni. Ngoko, inyani engenakuphikwa yeyokokuba uninzi

Iwabasebenzisi bendlela lusalahlekelwa yimiphefumlo kungquzulwano lwezithuthi ezindleleni obelunakho ukuthintelwa.

ISebe lam liqhubekile ukugxininisa ukubaluleka koxanduva oluphezu kwamagxa abasebenzisi bendlela lokokuba baguqule iindlela zabo zokuziphatha ukuphelisa le nyhikityha yokufa. Ndikholela kwimiqathango yethetknoloji ukwandisa unyanzeliso lomthetho wezithuthi, ezifana nezixhobo ze-elektronikhi ezibanjwa ngesandla ezinika ufikelelo kwiinkcukacha zamanani ezihlangeneyo avela kwimithombo eyahlukeneyo ezindleleni, ziya kuqinisa kakhulu ingqiqo yethu yonyanzeliso lomthetho, ikhono lokusebenza, kunye neenzame zokwenza zikhuseleke iindlela zethu.

Ngoko, kuhlala kuxhomekeke kuluntu ngokubanzi ukusebenza kunye nathi ukunqanda ze ekugqibeleni kubhangiswe ukungasiwa so ngokubanzi kwemithetho yethu yezithuthi ze kuziswe indlela yobume bokuziphatha enentlonipho nethobela umthetho.




















**D GRANT**  
**UGUNYAZIWE WESIGQEBA**  
**ISEBE LEZOTHUTHO NEMISEBENZI KARHULUMENTE**  
**Umhla: 20 kuFebruwari 2019**

## Utyikityo olusesikweni

Ndiyaqinisekisa okokuba esi siCwangciso soNyaka sokuSebenza sowama-2019/20:

1. Sesonyaka wesihlanu sesiCwangciso seQhinga seminyaka emihlanu 2015/16 – 2019/20;
2. Silungiselelwe ngabalawuli beSebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente (DTPW) phantsi kobunkokheli boGunyaziwe wesiGqeba, uDonald Grant;
3. Ngokuhambelana nesiCwangciso esikhoyo seQhinga leDTPW; yaye
4. Sibonisa ngokuchanekileyo ekujoliswe kuko kokusebenza okuxhitywe yiDTPW ukulungiselela ukufezekisa ngezibonelelo ezifumanekayo kuQikelelo loHlahlo Lwabiwo-mali lweNgeniso neNkcitho yePhondo yowama-2019 yeVoti 10: uThutho neMisebenzi kaRhulumente.

### AMALUNGU ENKONZO YOLAWULO OLUPHEZULU

	Jacqueline Gooch INtloko yeSebe (IGosa eliNika iNgxelo)
	Chantal Smith USekela Mlawuli Jikelele (IGosa eliyiNtloko leMali)
	Gerrit van Schalkwyk USekela Mlawuli Jikelele: IQhinga, uCwangciso noLungelelaniso (oliBamba)
	Gavin Kode USekela Mlawuli Jikelele: IMisebenzi kaRhulumente wePhondo
	Kyle Reinecke USekela Mlawuli Jikelele: ULawulo lwezoThutho
	Kenneth Africa UMlawuli oyiNtloko: ULawulo lweziThuthi
	Gerrit van Schalkwyk UMlawuli oyiNtloko: uMgaqo-nkqubo noHlanganiso lweQhinga
	Ramesh Maharaj UMlawuli oyiNtloko: ULawulo lweQhinga neNkxaso yokuSebenza
	Richard Petersen UMlawuli oyiNtloko: liNkqubo eziSekwe kuLuntu
	Thiagaraj Pillay UMlawuli oyiNtloko: UThelelwano lukaRhulumente nolwaNgasese
	Ronel Judin UMlawuli oyiNtloko: ULawulo lwee-Asethi ezingaShukumiyi
	Andrea Campbell UMlawuli oyiNtloko: IZibonelelo ngokuBanzi
	Liam Thiel UMlawuli oyiNtloko: IziBonelelo zeMfundo
	Rene Kok UMlawuli oyiNtloko: IZibonelelo zeMpilo
	Deidre Ribbonaar UMlawuli oyiNtloko: IMisebenzi yoThutho
	Yasir Ahmed UMlawuli oyiNtloko: ULawulo lwezoThutho
	Lenn Fourie UMlawuli oyiNtloko: ULawulo loThungelwano lweeNdelela

Yamkelwe ngu:



**D GRANT**  
**UGUNYAZIWE WESIGQEBA**

**UTHUTHO NEMISEBENZI KARHULUMENTE**  
**Umhla: 20 kuFebruwari 2019**

# Okuqulathiweyo

Izishunqulelo .....	Error! Bookmark not defined.
Icandelo A: UVavanyo ngokubanzi lweQhinga.....	4
1 Umbono.....	Error! Bookmark not defined.
2 UMnqophiso.....	4
3 Inqobo ezisesikweni.....	Error! Bookmark not defined.
4 Izigunyaziso zomthetho nezinye.....	Error! Bookmark not defined.
4.1 Izigunyaziso zoMgaqo-siseko.....	Error! Bookmark not defined.
4.2 Izigunyaziso zoMthetho.....	Error! Bookmark not defined.
4.3 Izigunyaziso zoMgaqo-nkqubo .....	Error! Bookmark not defined.
4.4 Ubume beqhinga leHlabathi .....	Error! Bookmark not defined.
4.5 Ubume beqhinga lesizwe .....	Error! Bookmark not defined.
4.6 Ubume beqhinga lephondo .....	Error! Bookmark not defined.
4.7 Ubume boMasipala .....	Error! Bookmark not defined.
4.8 UMgaqo-nkqubo ocwangcisiweyo namalinge eqhinga .....	Error! Bookmark not defined.
5 Uhlahlelo lweSimo .....	Error! Bookmark not defined.
5.1 Ubume bezopolifiko .....	Error! Bookmark not defined.
5.2 Ubume bezoqoqosho.....	Error! Bookmark not defined.
5.3 Ubume bentlalo.....	Error! Bookmark not defined.
5.4 Ubume bethetknoloji.....	Error! Bookmark not defined.
5.5 Ubume bezakhiwo .....	Error! Bookmark not defined.
5.6 Ubume bezomthetho .....	Error! Bookmark not defined.
5.7 Ubume bokhuselo nokhuseleko.....	Error! Bookmark not defined.
5.8 Ubume bokusebenza.....	Error! Bookmark not defined.
5.9 Ubume bombutho .....	Error! Bookmark not defined.
5.10 Inkcazelo yenkqubo yocwangciso yeqhinga .....	Error! Bookmark not defined.
6 IiNjongo eziJolise kuMphumela weQhinga .....	Error! Bookmark not defined.
7 IiNjongo zeQhinga .....	Error! Bookmark not defined.
8 Imbonakalo yoMngcipheko .....	Error! Bookmark not defined.
9 UVavanyo ngokubanzi loHlahlo Lwabiwo-mali lowama-2019 noQikelelo lweMTEF .....	51
9.1 INgeniso yesiThuba esiPhakathi .....	Error! Bookmark not defined.
9.2 Uqikelelo lwenkcitho .....	Error! Bookmark not defined.
9.3 Iindlela ezinxulumene nenkcitho kwiiNjongo zeQhinga.....	Error! Bookmark not defined.
Icandelo B: IziCwangciso zeNkqubo nezeNkqutyana zeQhinga.....	58
10 INkqubo 1: ULawulo .....	59
10.1 Ekujoliswe kuko koNyaka, iiNjongo zeQhinga zowama-2019/20.....	59
10.2 IMLgqalisela yokuSebenza kwiNkqubo nekuJoliswe kuko koNyaka narhoqo ngekota 2019/20	60
10.3 Ulungelelwaniso lokuJoliswe kuko kokusebenza kunye noHlahlo Lwabiwo-mali neMTEF.....	62
10.4 ULawulo lomngcipheko .....	Error! Bookmark not defined.
11 INkqubo 2: Izibonelelo zeMisebenzi kaRhulumente.....	64
11.1 INjongo yeQhinga yokuJoliswe kuko konyaka wama-2019/20.....	64
11.2 IMLgqalisela yokuSebenza kweNkqubo nekuJoliswe kuko koNyaka narhoqo ngekota 2019/20	65
11.3 Ulungelelwaniso lokuJoliswe kuko kokusebenza kunye noHlahlo Lwabiwo-mali neMTEF.....	74



11.4	ULawulo lomngcipheko .....	<b>Error! Bookmark not defined.</b>
12	INkqubo 3: Izibonelelo zoThutho .....	76
12.1	Ekujoliswe kuko koNyaka, iiNjongo zeQhinga zowama-2019/20 .....	76
12.2	IMlgqalisela yokuSebenza kwiNkqubo nekuJoliswe kuko koNyaka narhoqo ngekota 2019/20 77	
12.3	Ulungelelwaniso lokuJoliswe kuko kokusebenza kunye noHlahlo Lwabiwo-mali neMTEF <b>Error!</b> <b>Bookmark not defined.</b>	
12.4	ULawulo lomngcipheko .....	82
13	INkqubo 4: IMisebenzi yezoThutho.....	83
13.1	Ekujoliswe kuko koNyaka, iiNjongo zeQhinga zowama-2019/20 .....	84
13.2	IMlgqalisela yokuSebenza kwiNkqubo nekuJoliswe kuko koNyaka narhoqo ngekota 2019/20 85	
13.3	Ulungelelwaniso lokuJoliswe kuko kokusebenza kunye noHlahlo Lwabiwo-mali neMTEF.....	89
13.4	ULawulo lomngcipheko .....	90
14	INkqubo 5: ULawulo lwezoThutho.....	91
14.1	Ekujoliswe kuko koNyaka, iiNjongo zeQhinga zowama-22019/20 .....	91
14.2	IMlgqalisela yokuSebenza kwiNkqubo nekuJoliswe kuko koNyaka narhoqo ngekota 2019/20 92	
14.3	Ulungelelwaniso lokuJoliswe kuko kokusebenza kunye noHlahlo Lwabiwo-mali neMTEF <b>Error!</b> <b>Bookmark not defined.</b>	
14.4	ULawulo lomngcipheko .....	97
15	INkqubo 6: IiNkqubo eziSekwe luLuntu.....	98
15.1	Ekujoliswe kuko koNyaka, iiNjongo zeQhinga zowama-22019/20 .....	98
15.2	IMlgqalisela yokuSebenza kwiNkqubo nekuJoliswe kuko koNyaka narhoqo ngekota 2019/20 99	
15.3	Ulungelelwaniso lokuJoliswe kuko kokusebenza kunye noHlahlo Lwabiwo-mali neMTEF <b>Error!</b> <b>Bookmark not defined.</b>	
15.4	ULawulo lomngcipheko .....	102
<b>ICandelo C: Unxulumano nezinye izicwangciso .....</b>		<b>103</b>
16	Unxulumano nezicwangciso zezibonelelo zexesha elide .....	<b>Error! Bookmark not defined.</b>
17	Iminikelo enemiqathango .....	<b>Error! Bookmark not defined.</b>
18	Amaqumrhu karhulumente.....	111
19	Uthelwano lukarhulumente nolwangasese.....	111
20	IsiCwangciso soVavanyo lweSebe (DEP) 2019/20.....	112
<b>Isihlomelo A.....</b>		<b>116</b>
21	Izigunyaziso zendlu yowiso-mthetho .....	116
<b>Isihlomelo B .....</b>		<b>126</b>
22	Izigunyaziso zoMgaqo-nkqubo .....	126
<b>Isihlomelo C .....</b>		<b>130</b>
23	Iprojekti zezibonelelo.....	130
<b>Isihlomelo D.....</b>		<b>154</b>
<b>Isihlomelo E .....</b>		<b>157</b>

## Uluhlu lweethayibhile

ITheyibhile 1: Inkcazelo ecalulweyo yentsingiselo yeenqobo ezisesikweni nganye ezingundoqo zeWCG5	
ITheyibhile 2: IiNjongo zoPhuhliso oluZinzileyo .....	7
ITheyibhile 3: Imingeni ebalulekileyo .....	8
ITheyibhile 4: Ulungelelwaniso phakathi kwemisebenzi ye-DTPW neNDP .....	10
ITheyibhile 5: IziCwangciso zikarhulumente ezinikela kumbono weNDP .....	13
ITheyibhile 6: IMiphumela enguNdoqo yeMTSF .....	13
ITheyibhile 7: I-OneCape 2040: Imimandla ethe ngqo yethutyana .....	14
ITheyibhile 8: Unxulumaniso lwePSG kubume bokusebenza beDTPW .....	16
ITheyibhile 9: EkuJoliswe kuko yi-EPWP 2018/19 – 2020/21 .....	42
ITheyibhile 10: Inggqesho nezithuba ezingazaliswanga ngokweNkqubo ukuza kuthi ga ngoFebruwari 2019 .....	45
ITheyibhile 11: Inggqesho nezithuba ezingazaliswanga ngokwenqanaba lomvuzo ukuza kuthi ga ngoFebruwari 2019 .....	46
ITheyibhile 12: IiNjongo ezijolise kuMphumela weSebe .....	48
ITheyibhile 13: Uvavanyo loMngcipheko weeNjongo zeQhinga ezijolise kuMphumela weSebe .....	49
ITheyibhile 14: Ubume beNkqubo yoHlahlo Lwabiwo-mali 2019/20 .....	58
ITheyibhile 15: IiNjongo zeQhinga .....	59
ITheyibhile 16: IMigqalisela yeNjongo yeQhinga nekuJoliswe kuko .....	60
ITheyibhile 17: IMigqalisela yokusebenza kwenkqubo, ekuJoliswe kuko kwesiThuba esiPhakathi nokuJoliswe kuko kwarhoqo ngekota kulungiselelwa iNkqubo 1: ULawulo .....	61
ITheyibhile 18: IiNjongo zeQhinga .....	64
ITheyibhile 19: IMigqalisela yeNjongo yeQhinga nekuJoliswe kuko .....	65
ITheyibhile 20: IMigqalisela yokusebenza kwenkqubo, ekuJoliswe kuko kwesiThuba esiPhakathi nokuJoliswe kuko kwarhoqo ngekota kulungiselelwa iNkqubo 2: IMisebenzi kaRhulumente yePhondo .....	67
ITheyibhile 21: IiNjongo zeQhinga .....	76
ITheyibhile 22: IMigqalisela yeNjongo yeQhinga nekuJoliswe kuko kwesiThuba esiPhakathi kulungiselelwa iNkqubo 3: Izibonelelo zezoThutho .....	77
ITheyibhile 23: IMigqalisela yokusebenza kwenkqubo, ekuJoliswe kuko kwesiThuba esiPhakathi nokuJoliswe kuko kwarhoqo ngekota kulungiselelwa iNkqubo 3: Izibonelelo zoThutho .....	78
ITheyibhile 24: IiNjongo zeQhinga .....	84
ITheyibhile 25: IMigqalisela yeNjongo yeQhinga nekuJoliswe kuko .....	84
ITheyibhile 26: IMigqalisela yokusebenza kwenkqubo, ekuJoliswe kuko kwesiThuba esiPhakathi nokuJoliswe kuko kwarhoqo ngekota kulungiselelwa iNkqubo 4: IMisebenzi yoThutho .....	86
ITheyibhile 27: IiNjongo zeQhinga .....	91
ITheyibhile 28: IMigqalisela yeNjongo yeQhinga nekuJoliswe kuko .....	92
ITheyibhile 29: IMigqalisela yokusebenza kwenkqubo, ekuJoliswe kuko kwesiThuba esiPhakathi nokuJoliswe kuko kwarhoqo ngekota kulungiselelwa iNkqubo 5: ULawulo lwezoThutho .....	93
ITheyibhile 30: IiNjongo zeQhinga .....	98
ITheyibhile 31: IMigqalisela yeNjongo yeQhinga nekuJoliswe kuko .....	98
ITheyibhile 32: IMigqalisela yokusebenza kwenkqubo, ekuJoliswe kuko kwesiThuba esiPhakathi nokuJoliswe kuko kwarhoqo ngekota kulungiselelwa iNkqubo 6: IiNkqubo ezisekwe kuLuntu .....	100
ITheyibhile 33: Isishwankathelo seemvavanyo ezicwangciselwe owama-2019/20 - 2021/22 .....	114
ITheyibhile 34: Isishwankathelo seenkcukacha zenkcitho yezibonelelo ngokwecandelo .....	130
ITheyibhile 35: Isishwankathelo seenkcukacha zenkcitho yezibonelelo ngokwecandelo - Izakhiwo zephondo ngokubanzi .....	133
ITheyibhile 36: Isishwankathelo seenkcukacha zenkcitho yezibonelelo ngokwecandelo- IiNkqubo 3 Izibonelelo zoThutho .....	139

## Uluhlu lwemizobo

Umzobo 1: Iinqobo ezingundoqo zeWCG .....	4
Umzobo 2: Iinjongo zeQhinga zePhondo .....	15

## IZIFINYEZO

AARTO	UMthetho woLawulo lokuChotshelwa kolWaphulo-mthetho lweziThuthi zeNdlela, 1998
AGM	Intlanganiso Jikelele yonyaka
AGSA	UMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika
AIMS	INkqubo yoLawulo lweNgcaciso ye-Asethi
ANPR	INkqubo yokuQwalaselwa nokuZenzekelayo kweNombolo yoPhawu lwesiThuthi
APP	IsiCwangciso soNyaka sokuSebenza
BBBEE	UPhuhliso lwabaNtsundu kwezoQoqosho
BCP	IsiCwangciso sokuQhubekela kweShishini
BRT	Uthutho olukhawulezayo lweBhasi
C-AMP	Ucwangciso loLawulo loBunini be-Asethi ezingashukumiyi
CD	Umlawuli oyintloko
COE	Iindleko zabasebenzi
CoCT	ISixeko saseKapa
CPI	Umgqalisela wokusebenza kwesiqhelo/isalathisi seXabiso loMthengi
CSC	Iziko leeNkonzo zeQumrhu
CYCC	Iziko lololongo Labantwana nolutsha
D	Umlawuli
DPCI	ICandelo leSAPS loPhando loLwaphulo-mthetho oluNgundoqo (Hawks)
DDG	USekela Mlawuli Jikelele
DEP	Isicwangciso soVavanyo seSebe
DORA	UMthetho weCandelo leNgeniso
DSG	INjongo eJolise kuMphumela yeQhinga leSebe
DSP	IsiCwangciso soKhuseleko lwesiThili
DTPW	ISebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente
DUI	Ukuqhuba phantsi kweempembelelo (zotywala)
EBAT	UHlolo loBugqina boTywala eMphefumleni
ECSA	IBhunga leeNjineli loMzantsi Afrika
EE	Ubulungisa eNgqeshweni
EmpIA	Uvavanyo lwempembelelo yoxhotyiso
EPWP	INkqubo eYandisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente
EPWPIG	UMnikelo oHlangeneyo weNkqubo eYandisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente
EPWP-RS	INkqubo yokuNikwa kweNgxelo ye-EPWP
FETC	Iindleko zomqeshwa osigxina
FTE	Ulinganiso lwesigxina
GIAMA	UMthetho we-Asethi ezingashukumiyi zikaRhulument, 2007
GIPTN	UThungelwano loThutho lukaWonke-wonke oluHlangeneyo lwaseGeorge
GIS	INkqubo yeNgcaciso yeNdawo
GMT	IZithuthi zikaRhulumente
GPS	UFundo lweKhono lokuKhula kweDolophu kweDolophu eNtshona Koloni
GRAP	Iindlela yoBalo-mali eYamkelekileyo ngokuBanzi
IAR	IiRejista yee-Asethi eziNgashukumiyi

ICT	ItheKnoloji yeNgcaciso noNxibelelwano
IDMS	INkqubo yoLawulo loNikezelo lweZibonelelo
IDP	Isicwangciso esihlangeneyo sophuhliso
IDZ	IZoni yoPhuhliso loShishino
IMF	INgxowa-mali yeMali yeHlabathi
IPIP	Isicwangciso somiliselelo lwenkqubo yeziboelelo
IPMP	Isicwangciso solawulo lwenkqubo yeziboelelo
IoT	I-Intanethi yezinto
IPTN	Uthungelwano oluhlangeneyo lothutho lukawonke-wonke
IT	ItheKnoloji yengcaciso
ITIH	IsiZinda esiHlangeneyo seNgqiqo
ITP	Isicwangciso esihlangeneyo soThutho
IUDF	Isicwangciso-nkqubo esiHlangeneyo soYilo lweDolophu
MEC	ILungu leBhunga lesiGqeba (lephondo)
MTEF	IsiCwangciso-nkqubo seNkcitho sesiThuba esiPhakathi
MTSF	IsiCwangciso-nkqubo seQhinga sesiThuba esiPhakathi
NaTIS	INkqubo yeSizwe yeNgcaciso yeZithuthi
NDOT	ISebe leSizwe lezoThutho
NDP	IsiCwangciso seSizwe soPhuhliso
NDPW	ISebe leSizwe leMisebenzi kaRhulumente
NEP	IsiCwangciso seSizwe soVavanyo
NLTA	UMthetho weSizwe weZithuthi zoMgaqo, 2009
NMT	Uthutho olungenayo injini
NPA	UGunyaziwe weSizwe wezoTshutshiso
NRSSC	IKomiti yeSizwe yoQuquzelelo loKhuseleko lweNdelela
OLP	IPhepha-mvume loMqhubi kunye namaPhepha-mvume (iCandelo leDTPW)
OSD	Ukunkezelwa kweMisebenzi ethile
PEP	IsiCwangciso sePhondo soVavanyo
PER	INgxelo yokuSebenza kakuhle kwePropati
PERO	Uhlelo loQoqosho lwePhomo neMbonakalo
PLTF	IsiCwangciso-nkqubo sePhondo zeZithuthi zeNdelela
PPP	Uthelelwano lukaRhulumente nolwangesese
PRASA	I-Passenger Rail Agency of South Africa
PRMG	UMnikelo woLolongo lweNdelela zePhondo
PRE	UGunyaziwe oLawulayo wePhondo
PSDF	IsiCwangciso-nkqubo soPhuhliso lweSithuba sePhondo
PSG	INjongo ueQhinga yePhondo
PSTP	INkqubo yePhondo yoThutho eZinzileyo
PSP	IsiCwangciso seQhinga lePhondo
PTOG	UMnikelo weMisebenzi yoThutho lukaWonke-wonke
PTRS	INkqubo eLawulayo yeZithuthi zikaWonke-wonke
QMS	INkqubo yoLawulo lwee-Asethi zeNdelela
RAMS	INkqubo yoLawulo lwee-Asethi zeNdelela
RBT	Iprojekti yohlolo lomphfumlo ngokungakhethi
RCAM	Uhlalelo lweNdelela noLawulo loFikelelo

RISFSA	IsiCwangciso-nkqubo seQhinga leZibonelelo zeNdlela soMzantsi Afrika
RSM	ULawulo LoKhuseleko lweNdlela (iCandelo leDTPW)
SANTACO	IBhunga leSizwe leeTeksi loMzantsi Afrika
SAPS	INkonzo yamaPolisa yoMzantsi Afrika
SCM	ULawulo lweSixokelelwano soNikezelo
SDF	IsiCwangciso-nkqubo soPhuhliso lwesiThuba
SDGs	IiNjongo zoPhuhliso oluZinzileyo
SDIP	IsiCwangciso soPhuculo loNikezelo lweNkonzo
SOE	Ishishini likaRhulumente
SOP	Inkqubo esemngangathweni yokusebenza
STP	IsiCwangciso seQhinga leTalente
TMH	IiNdlela zoBugcisa elungiselelwe uMendo
UNFCCC	INgqungquthela yesiCwangciso-nkqubo seZizwe eziManyeneyo engeNguqu yeSimo seZulu
VSSC	Iziko leeNkonzo zoLwabelwao lweNdawo eluNcedo
WCED	ISebe lezeMfundo leNtshona Koloni
WCFDM	UYilo lweBango lweNtlawulo yoThutho lweNtshona Koloni
WCG	URhulumente weNtshona Koloni
WCIF	IsiCwangciso-nkqubo seZibonelelo seNtshona Koloni
WO	Ithuba lomsebenzi

# ICandelo A: Uvavanyo ngokubanzi IweQhinga

## 1 Umbono

ISebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente liyawanikela umbono woRhulumente weNtshona Koloni (WCG) njengoko uqulathwe kwisiCwangciso seQhinga sePhondo 2014 – 2019:

“Ithuba elivuleleke kuluntu kulungiselelwa wonke umntu.”

UMbono wayo iDTPW uyahambelana nombono weWCG:

“Ukukhokela kunikezelo lwezibonelelo zikarhulumente kunye neenkonz ezinxulumene nazo”

## 2 UMnqophiso

“I-DTPW inikezela ngezibonelelo neenkonz ukukhuthaza imiphumela yoqoqosho lwentlalo nokhuseleko, ixhobisa ihlanganise uluntu.”

## 3 Iinqobo ezisesikweni

I-DTPW izibophelela ngokupheleleyo kwinqobo ezisesikweni ezingundoqo zoRhulumente weNtshona Koloni:

Umzobo 1: Iinqobo ezisesikweni zeWCG



Ezi nqobo zisesikweni zisekelwe zonke kukusebenza kunye kweqela. Inkcazelo ecalulweyo yentsingiselo nganye yeenqobo ezisesikweni ezingundoqo ithiwe thaca kwiTheyibhile 1.

**Itheyibhile 1: Inkcazelo ecacisiweyo yentsingiselo yenqobo esesikweni yeWCG**

Inqobo esesikweni	Ingxelo yendlela yokuziphatha
Ukukhathalela	<p>Sizama ukuziqonda iifundo zabantu ze sinike ingqwalasela kuzo;</p> <p>Siya kubonisa intlonipho kwabanye abantu;</p> <p>Siya kubaphatha abasebenzi ngaphezulu kokuba bengabasebenzi nje ze sibaxabise njengabantu;</p> <p>Siya kuvelana nabasebenzi;</p> <p>Siya kugxininisa imbonakalo eyakhayo yendawo yokusebenzela; yaye</p> <p>Siya kunikezela ngogxeko olwakhayo xa kudingeka.</p>
Ubuchule	<p>Siya kuzama ukuqinisekisa ngento yokokuba abasebenzi banakho ukwenza imisebenzi yabo abayiqeshelweyo ukuba bayenze, okokuba baziphile iinqobo ezisesikweni zeDTPW nento yokokuba basoloko bezamela ukubalasele;</p> <p>Siya kunikezela kwimiphumela yethu nekujoliswe kuko ngomsebenzi osemgangathweni okuhlahlo lwabiwo-mali yaye kuya kwenziwa ngethuba;</p> <p>Siya kuzama ukufezekisa iziphumo ezilungileyo kwinkonzo yabo bonke abantu eNtshona Koloni; yaye</p> <p>Siya kusebenza kunye ukuhlangabezana neembophelelo zethu zomgaqo-siseko kunye nesigunyaziso sabavoti.</p>
Ukuthatyathwa koxanduva	<p>Siyaqonda ngokupheleleyo iinjongo, iindima, izigunyaziso noxanduva;</p> <p>Sizibophelele ekunikezeleni yonke imiphumela ekuvunyenwe ngayo kwangexesha;</p> <p>Siya kuthwalisa umntu ngamnye unxanduva ngomoya wokuthembana ukunika isidima kwiimbophelelo zethu; yaye</p> <p>Njengabantu ngabanye sithabatha uxanduva nobunini bemiphumela yethu nokwamkela imiphumela yokusilela ukwenza njalo.</p>
Imfezeko	<p>Siya kufuna ingqiqo enkulu yenyano nakusiphi na isimo ze sisebenze ngemfezeko ngawo onke amaxesha;</p> <p>Siya kuthembeka, siya kubonisa intlonipho, ze sisebenze ngeenqobo ezisesikweni ngokulungileyo;</p> <p>Siya kuthembeka, ngawo onke amaxesha, sense oko sithe siya kukwenza; yaye</p> <p>Siya kusebenza ngemfezeko ngawo onke amaxesha nakuzo zonke iimeko, siqinisekisa ngento yokuba sisoloko singenabo ubuqhophololo.</p>
Inguqu	<p>Sizama ukumilisela iibono ezintsha, siyila iindlela ezinamandla zenkonzo nokuphucula iinkonzo;</p> <p>Sizama ukuba sibe abanengqiqo yokuyila abayibona imingeni namathuba kuzo zonke iinkalo;</p> <p>Sibeka abemi embindini yaye sinekhono lokucamngca ngazo zonke iindlela ze sifumane isisombululo esiluncedo;</p> <p>Sibaxabisile abasebenzi abasoloko benemibuzo ngeendlela esele zikho ngenjongo zokuzihlaziya, zokuzivuselela nokuziphucula;</p> <p>Sikhuthaza ubume apho iimboo ezinenguqu zikhuthazwayo zezivuzwe;</p> <p>Siyaziqonda iimpazamo ezenziwe ngokulungileyo, yaye sibanika ithuba abasebenzi okokuba bafunde kuzo ; yaye</p> <p>Sisombulula iingxaki ngentsebenziswano ukufezekisa iinjongo zeqhinga zombutho.</p>



Inqobo esesikweni	Ingxelo yendlela yokuziphatha
Ukusabela	<p>Siya kuyithabathela ingqalelo imbono yoluntu, simamele ze siphulaphula ilizwi labantu (ukuphulaphula kakhulu nokuthetha kancinane);</p> <p>Siya kusabela kuzo zonke iimeko ngethuba, ngalo lonke ixesha sizibuza ukuba ingaba yimpendulo elungileyo na, apho kuthe kwenzeka asanika mpendulo ilungileyo na, apho kuthe kwenzeka asanika mpendulo ilungileyo, nendlela esinganikezela ngayo inkonzo engcono;</p> <p>Siya kunxibelelwana ngentsebenziswano, nabachaphazelekayo bethu, kunye nabapapasi beedaba, sinikezela ngengcaciso epheleleyo; yaye</p> <p>Siya kuzamela ukufezekisa iziphumo ezilungileyo silungiselela abantu esibasebenzelayo nokulandela kwiingcebiso zabo.</p>

## 4 Izigunyaziso zomthetho nezinye

Isigunyaziso seDTPW sivela kuMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996, (apha ekubhekiselelwe kuwo njengoMgaqo-siseko) kunye noMgaqo-siseko weNtshona Koloni 1997 (uMthetho 1 we-1998). Ezinye izigunyaziso zinoxanduva oluqhutywa kunye, ngeli thuba ezinye ziluxanduva olupheleleyo lwesebe lorhulumente wesebe. Ezi zigunyaziso, ngokunjalo nezo ziveliswe kumthetho osebenzayo kunye nemigaqo-nkqubo, zichazwe kweli candelo.

### 4.1 Izigunyaziso zomgaqo-siseko

Ngokuhambelana neShedyuli 4, iCandelo A loMgaqo-siseko elifundwa nomnye umthetho, iDTPW inoxanduva kuqhutywa kunye kule mimandla yokusebenza ilandelayo inegunya lomthetho:

- Uthutho lukawonke-wonke (isebe lesizwe lentsebenziswano liSebe lezoThutho);
- Imisebenzi karhulumente, kodwa ngokubhekiselele kuphela kwiimfuno zamasebe orhulumente wepodo ekwenziweni koxaduva lwalo ukulawula imisebenzi enikezelwe ngqo kuwo ngokwemiqathango yoMgaqo-siseko okanye nawuphi na omnye umthetho (isebe lesizwe lentsebenziswano liSebe leMisebenzi kaRhulumente);
- Ukunikezelwa kwamaphepha-mvume ezithuthi (isebe lesizwe lentsebenziswano liSebe lezoThutho); kunye
- Nomthetho wezithuthi zendlela.

Ngokwemiqathango yeShedyuli 5, iCandelo A, efundwa nomthetho, iDTPW inoxanduva olulodwa kule mimandla yokusebenza ilandelayo enegunya lomthetho:

- lindlela zephondo nezithuthi.

I DTPW ikhokhelwa ngokunjalo nguMgaqo-siseko weNtshona Koloni njengoko iqhuba imisebenzi yalo kwimimandla yokusebenza equlunqwe kwiShedyuli 4 neyesi-5 yoMgaqo-siseko.

## 4.2 Izigunyaziso zomthetho

Umthetho wesizwe, wephondo nonqamlezileyo othi ukhokhele iDTPW ekuqhubeni uxanduva lwayo ochazwe kwiSihlomelo A.

## 4.3 Izigunyaziso zoMgaqo-nkqubo

Imigaqo-nkqubo yesizwe nephondo, amaqhinga nezikhokhelo TPW ekuqhubeni imisebenzi yayo echazwe kwiSihlomelo B.

## 4.4 Ubume beqhinga behlabathi

IiNjongo zoPhuhliso oluZinzileyo (iiSDG), umbindi we-Ajenda 2030 yoPhuhliso oluZinzileyo, zamkelwa kwiNtlanganiso yoPhuhliso oluZinzileyo lweZizwe eziManyeneyo ngoSeptemba 2015. IiSDG zakhela ubume beqhinga lehlabathi leDTPW. IiSDG zihlanganiswe yaye azihlulwa-hlulwa yaye ithantamisa amacala amathathu ophuhliso oluzinzileyo, angala, uqoqosho, intlalo nendalo. Kukho iiSDG ezili-17 nekujolise kuko okuli-169 okubonisa ubungakanani kunye nomnqwenso jikelele we-ajenda entsha. IiSDG zidweliswe kwiTheyibhile 2.

### Itheyibhile 2: IiNjongo zoPhuhliso oluZinzileyo

IiNjongo zoPhuhliso oluZinzileyo	
1.	Ukupheliswa kobuhlwempu kuzo zonke iintlobo zabo nakuyo yonke indawo.
2.	Ukupheliswa kwendlala, ukufezekiswa kokhuseleko lokutya nokuphuculwa kwesondlo, nokukhuthazwa kolimo oluzinzileyo.
3.	Ukuqinisekisa kwemiphemfulo esempilweni nokukhuthazwa kwempilo-ntle yomntu wonke kubo bonke ubudala.
4.	Ukuqinisekiswa kwemfundo elungileyo ebandakanyayo nelinganayo nokukhuthazwa kwamathuba okufunda obomi bonke kuye wonke umntu.
5.	Ukufezekiswa kokulingana ngokwesini nokuxhotyiswa kwawo onke amabhinqa namantombazana.
6.	Ukuqinisekiswa kobukho nolawulo oluzinzileyo lwamanzi nococeko lomntu wonke.
7.	Ukuqinisekiswa kofikelelo kumbane ofikelekayo, othembekileyo, ozinzileyo noweli xesha kumntu wonke.
8.	Ukukhuzwa kozinzo, ubandakanyo nokukhula okuzinzileyo koqoqosho, ingqesho ephuleleyo nenemveliso, nomsebenzi onesidima womntu wonke.
9.	Ukwakhiwa kwezibonelelo ezomeleleyo, ukukhuthazwa kobandakanyo kunye nokuveliswa kwamashishini azinzileyo nokukhuthazwa kwenguqu.
10.	Ukuncitshiswa kokungalingani ngaphakathi naphakathi kwamazwe.
11.	Ukwenziwa kwezixeko neendawo zokuhlaliswa kwabantu.
12.	Ukuqinisekiswa kosetyenziso oluzinzileyo kunye neepateni zokuvelisa.
13.	Ukuthatyathwa kwamanyathelo akhawulezileyo ukulwa inguqu yesimo sezulu kunye neempembelelo zaso (kuqatshelwe izivumelwano ezenziwe yiforam ye-UNFCCC*).
14.	Ukugcinwa nokusetyenziswa ngokuzinzileyo kweelwandlekazi, iilwandle kunye nezibonelelo zaselwandle kulungiselelwa uphuhliso oluzinzileyo.

IiNjongo zoPhuhliso oluZinzileyo	
15.	Ukukhuselwa, ukubuyiselwa esimeni kwakhona nokukhuthazwa kokusetyenziswa ngezinto kwee-ikhsosistim zehlabathi, ukulawulwa kwamahlathi ngozinz, ukulwa inkqubo yokuba yintlango nokumiswa okanye ukubuyiselwa umva ukuhla komhlaba, nokumiswa okanye ukubuyiselwa umva ukuhla komhlaba, nokumiswa kokulahleka kwebhayosayivesiti.
16.	Ukukhuthazwa kwendawo zoluntu ezinoxolo nezibandakanyayo kulungiselelwa uphuhliso oluzinzileyo, ukunikezelwa kofikeleleko kubulungisa bomntu wonke nokwakiwa kwamaziko afanelekileyo, athwala uxanduva nabandakanyayo kuwo onke amanqanaba.
17.	Ukuqiniswa kweendlela zomiliso nezovuselelo ngokutsha uthelwano lwehlabathi kulungiselelwa uphuhliso oluzinzileyo.

**UMthombo:** IiNjongo zoPhuhliso eziZinzileyo (iwebhusayiti ye-UN)

\* UNFCCC = INgqugquthela yesiCwangciso-nkqubo seSizwe eziManyeneyo ezingeNguqu yeSimo seZulu.

## 4.5 Ubume beqhinga lesizwe

Izikhokhelo zeqhinga lesizwe ezichazwe ngesezantsi zikhokhela isiCwangciso seQhinga seDTPW 2015/16 – 2019/20.

### 4.5.1 IsiCwangciso soPhuhliso seSizwe (NDP): Umbono 2030

I NDP 2030: Ikamva lethu – Yenze iSebenze ngundoqo kwisicwangciso-nkqubo seqhinga sesizwe. Sithi thaca okuphambili okuthandathu okunxulunyanisiweyo okuthungelana:

- Nokuhlanganisa bonke abemi boMzantsi Afrika kwinkqubo efanayo ukulungiselela ukufezekisa ukuhluma nobulungisa;
- Nokukhuthaza ubumi obudlamkileyo ukulungiselela uphuhliso oluqinisiweyo, idemokhrasi nokuthwalwa koxanduva;
- Nokuziswa nokukhula okukhawulezileyo koqoqosho, utyalo-mali oluphezulu nokufakwa kakhulu kwabasebenzi emisebenzini;
- Nokunika ingqwalasela kumakhono abantu angundoqo kunye norhulumente;
- Nolwakiwo korhulumente onekhono nophuhlayo; kunye
- Nokhuthazo kobunkokheli obomeleleyo kulo lonke uluntu ukulungiselela ukusebenza kunye ukusombulula iingxaki.

I NDP iqaqambise imingeni yokumiliselwa kwemigaqo-nkqubo nokunqongophala kothelwano olubanzi njengezona zizathu ziphambili zenkqubela phambili ecothayo. Imingeni eyeyona ibalulekileyo kunye nezindululo ezichongwe kwiNDP ethe yafaneleka ikakhulu kwimisebenzi yeDTPW ichazwe kwiTheyibhile 3.

### Itheyibhile 3: Imingeni ebalulekileyo

Ukukhula nemisebenzi	Ukuncitshiswa kweempembelelo ezimbi zendlala kwizigidi zabemi boMzantsi Afrika kwisithuba esifutshane.
	Ukwandiswa kweenkqubo zikarhulumente zengqesho kubathabathi-nxaxheba abazizigidi ezibini ngowama-2020. Njengoko inani lemisebenzi yecandelo elisesikweni nelingekho sikweni lisanda, iinkqubo zemisebenzi karhulumente inokutotyelwa ezantsi.

<b>Uphuhliso lwezibonelelo</b>	Ukwandiswa kotyalo-mali kuthutho lukawonke-wonke nokusonjululwa kwemiba ekhoyo yomgaqo-nkqubo wothutho lukawonke-wonke, kubandakanywa nokutsalwa kotyalo-mali lwecandelo langasese. Utyalo-mali lukarhulumente nolwangasese kufuneka lubhekiselele ekwandisweni kweenkonzo zebhasi, ukuhlaziywa koololiwe babakhweli, kunxulunyaniswe iipaseji ezinamanani aphezulu abantu, nokuhlanganisa konke oku kwinkonzo esebenzayo. Urhulumente kufuneka alungelelanise olu tyalo-mali ukwandisa umlinganiselo woqoqosho.
	Ukwenziwa ngexesha elinye nokulungelelaniswa konikezelwa kwezibonelelo phakathi kwamasebe karhulumente ukukhuthaza ukukhula koqoqosho okunzinzileyo.
	Ukukhula ngokukhawuleza ngendlela apha ebandakanya kakhulu, ilizwe lidinga amanqanaba aphezulu enkitho yezakhiwo ngokubanzi, kunye ngakumbi utyalo-mali lukarhulumente.
	Ngokubhekiselele kwindawo yokuhlala, ukungenisa ngamanqanaba umthetho-siseko wabasebenzisa abahlawule iinkonzo ezinikezelweyo.
<b>Uphuhliso lwesithuba</b>	Ukunikezelwa kothutho lukawonke-wonke oluthembekileyo nolufikelekayo nolungelelwaniso olungcono kubo bonke oomasipala naphakathi kweentlobo ezahlukeneyo.
	Ukunikezelwa kwezibonelelo okusabelayo kwiimfuno zesithuba nengqiqo.
	Ukushunqelelwa komgama wokuhamba nokwanda koxinano lwedolophu.
	Ukubonelelwa kwamaqhinga othutho kumaphandle nezibonelelo ukusekela uphuhliso loqoqosho lwamaphandle nentlalo.
<b>Uhlaziyo lweenkonzo karhulumente</b>	Ukomelezwa ngokutsha kwendima karhulumente ekuveliseni amakhono obuchule engcungela adingekayo ukuzalisekisa imisebenzi yayo engundoqo. Ukuphuhliswa kwamakhono emisebenzi eyahlukeneyo kulungiselelwa iingcungela zobuchule.
	Uphuhliso lwabasebenzi abanamakhono namagcisa enkonzo karhulumente.
	Ukucaciswa ngaphezulu kweendima nokuthotyelwa kwamagunya kwamanye amanqanaba oxanduva lothutho lukawonke-wonke kumasebe asezantsi afanelekileyo.
	Ukwamkelwa kwendlela engaphantsi kwinqanaba kulungelelwaniso lwamasebe ukulungiselela ukuba uninzi lwemiba lunakho ukusonjululwa phakathi kwamagosa ngonxibelelwano oluqhelekileyo kwemihla ngemihla.

I NDP ichaza into yokokuba inguqu kumgaqo-nkqubo inokuba yimfuneko ukulungiselela ukumiliselwa kwesiCwangciso kwamanye amathuba, kodwa kuninzi lwemimandla, kukwenza isiseko sibe sesilungileyo, ukumiliselwa kweenkqubo zikarhulumente, ukwenza abantu ukuba bathabathe uxanduva lwezenzo zabo, nokufunyanwa kwezisombululo zenguqu kwimingeni enzima. Imisebenzi yeDTPW iyasabel kwimingeni ebalulekileyo echongwe kwiNDP ngeendlela ezichazwe kwiTheyibhile 4.

**Itheyibhile 4: Ulungelelwano phakathi kwemisebenzi yeDTPW neNDP**

Uphuhliso lwezibonelelo	IiNkqubo zeDTPW	Imisebenzi yeNDP elungiselelaniswe neDTPW
Ukwandiswa kotyalo-mali kuthutho lukawonke-wonke nokusonjululwa kwemiba ekhoyo yomgaqo-nkqubo wothutho, ibandakanya ukutsalwa komdla wotyalo-mali lukarhulumente nolwagasese kufuneka kubhekiselele ekwandisweni kweenkonzo zebhasi, nokuhlaziywa koololiwe babakhweli, inxulumanisa iipaseji ezizele ngabantu kakhulu nokuhlanganiswa konke oku kwinkonzo efanelekileyo.	3: Isibonelelo sothutho; kunye 4: Nemisebenzi yothutho.	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Isizibonelelo zothutho;</li> <li>• linkonzo zezivumelwano zebhasi ezixhaswa ngemali;</li> <li>• Ubeko-liso lwe-elektroniki lweenkonzo zebhasi ezixhaswa ngemali;</li> <li>• UThungelwano oluHlangeneyo loThutho lukaWonke-wonke lwaseGeorge (GIPTN); kunye</li> <li>• NeNkqubo yePhondo yoThutho oluZinzileyo (PSTP) esebenza ngaphandle kwemida yeSixeko saseKapa (CoCT).</li> </ul>
Ukukhula ngokukhawuleza ngendlela ebandakanyayo, ilizwe lidinga amanqanaba aphezulu enkcitho yezakhiwo ngokubanzi, kunye notyalo-mali lukarhulumente ingakumbi.	2: Izibonelelo zemisebenzi karhulumente; kunye 3: Nezibonelelo zothutho.	<ul style="list-style-type: none"> <li>• UYilo lokuPhila okuNgcono;</li> <li>• Izibonelelo zeMisebenzi kaRhulumente (ulolongo lwendawo yokuhlala yephondo ngokubanzi kunye nolwakhiwo); kunye</li> <li>• Nezibonelelo zoThutho.</li> </ul>
Uphuhliso lwesithuba	IiNkqubo zeDTPW	Imisebenzi yeNDP elungiselelaniswe neDTPW
Ukunikezelwa kothutho lukawonke-wonke oluthembeke kakhulu nokufikelekayo olunolungelelwano olungcono kubo bonke oomasipala naphakathi kweentlobo ezahlukeneyo, ezinxulunyanisiwe neemfuno zesiCwangciso (PSDF).	1: ULawulo; 3: Izibonelelo zezithuthi; 4: Imisebenzi yoThutho; kunye 5: Nemithetho yothutho.	<ul style="list-style-type: none"> <li>• PSTP;</li> <li>• IsiCwangciso-nkqubo sePhondo soThutho loMgaqo (PLTF);</li> <li>• Ucwangciso lwezibonelelo zeNdlela noyilo;</li> <li>• Izicwangciso ezihlangeneyo zothutho (ii-ITP);</li> <li>• linkonzo zezivumelwano zebhasi ezixhaswa ngemali;</li> <li>• Ubeko-liso lwe-elektroniki lweenkonzo zebhasi ezixhaswa ngemali;</li> <li>• GIPTN;</li> <li>• Inkqubo yokufika eKhaya uKhuselekile; kunye</li> <li>• Unikezelo lwamaphepha-mvume omqhubi.</li> <li>• Uthutho lukawonke-wonke oluhlangeneyo</li> <li>• UMthetho oYilwayo woLoliwe wePhondo leNtshona Koloni</li> <li>• IYunithi yololiwe yonyanzeliso.</li> </ul>

Uphuhliso lwesithuba	IiNkqubo zeDTPW	Imisebenzi yeNDP elungiselelaniswe neDTPW
Ukwenziwa mifutshane kwemigama yohambo, ukuphuculwa kwamaxesha okuhamba, kunye nokwandiswa kwengxinano yedolophu.	1: ULawulo.; 2: Izibonelelo zemisebenzi karhulumente; 3: Izibonelelo zoThutho; kunye 4: NeMisebenzi yoThutho.	<ul style="list-style-type: none"> <li>• PLTF;</li> <li>• Indawo ye-ofisi kwisakhiwo sephondo ngokubanzi – INkqubo yokuKwenziwa ibe yela maxesha i-Ofisi;</li> <li>• IsiCwangciso seNdawo yokuhlala esiBanzi;</li> <li>• Amaqhinga olawulo lwabango lokuhamba;</li> <li>• UYilo lokuPhila okuNgcono;</li> <li>• Uphuhliso nomiliselo lweenkqubo zokunikwa kwengxelo yolawulo lwepropati ukuninisekisa ukusetyenziswa okufanelekileyo nokusebenzayo kwee-asethi ezingashukumayo zikarhulumente;</li> <li>• Uphuculo lokuxinana kuhola; kunye</li> <li>• Ii-ITP.</li> </ul>
Uphuhliso lwezibonelelo	IiNkqubo zeDTPW	Imisebenzi yeNDP elungiselelaniswe neDTPW
Ubonelelo lwamaqhinga othutho lwasemaphandleni kunye nezibonelelo ukusekela uqoqosho lwamaphandle namathuba entlalo.	1: ULawulo; 3: Izibonelelo zoThutho; kunye 4: Imisebenzi yoThutho.	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Izicwangciso ezihlangeneyo zophuhliso (ii-IDP);</li> <li>• Ii-ITP;</li> <li>• UMmandla yoPhuhliso loShishino lwaseSaldanha (IDZ) ulwakhiwo lwendlela;</li> <li>• Ulolongo lwendlela zephondo kunye neeprojekti zezibonelelo zendlela zolungiso lwendlela ezonakaliswe zimpuphuma;</li> <li>• Inkxaso-mali yemigaqo kamasipala ezazisiweyo;</li> <li>• Iiprojekti zezithuthi zikarhulumente nezingenjini (NMT); kunye</li> <li>• PSTP.</li> </ul>

Uhlaziyo lwenkonzo karhulumente	IiNkqubo zeDTPW	Imisebenzi yeNDP elungiselelaniswe neDTPW
<ul style="list-style-type: none"> <li>Ukuhlaziywa ngokutsha kwendima karhulumente ekuveliseni amakhono obuchule eengcungela ukuzalisekisa imisebenzi yazo engundoqa. Ukuphuhliswa kwamakhono afanelekileyo kulungiselelwa amagcisa obuchule.</li> <li>Ukuphuhliswa kwabanamakhono namachule enkonzo karhulumente.</li> <li>Ukukhula nemisebenzi, imfundo namakhono, kunye norhulumente onekhono nophuhlayo.</li> </ul>	1: ULawulo; 3: Isibonelelo sothutho; 5: UMthetho wezoThutho; kunye 6: IiNkqubo ezisekwe kuLuntu.	<ul style="list-style-type: none"> <li>INkqubo yeBhasari iMasakh'iSizwe;</li> <li>INkqubo yoPhuhliso kwaMachule;</li> <li>IQhinga lePhondo loLoliwe nesiCwangciso soMiliselo;</li> <li>INkqubo eHlangeneyo yeNgcaciso yeNdawo ephuculweyo (GIS) kunye nengcaciso yolawulo lwee-asethi;</li> <li>Iskimu sebhasari yabasebenzi;</li> <li>IsiCwangciso saMakhono eNdawo yokuSebenza;</li> <li>Uqeqesho lonyanzeliso lomthetho wezithuthi;</li> <li>INkqubo eYandisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente (EPWP); kunyr</li> <li>iNkqubo yoqeqesho usengqeshweni.</li> </ul>
Uhlaziyo lwenkonzo karhulumente	IiNkqubo zeDTPW	Imisebenzi yeNDP elungiselelaniswe neDTPW
Ukuphuculwa kokuchazwa kweendima nophuhliso loxanduva lothutho kwicandelo lobuchule eliphantsi	4: IMisebenzi yothutho; kunyr 5: UMthetho wezoThutho.	<ul style="list-style-type: none"> <li>PSTP;</li> <li>Ikomiti yoququzelelo ye-ITP;</li> <li>UMthetho wezoThutho lukaWonke-wonke;</li> <li>UMnikelo wokuSebenza woThutho lukaWonke-wonke (PTOG);</li> <li>GIPTN; kunye</li> <li>NeeNkqubo zophuculo: iCandelo loLawulo lePhondo (PRE).</li> </ul>
Uphuhliso lwezibonelelo	IiNkqubo zeDTPW	Imisebenzi yeNDP elungiselelaniswe neDTPW
Ukwamkelwa kwendlela esezantsi ngenqanaba kulungelelwaniso lwamasebe ukulungiselela okokuba uninzi lwemiba lube nokusonjulula phakathi kwamagosa ngonxibelelwano oluqhelekileyo lwemihla ngemihla.	1: ULawulo; 2: Izibonelelo zeMisebenzi kaRhulumente; 3: Izibonelelo zoThutho; 4: IMisebenzi yoThutho; 5: UMthetho wezoThutho; kunye 6: NeeNkqubo eziSekwe kuLuntu	<ul style="list-style-type: none"> <li>Ukuthabatha inxaxheba kwinkqubo yoncitshiso lwezithintelo;</li> <li>Ukuthabatha inxaxheba kweNkqubo yePhondo yoLawulo oluNqamlezileyo;</li> <li>INkqubo yokuPhuculwa koNikezelo lweNkonzo;</li> <li>INkqubo yoLawulo lokuNikezelwa kweZibonelelo (IDMS);</li> <li>Ukusekwa kwezicwangciso zolawulo lololongo lwendlela; kunye</li> <li>Nokuthatyathwa kwenxaxheba kumalinge ochwangciso ahlangeneyo kunye neNdlela yoLuntu oluPheleleyo Whole-of-Society Approach (WoSA).</li> </ul>

#### 4.5.2 IsiCwangciso-nkqubo seQhinga seSithuba esiPhakathi(MTSF)

Ngokuhambelana neNDP, urhulumente wesizwe wamkele isiCwangciso-nkqubo seQhinga seSithuba esiPhakathi ukulungiselela ukunikezelwa ngesikhokhelo seqhinga kwiinkqubo zikarhulumente kwisithuba sesicwangciso seqhinga sowama-2014 – 2019. I

MTSF liinqanaba lokwakha lokuqala leminyaka emihlanu ukulungiselela ukunikela ngokubhekiselele kufezekiso lombono kunye neenjongo zeNDP yexesha elide yelizwe. I MTSF iqulathe ngokunjalo amalinge angundoqo omgaqo-nkqubo aphuma kwizicwangciso zoorhulumente abangabanye abathathu ezinikela ngokubhekiselele kumbono weNDP, njengoko kubonisiwe kwiTheyibhile 5.

**ITheyibhile 5: Izicwangciso zikarhulumente ezithi zinikele kumbono weNDP**

<b>INdlela entsha yokuKhula</b>	Ukuguqulwa kwendlela yophuhliso loqoqosho.
<b>IsiCwangciso seSizwe seZibonelelo</b>	Sikhokhela ukumilisela kweeprojekti zezibonelelo ukuphucula impilo yabantu nokunceda ukukhula koqoqosho.
<b>IsiCwangciso sokuSebenza soMgaqo-nkqubo weShishini</b>	Ukuxhasa ukuveliswa ngokutsha kwamashishini oqoqosho.

I MTSF icwangcise kwimiphumela ephambili eli-14 njengoko kubonisiwe kwitheyibhile 6.

**ITheyibhile 6: IMiphumela ePhambili yeMTSF**

<b>UMphumela weSizwe 1</b>	Imfundo esemgangathweni yesiseko.
<b>UMphumela weSizwe 2</b>	Ubomi obude nobunempilo kubo bonke abemi boMzantsi Afrika.
<b>UMphumela weSizwe 3</b>	Bonke abantu boMzantsi Afrika baziva bekhuselekile.
<b>UMphumela weSizwe 4</b>	Inggesho enesidima ngokukhula okubandakanyayo.
<b>UMphumela weSizwe 5</b>	Abasebenzi abanekhono ukulungiseleka ukuxhasa indlela yokukhula ebandakanyayo.
<b>UMphumela weSizwe 6</b>	Uthungelelwano olufanelekileyo, okukhuphisanayo nolusabelayo lwezibonelelo zoqoqosho.
<b>UMphumela weSizwe 7</b>	Iingingqi zoluntu lwasemaphandleni ezivuselekileyo ezilinganayo, ezizinzileyo ezinikelayo kukhuseleko lokutya lukawonke-wonke.
<b>UMphumela weSizwe 8</b>	Ukuhlaliswa kwabantu okuzinzileyo nokuphuculwawo kokulunga kobomi kumakhaya.
<b>UMphumela weSizwe 9</b>	Umasipala osabelayo, othabatha uxanduva, osebenzayo nofanelekileyo.
<b>UMphumela weSizwe 10</b>	Ukukhuselwa nokwandiswa ii-asethi zethu zendalo nezibonelelo zendalo.
<b>UMphumela weSizwe 11</b>	Ukuyilwa koMzantsi Afrika ongcono, i-Afrika engcono nehlabathi elingcono.
<b>UMphumela weSizwe 12</b>	Inkonzo karhulumente efanelekileyo, esebenzayo nejolise kuphuhliso.
<b>UMphumela weSizwe 13</b>	Ukhuseleko lwentlalo.
<b>UMphumela weSizwe 14</b>	Ulwakhiwo lwesizwe nolungelwaniso lwentlalo.

I WCG ixhasa iinjongo neNDP neMTSF ngokusebenzisa iqhinga laye le-OneCape 2040, elilungelelanisa izicwangciso nezenzo zabo bonke abachaphazelekayo besebe ukulungiselela ukufezekisa impembelelo ephelleleyo yoqoqosho lwentlalo.

**4.6 Ubume beqhinga bePhondo**

Iinkqubo zeDTPW nemisebenzi ilungelelaniswe nePSDF, iGrowth Potential Study of Towns eNtshona Koloni (GPS), kunye nezikhokhelo zeqhinga zephondo ezichazwe ngasezantsi.



#### 4.6.1 I-OneCape 2040

I-OneCape 2040 ixhabe ekukhuthazeni Ikamva loqoqosho elibandakanya kakhulu nelomeleleyo kulungiselewa ummandla waseNtshona Koloni ngokusetyenziswa kwe-ajenda yoqoqosho yexesha elide ejolise kwizithuba ezithe ngqo ezithandathu nje ngoko kubonisiwe kwiTheyibhile 7.

#### ITheyibhile 7: I-OneCape 2040: Imimandla yesithuba ethe ngqo

Ukufundiswa kweKapa	Wonke umntu uyakuxhotyiswa ngokufanelekileyo kulungiselelwa amathuba.
	Amaziko e-ikholoji, oyilo, inzululwazi, enguqu yentlalo nobuchule.
Ukushishina kweKapa	Nawuphi na umntu ofuna ungenela uqoqosho unakho ukusebenza.
	Indawo ongayikhetha yoshishino.
IKapa eliluhlaza	Bonke abantu bayafikelela kumanzi, kumbane neenkonziso zothutho lwenkunkuma.
	Liyinkokheli nomguquli kuqoqosho oluhlaza.
Uthungelwano neKapa	Ulwamkelo, uluntu olubandakanyayo noluhlangeneyo.
	Indawo yokuhlangana yehlabathi nonxulumaniso neemarike ezintsha.
IKapa elihlalwayo	Liyahlaleka liyafikeleleka, amathuba aphezulu kubumelwane needolophu.
	Libekwa njengendawo ebalulekileyo yokuhlala kwihlabathi.
IKapa elikhokhelayo	Liyazingca, ubunkokheli obunoxanduva lwentlalo kuwo oke amanqanaba.
	Amaziko akumgangatho wehlabathi.

#### 4.6.2 IsiCwangciso-nkqubo seZibonelelo seNtshona Koloni (WCIF)

I WCIF sisicwangciso-nkqubo seqhinga sethuba elide silungelelaniswe kumbono nethuba elibekiweyo le-One Cape 2040. I WCIF itha thaca iinguqu ezifunekayo kunye nee-ajenda zophuhliso ezinxulumene kunikezelo lwezibonelelo ukufezekisa ngokupheleleyo izithuba ze-One Cape 2040. Ngokuthambekele kwimbali engaphelelanga esekwe kwicandelo nakwiziko yocwangciso lwesibonelelo, iWCIF ichaze indlela entsha kucwangciso olulungelelwanisiweyo nolweqhinga lezibonelelo. I WCIF yamkelwa ngowama-2013 yaye sele ifanelekile okokuba ihlaziye.

#### 4.6.3 IInjongo zeQhinga zePhondo (iiPSG)

I WCG iphuhlise iiPSG ezintlanu ilungiselela isithuba socwangciso seqhinga seminyaka emihlanu ukunceda kwimimandla yayo ephambili yeqhinga njengoko lilungelelaniswe kwiNDP, MTSF kunye ne-OneCape 2040. Zizonke iiPSG zenza isiCwangciso seQhinga lePhondo (PSP) 2014–2019 njengoko kubonisiwe kuMzobo 2.

## UMzobo 2: IiNjongo zeQhinga lePhondo



### INJONGO YEQHINGA 1:

Ukuyilwa kwamathuba

### INJONGO YEQHINGA 2:

Ukuphuculwa kwemiphumela kwemfundo kunye namathuba alungiselelwe uphuhliso lolutsha

### INJONGO YEQHINGA 3:

Ukwandiswa kwempilo-ntle, ukhuseleko nokuhlasela ububi bentlalo

### INJONGO YEQHINGA 4:

Ukuncedisa kubum obomeleleyo, obuzinzileyo, okulungileyo kunye nokuhlala okubandakanyayo

I WCG ikhethe iiGame-Changers ezithile ezikhutshwe kokuphambili kweqhinga leePSP. IiGame-Changers kobu bume zichazwe njengemingeni okanye amathuba athi afune amalinge ajolisileyo ekuziseni utshintsho lwenguqu.

Unxulumaniso phakathi kwemiphumela ephambili yeMTSF, iiPSG, iiGame-Changers, iiNjongo eziJolise kuMphumela weQhinga leDTPW (iiDSG) kunye neeNkqubo zoHlahlo Lwabiwo-mali luchazwe kwiTheyibhile 8. IiNkqubo zoHlahlo Lwabiwo-mali zinjengezi zilandelayo:

**INkqubo 1:** ULawulo;

**INkqubo 2:** IZibonelelo neMisebenzi kaRhulumente;

- INkqubo 3:** IZibonelelo zoThutho;  
**INkqubo 4:** IMisebenzi yoThutho;  
**INkqubo 5:** UMthetho wezoThutho; kunye  
**INkqubo 6:** INkqubo eSekwe kuLuntu.

I DTPW ithabatha inxaxheba kunye/okanye inikela kwiiGame-Changers: iProjekti Khulisa, uKhuseleko loMbane, Integrated Better Living Model, Apprenticeships, kunye nokuNcithiswa kokuSetyenziswa Gwenxa koTywala. Unxulunyaniso lwePSP kubume bokusebenza kweDTPW, lubandakanya iiGame-Changers, luchazwe kwiTheyibhile 8.

**ITheyibhile 8: Unxulumaniso lwePSG kubume bokusebenza beDTPW**

PSG 1: Ukuyilwa kwamathuba kulungiselelwa ukukhula nemisebenzi			
IiNjongo eziJolise kuMphumela weQingha le/sebe	INkqubo	UMnikelo	Umnikelo kwiGame Changer
<b>DSG 1:</b> Ukwandiswa koxhutyiso noyilo lwemisebenzi kwiNtshona Koloni.	2	Amathuba emisebenzi ayiliweyo ngolwakhiwo lwezibonelelo zezindlu zephondo kunye neeprojekti zololongo.	<b>IProjekti Khulisa:</b> <ul style="list-style-type: none"> <li>Imigaqo - IDZ yaseSaldanha;</li> <li>Ulolongo lwemigaqo (uqoqosho, ukhenketho nolimo).</li> </ul> <b>Ukhuseleko lombane:</b> <ul style="list-style-type: none"> <li>Ukufaneleka kombane kwizakhiwo zikarhulumente.</li> </ul>
		INkqubo yamaGosa okukhanda izithuthi.	
	3	I-EPWP ebandakanywe kuyilo lweeprojekti zezibonelelo.	
		Amathuba emisebenzi ayiliweyo ngolwakhiwo lwezibonelelo zezindlu zephondo kunye neeprojekti zololongo.	
	4	Amathuba emisebenzi ayiliweyo ngomisielo likawonke-wonke kunye nonxibelelwano lweNMT.	
		Inkonzo zesivumelwano sebhasi ezixhaswa ngemali nokubekwa kweliso kumsebenzi.	
		Inkonzo ye-Dial-a-Ride elungiselelwe abakhweli abanezidingo ezizodwa.	
		Ulawulo lweprojekti elungiselelwe kwiPTOG.	
	6	INkqubo yoBume boLwakhiwo obunxulumene neMisebenzi yoShishino.	
		INkqubo yoXhobiso loVavanyo lweMpembelelo (EmplA).	
		Ulungelwaniso lwePhondo lwamaqumrhu omiliseho lwe-EPWP.	
		INkqubo yoPhuhliso lweKontilaka	
	<b>MTSF:</b> UMphumela weSizwe 4: Inqesho enesidima ngokusetyenziswa kokukhula okubandakanyayo.		

PSG 2: Imiphumela ephuculweyo yemfundo namathuba alungiselelwe uphuhliso lolutsha			
liNjongo eziJolise kuMphumela weQhinga leSebe	INkqubo	UMnikelo	Umnikelo kwiGame Changer
<p><b>DSG 1:</b> Ukwandisa koxhotyiso noyilo lwemisebenzi kwiNtshona Koloni.</p> <p><b>DSG 2:</b> Ulawulo lwezibonelelo lwephondo kunye nee-asethi ezingashukumayo kwiNtshona Koloni.</p>	1, 2, 3	ISkimu seBhasari sangaphakathi kunye nesiCwangciso saMakhono eNdawo yokuSebenza.	<p><b>Uqeqesho usengqeshweni:</b> INkqubo yamagcisa.</p>
		INkqubo yeBhasari yeMasakh'iSizwe.	
		INkqubo yoPhuhliso yoBugcisa kubandanywe ukuqeshwa kwabanezidanga kunye neNkqubo yokuQheliswa.	
	1, 2, 3, 4, 5, 6	Ukuqeshwa kwabaqeqeshwa besengqeshweni.	
	2	I-arhente yomiliselo elungiselelwe ukunikezelwa kwezibonelelo zamaziko emfundo ancedayo.	
		Isibonelelo sendao ye-ofisi ukuxhasa inkqubo yemfundo.	
	5	Imfundo ngokhuseleko lwendlela nolwazi ezikolweni.	
		Uqeqesho lwamaphepha-mvume abafundi.	
	6	Uphuhliso lwamakhono – iNkonzo yeSizwe yoLutsha.	
	<b>MTSF: UMphumela weSizwe 1: Imfundo yesisko elungileyo.</b>		

PSG 3: Ukwandiswa kwempilo-ntle, ukhuseleko nokuhlaselwa kobubi bentlalo			
IiNjongo eziJolise kuMphumela weQingha leSebe	INkqubo	UMnikelo	Umnikelo kwiGame Changer
<p><b>DSG 2:</b> Ukulawulwa kwezibonelelo zephondo kunye nee-asethi ezingashukumiyo kwiNtshona Koloni</p> <p><b>DSG 3:</b> Ukunikezelwa kweenkqubo zoThutho eziKhuselekileyo, ezifanelekileyo nezihlangeneyo eNtshona Koloni.</p>	2	I-Arhente yomiliselelo elungiselelwe ukunikezelwa kwezibonelelo zamaziko ancedayo empilo.	<p><b>Alcohol Harms Reduction:</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>Ikhulanda yeKhaya eLiKhuselekileyo</li> <li>Iprojekti yokuhlolwa kobuNgqina boTywala kuMphefumlo (EBAT)</li> </ul>
		Ukunikezelwa kwendawo ye-ofisi ukuxhasa inkqubo yempilo.	
	4	Inkqubo yomiiselo lokhuseleko lweziThuthi zikawonke-wonke.	
	3, 5	Uqeqesho lonyanzeliso lomthetho wezithuthi zikawonke-wonke.	
		Unyanzeliso lomthetho wezithuthi.	
		Izicwangciso zokhuseleko lwesithili (iiDSP).	
Ulawulo lwezibonelelo zendlela.			
Uqeqesho lonyanzeliso lomthetho wezithuthi.			
<b>MTSF:</b> UMphumela weSizwe 2: Ubomi obude nobunempilo kubo bonke abemi boMzantsi Afrika.			

PSG 4: Ukunceda ubume bokuphila obomeleleyo, obuzinzileyo, obulungileyo nobubandakanya bonke					
liNjongo eziJolise kuMphumela weQhinga leSebe	INkqubo	UMnikelo	Umnikelo kwiGame Changer		
<p><b>DSG 2:</b> Ulawulo lwezibonelelo zephondo kunye nee-asethi ezingashukumiyi eNtshona Koloni.</p> <p><b>DSG 3:</b> Ukunikezelwa kweenkqubo zothutho ezikhuselekileyo, ezifanelekileyo eNtshona Koloni.</p>	2	Ulawulo lwesikhundla see-asethi engashukumiyi.	<p><b>UYilo oluHlangeneyo lokuPhila oluNgcono:</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukunikezelwa kweProjekti iBetter Living Model Exemplar eConradie Hospital ePinelands.</li> <li>• Ukunikezelwa koPhuhliso lwe-Artscape/ Founders Garden eKapa.</li> </ul>		
		Uphuculo kwimimandla engundoqo yokusebenza echazwe kwiNgxelo yonyaka yokuSebenza kakuhle kwePropati (PER).			
		Umiliselo oluqhubekayo lweNkqubo yokwenziwe ngokutsha kwe-ofisi.			
		Ukuncipha kusetyenziso lwamanzi kwizakhiwo zezibonelelo ngokubanzi.			
		Ukuncipha kusetyenziso lombane kwindawo zee-ofisi ezithile.			
		Uyilo kunye nolwakhiwo lwezakhiwo ezitsha ngokuhambelana nemithetho-siseko yolwakhiwo oluluhlaza.			
		Ukumilisela kokuguqulwa kwenkunkuma iphinde isetyenziswe kwakhona kunye neenkqubo zokulawulwa kwenkunkuma			
		Ukugecwa kweziza ezingenanto ezizezephondo.			
	3	I-arhente yomiliselo ilungiselelwe unikezelo lwezibonelelo zamaziko olondolozo lwendalo.			
		Ulwakhiwo nololongo lwezibonelelo zothutho.			
	4	Uhlaziyo lwemigodi ebolekiweyo kunye neNkqubo yeNgcaciso yoLawulo lwee-Asethi zeNdlela.			
		Umliselo lwePSTP.			
		IProjekti yeGIPTN			
		Iinkonzo zesivumelwano zebhasi ezixhaswa ngemali – PTOG			
				Iiprojekti zeKhaya elikhuselekileyo neeDSP	

	5	Abaqhubi bezithuthi zikawonke-wonke nokunikezelwa kwamaphepha-mvume ezithuthi	
		Ukuphuculwa kolawulo kunye neenkqubo kubume bolawulo lothutho.	
<b>MTSF:</b> UMphumela weSizwe 6: Uthungelwano olufanelekileyo, olukhuphisanayo nolusabelayo lwezibonelelo zoqoqosho.			
<b>MTSF:</b> UMphumela weSizwe 8: Ukuhlaliswa kwabantu okuzinzileyo nokuphuculwa kokulunga kubomi bekhaya.			

PSG 5: Ukwendeliswa kolawulo olulungileyo nokunikezelwa kwenkonzo okuhlangeneyo ngokusetyeniswa kothelwano nolungelelaniso lwesithuba			
IiNjongo eziJolise kuMphumela weQhinga leSebe	INkqubo	UMnikelo	Umnikelo kwiGame Changer
<p><b>DSG 4:</b> Ukukhuthaza ulawulo olulungileyo, olusebenzayo nolufanelekileyo kuyo yonke iDTPW.</p>	1, 2, 3	Ukhlaziywa kweITP.	-
		INkqubo yoLawulo loHloa.	
		PLTF.	
		Izicwangciso zenkxaso yeziko lezothutho lukawonke-wonke.	
		Ukumiliselw kwe-IDMS.	
		INkqubo yoLawulo lweNgcaciso yee-Asethi (AIMS)	
		Amangenelo oqeqesho loLawulo lweSixokelelwano soNikezelo (SCM).	
		Uvavanyo ngokutsha lwemiyalelo yemali.	
	Ukumiliselwa kweQhinga loLawulo loLwazi.		
	2	Umilisele oluqhubekayo lweNkqubo yokwenziwa ngokutsha kwe-ofisi.	
		Ukususwa ze kubekwe omnye endaweni yoMthetho woLawulo loMhlaba weNtshona Koloni.	
4	Umthetho wothutho lwephondo nemimisele.		



	5	Ulawulo nophuculo lobhaliso kunye nemisebenzi yephephamvume lokusebenza kulungiselelwa uthutho lukawonkewonke kunye nobhaliso nohlolo lwabaqhubi nezithuthi.	
	1,2,3,4,5,6	Ukuzinziswaa kwemiphumela yophicotho-zincwadi olungenaziphene.	
<b>MTSF:</b> UMphumela weSizwe 12: Inkonzo karhulumente efanelekileyo, esebenzayo nejolise kuphuhliso.			

#### 4.7 Ubume boomasipala

Umasipala nguye osegcakasini lokunikezelwa kwenkonzo. Ngeli thuba iDTPW iqhubeka ukwandisa ucwangciso kunye noomasipala ngokusetyenziswa konxibelelwano kwiiforam ezisekiweyo kunye namaqonga ephondo nangolungelelwano olukhuselweyo phakathi kwee-IDP, zikamasipala, izicwangciso-nkqubo zophuhliso lwesithuba (iiSDF), kunye nezicwangciso secandelo leDTPW, imingeni ebonakalayo ihlala ikho.

Ingxelo yowama-2016/17 yoMphicothi-zincwadi woMzantsi Afrika (AGSA) iqaphele ukuhla ngokubanzi kwiziphumo zophicotho-zincwadi zoomasipala boMzantsi Afrika kuloo nyakamali. Ngeli thuba iNtshona Koloni isele iliphondo elinoninzi loomasipala abathe bafumana uphicotho-zincwadi olungenaziphene, iziphumo zophicotho-zincwadi loomasipala abathandathu zibuyele umva ngesithuba sonyaka ophantsi kovavanyo.

Ubume bezemali bukamasipala kuninzi loomasipala lusele lungunobangela wenkxalabo. Imbalela enzima ethe yabamba amacandelo amakhulu eNtshona Koloni kunye nesiphumo semiqathango yokuncitshiswa kokusetyenziswa kwamanzi kubeke uxinzelelo kwesinye sezibonelelo esingundoqo kwingeniso kamasipala. Ngokuhlangene kunye nemirhumo yamanzi, yombane, yococeko kunye neenkonzo zokuthuthwa kwenkunkuma kunye neerhafu zepropati kusele kuyimithombo ephambili yengeniso kamasipala. Kwabanye oomasipala, iDTPW kunye namasebe afanelekileyo ephondo kufuneka okokuba incede iququzelele iinzame zokukhusela ubomi babantu. EGeorge, ukuqaliswa kwenkonzo yebhasi eyiGo George ukunceda ekukhutshweni kwabemi ngethuba lemililo etshabalalisayo kwiGarden Route ibonise ixabiso lwamacandelo olawulo olulungileyo kunye nenkqubo yothutho esebenza kakuhle. Ngokukwanjalo, uncedo olunikezelwe lisebe leZibonelelo zeNdlela ekuqaliseni izithuthi zalo ezityheli ukulungiselela ukuthuthwa kwamanzi okusela ukusiwa eBeaufort West naseLaingsburg ngokunjalo noncedo lwesebe loLawulo lweSixokelelwano soNikezelo ekuyileni isivumelwano sesicwangciso-nkqubo soomasipala ukulungiselela ukufumana iithenda zezitsali-manzi ezizikayo lubonise ukuzibophelela kweSebe ekuncedeni oomasipala kunye nabahlali bephondo ngethuba labo lesidingo.

I-DTPW idlale indima ephambili yenkxaso ekumiliseni iWhole-of-Society Approach, ihlolwayo ngokwakaloku nje kwimimandla emine yendawo. I-WoSA izama ukwendelisa nokumilisa indlela yentsebenziswano kunikezelo lwenkonzo olubandakanya urhulumente wengingqi, wephondo nowesizwe, amaziko aphantsi kolawulo lukarhulumente, icandelo langasese kunye nemibutho yoluntu ukulungiselela ukulungisa iimfuno ezithile zoluntu. Le ndlela kunikezelo lwenkonzo inekhono lokwandisa ukusebenza kweeprojekti ezikhoyo zikarhulumente, iinkqubo kunye neendlela zolungelelwaniso.

I DTPW izibandakanye kakhulu kucwangciso lothutho ngokuxhasa oomasipala abangaphandle kweSixeko saseKapa ukulungiselela ukuphuhlisa nokuhlaziya ii-ITP zabo ukulungiselela ukunceda izibonelelo zomiliso loMthetho weSizwe woThutho loMgaqa, 2009 (uMthetho wesi-5 wama-2009) (NLTA). I DTPW iya kuseka iikomiti zesithili zoququzelelo lothutho oluhlangeneyo ezinoxanduva lokuvavanya ngokutsha nokuhlaziya ii-ITP, ukuqinisa ubunini boomasipala bee-ITP, nokwandisa kolungelelwaniso kunye nezicwangciso zeline icandelo. Ngaphezulu, iDTPW iya kuphuhlisa iqhinga lokwandisa ukomelela koncedo lwayo koomasipala ngokuphathelelene nee-ITP.

Ngenkqubo yalo yePSTP, iDTPW iqinise ikhono loomasipala abachongiweyo ngokusetyenziswa kophuhliso lwezicwangciso eziguqu-guqukayo zobume obuthile kunye noyilo. Ezi zicwangciso ziquqambisa ukubaluleka koguqu-guquko ukunceda abantu bephondo okokuba bafumane amathuba entlalo nawoqoqosho.

#### 4.8 Umgaqo-nkqubo ochwangcisiweyo kunye namalinge eqhinga

Uthungelwano olusebenza kakuhle lwezibonelelo lunikezela iqonga elibalulekileyo kuphuhliso loqoqosho. Isicwangciso-nkqubo seZibonelelo seNtshona Koloni (WCIF), siyilwe kjuqala ngowama-2013, sigxininisa indima yeWCG kunye neDTPW ingakumbi njengoko enye inolongamelo kulungelelwaniso lonikezelo lwezibonelelo. INguqu yoShishino kunye nenguqu yesimo sezulu zimele abaqhubi abandileyo bomgaqo-nkqubo obalulekileyo abaya kuba nempembelelo yonikezelo lwezibonelelo zeDTPW.

Iindlela ezintsha kunikezelo lwezibonelelo ziyadingeka ukulungiselela ukuhlangabezana ngokufanelekileyo noluhlu lweemfuno zoqoqosho lwentlalo kwiingingqi zoluntu. Amalungiselelo omiliselweyo atyunjiweyo ochwangciso oluhlangeneyo lwezibonelelo nonikezelo aya kuvavanywa ngokutsha, kubandakanywa ukuqhutywa kodanjiso lwenguqu yesimo sezulu kwimbono yothutho lukawonke-wonke nolwangesese. I DTPW iya kuqhuba ngokuvelisa uphando ukuncedisa indlela imigaqo-nkqubo yayo namaqhinga achaza nasabela ngayo kubume obuqhubayo. Ukuza kuthi ga ngoku, iDTPW iphuhlisa umbono wezibonelelo weminyaka engama-20-ozama ukusabela kuluhlu lwesimo esivelayo soqoqosho lwentlalo nendalo kwihlabathi, kwisizwe, kwiphondo nakwinqanaba lengingqi. Lo mbono wezibonelelo wexesha elide uya kuncedisa izicwangciso zeqhinga ezine zeminyaka emihlanu zeDTPW eziphuhlise kwisithuba seminyaka engama-20.

Njengomgcini wesikhundla see-Asethi zezibonelelo ezingashukumayo zeWCG zeendlela zephondo kunye nepropati eifana nendawo ye-ofisi, izikolo, iikliniki nezibhedlele, iDTPW inoxanduva lokunikela nokulolonga ii-asethi zezibonelelo zabahlali beNtshona Koloni. I DTPW yamkela indlela yeqhinga kulawulo lwee-asethi kuwo wonke umjikelo wazo wokuphila ukulungiselela ukwandisa ixabiso ezi asetih ezinalo kuluntu olunye. Ungenelelo olunjalo yiprojekti yeNkqubo yoLawulo lweNgcaciso yee-Asethi eya kuthi yenze ibe

yidijithali yaye ihlanganise irejista yee-asethi zeDTPW. Le yiprojekti iqhubekayo ezama ukwenza ibe zezala maxesha iinkqubo zengcaciso ukulungiselela ukuphucula uyilo loshishino lweDTPW.

Ngokubhekiselele kwiindlela zephondo, isiCwangciso seDTPW soLawulo lwee-Asethi zeNdlalela: 2017/18 – 2026/27 ixhibe ekubekeni phambili ugcino lwee-asethi isithuba eside ukulungiselela ukwanda ixabiso lezi asethi kwimijikelo yobomi bazo. Apho utyalo-mali olutsha olwenziweyo kwiindlela, oku kuya kwenziwa apho luxhasa ngokulungileyo ukukhula koqoqosho.

Kwakuba kuqalisiwe kwaze kwafundwa kumangenelo awahlukeneyo ahambelana neendlela zesizwe zothutho, kuxhomekeke kwiWCG ukuvavanya kwakhona nokuhlaziya ingxelo yomgaqo-nkqubo wayo wothutho. IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo woThutho leNtshona Koloni eliphuhlise ngowe-1997 yaye uya kuvavanywa ngokutsha yaye ulungelelaniswe noMthetho weSizwe woThutho lweNdlalela kunye neNkqubo yePhondo eZinzileyo yoThutho. Ngaphezulu, iQhinga leSizwe loThutho oluLuhlaza kunye neQhinga loLawulo lweBango loHambo lweCoCT liya kusetyenziswa njengeengcebiso ezingundoqo zeqhinga kuqulunqo lweengxelo zeqhinga kwiindlela ezininzi zothutho ezizinzileyo lweNtshona Koloni. Ezi zibandakanya iingxelo ezimalunga nokudityaniswa kwezithuthi zibe kwindawo enye, imigama yohambo emfutshane, neendawo ze-ofisi kunye namalungiselelo okusebenza athi athintele ingxinano yezithuthi. Umsebenzi uya kuqaliswa kwamsinya ukulungiselela ukuphuhlisa isiCwangciso seCandelo louSabela loThutho lweNguqu yeSimo seZulu esithi sancede ukunceda kwiQhinga lePhondo leNguqu.

I DTPW ilungisiwe okokuba incede kumathuba anxulunyaniswe neNguqu yoShishino lwesiNe. Iindlela ezisekiweyo zokucinga, zokwenziwa koshishino, ukuyilwa kwexabiso nokunxulumana ngokwentlalo sele ziphazanyisiwe kukuqhutyelwa phambili kwetheknoloji ebandakanya iitheknoloji ezisekwe kumafu, kwiinkcukacha ezinkulu zamanani, i-intanethi yezinto (IoT), ingqiqo engeyiyo eyendalo, nokufunda komatshini. Iitheknoloji ezinjalo zinekhono lokuguqula uyilo lwethu lweshishini nokwandiswa kosetyenziso kwesikhundla sepropati ukwandisa ukufaneleka konikezelo lwenkonzo lweWCG uzinziso lwendalo, inguqu kunye neenjongo zokwenziwa zibe zezala maxesha.

Ukuxhathiswa kwekhono leetheknoloji ezivelayo ukuphucula uzinziso lwendalo kubaluleke kakhulu ngenxa yomngcipheko obonakalayo oveliswa yinguqu yesimo sezulu kwiinjongo zophuhliso zeNtshona Koloni. Njengochaphazelekayo obalulekileyo kwipropati nakumacandelo olwakhiwo, iDTPW inekhono kunye noxanduva lokunikezela ngobunkokheli ekumiliselweni kwezi theknoloji ze izise ukomelela okwandileyo kwisikhundla sayo sepropati yayo. I DTPW iyile uMgaqo-nkqubo woLwakhiwo oluLuhlaza ngowama-2015 ophantsi kovavanyo ngokutsha ngokwakaloku nje ukuqinisekisa ngento yokuba ulungelelaniswe kunye noMgaqo-nkqubo weSizwe woLwakhiwo oluLuhlaza osandula ukwamkelwa. Lwakuba uvavanyo ngokutsha luqunjelwe, iDTPW iya kuba nakho ukuthabatha amanyathelo angaphezulu aqibeleleyo ukukhusela kwixa elizayo isikhundla solwakhiwo leWCG umzekelo, ngokwenziwa kwamaziko asebenzisa umbane nezibonelelo. Ulwamkelo lwetheknoloji ehlananiphileyo kulungiselelwa le njongo eya kwandisa ngamandla usetyenziso lwesikhundla sephondo kunye nekhono laso ukulungiselela ukusabela kwiimfuno zonikezelo lwenkonzo ngendlela egqadazayo nejolisileyo.

KuMgaqo-nkqubo wayo weSizwe wolwakhiwo oluLuhlaza, iSebe leSizwe leMisebenzi kaRhulumente lichonge ubume bolwakhiwo yaye ngokuthe ngqo izakhiwo sisixhathisi esingundoqo ukulungisa imingeni enxulumene nenguqu ekhawulezayo yesimo sezulu. I DTPW iyamkele le nkxaso yolwakhiwo oluLuhlaza, yaye inkqubo iyaqhuba, okokuqala, ukuqinisekisa ngohambelwano nokuchazwe sisizwe kunye, okwesibini, ukuvavanya apho iSebe linokwenza iminikelo engaphezulu kwezi nzame. I DTPW ichonge izakhiwo ezihlakaniphileyo njengethuba lokunikela kufezekiso lozinzi lwenkqubo ngokubanzi, ngokusetyenziswa koluhlu lwenkqubo ezizenzekilayo ezithi zincede ulawulo olubekwe embindini kwimisebenzi. Zizindlela zophando ngokwakaloku nje ukuqalisa kweempawu zokwakha ezihlakaniphileyo kwisikhundla sepropati yayo.

---

## 5 Uhlahlelo lweSimo

---

### 5.1 Ubume bezopolitiko

Unyulo lwesizwe nolwephondo olucwangciselwe uMeyi 2019 luzise inqanaba elithile lokungaqiniseki kolawulo nokuphathwa kweWCG kunye namasebe esizwe. Ukungaqiniseki komgaqo-nkqubo kunakho ukuqhubeka kudlala indima kwisithuba esizayo kwinqanaba lesizwe yaye, ngokuyinxenye, kubume bephondo ngokunjalo. Izivumelwano zolawulo ziyaphuhliswa ukuthintela nayiphi na impembelelo embi kwesi sithuba siphakathi enokuthi ivele.

Ukuba mandundu kolawulo kumashishini karhulumente (iiSOE) kube nempembelelo emgbi kakhulu kunikezelo lwenkonzo ngokunjalo nenkolo yoluntu kurhulumente kunikezelo lweenkonzo ezibalulekileyo. Ukusilela komiliselelo olusebezayo ngokuphathelene nezigunyaziso zesizwe, umzekelo kwicandelo labakhweli bakaloliwe, kuyaqhubeka kunempembelelo embi kuqoqosho lweNtshona Koloni yaye ngaphezulu, kwingqiqo yoluntu kwikhono likarhulumente lokunikezela ngothutho loluntu olukhuselekileyo, olufikelelekayo.

Ukungazinzi okuqhubekayo kuphawulwa lugwayimbo lokunikezelwa kwenkonzo nokuhlalwa komhlaba okungekho mthethweni kweminye imimandla kusasele kuyinkxalabo yaye kunakho ukuthintela ukusekwa nokulolongwa kothelwano lweqhinga oludingekayo ukulungisa imingeni kwangaphambili. Oku, kunye nokulungiswa okungakho kwecandelo 25 loMgaqo-siseko ukulungiselela ukuhluthwa komhlaba ngaphandle kwembuyekezo, okunokuba nempembelelo kububanzi besikhundla sepropati ophantsi kogcino lweDTPW yaye inakho ukwandisa imingciphekop kwimarike ngokubanzi yepropati eNtshona Koloni.

### 5.2 Ubume boqoqosho

liprojekti zeNgxowa-mali yeMali yeHlabathi (IMF) zokukhula kwehlabathi zinyuke zaya kutsho kwi-3,9 sepesenti ngowama-2018 nowama-2019. Ukukhula kuqoqosho oluqhubele phambili kulindeleke okokuba kuhlale kwipesenti ezi-2,4 ngowama-2018 phambi kokuba kuhle kubo kuyo kutsho kwipesenti ezi-2,2 ngowama-2019, ngeli thuba umsebenzi woqoqosho uvelayo yaye uphuhliso loqoqosho lulindeleke ukuba lukhule ngeepesenti ezi-4,9 ngowama-2018 neepesenti ezi-5,1 ngowama-2019 (IMF, Oktobha 2018).

Uqoqosho lwesizwe, ngoko, olukhontraktiweyo kwikota yokuqala neyesibini ngowama-2018 yaye uqoqosho loMzantsi Afrika lungene kwithuba lokuhla kwamaxabiso. Ukusebenza kakubi koqoqosho kwisiqingatha sokuqala sowama-2018 kube nempembelelo embi kukukhula konyaka ophelileyo. Uqikelelo lwe-IMF lokukhula koqoqosho kwilizwe yi-0,8 yepesenti ngowama-2018 ne-1,4 pesenti ngowama-2019, ipesenti engaphantsi eyi-0,1 kuqikelelo lokukhula obelujongiwe lonyaka ongaphambili lwepesenti eyi-0,9 (IMF, Oktobha 2018).

Ngo-Oktobha 2018, iNgxelo yoMgaqo-nkqubo woHlahlo Lwabiwo-mali lweSithuba eesiPhakathi iqikelele umlinganiselo ohlaziyiweyo wokukhula kuMzantsi Afrika oyipesenti eyi-0,7, nokuphucuka kancinane kuyo kutsho ngaphezulu kweepesenti ezi-2 ngowama-2021. Ilindelekile ngokubanzi into yokokuba uqikelelo lusenokunyanzeleka luthotywe.

Intlekele yamanzi elandele ema kwembalela yeminyaka emithathu iyaqhuba ukuchaphazela kakubi imbonakalo yoqoqosho lweNtshona Koloni. Isimo, kunye nokuhla kwimveliso yecandelo lolimo, amahlathi nokuloba, icandelo nokwenziwa kokutya neziselo, ngokunjalo nokuhla kwicandelo lolwakhiwo, siya kuthoba kakubi ukukhula kwephondo. Ukwanda okulindeleke kwimirhumo nakwiirhafu zikamasipala kunakho ukuba nempembelelo kubume boqoqosho apho iinkonzo zezibonelelo zeDTPW kunye nezinxulumene nazo zinikezelwa khona. Ukukhula kwiNtshona Koloni kuqikelelwa ukuba kukhawuleze ukuya kutsho kwiipesenti-2,7 ngowama-2019 (Provincial Economic Review and Outlook [PERO], 2018).

### 5.3 Ubume bentlalo

Ubume boqoqosho obuthakathaka buyaqhuba ukuba nempembelelo etshabalalisayo kwisimo sentlalo eNtshona Koloni. Umlinganiselo wentselwa-ngqesho kubantu abaphakathi kobudala beminyaka eli-18 nama-24 uzipesenti ezingama-38, yaye phakathi kweminyaka engama-25 ukuya kuma-34, ube zipesenti ezingama-24,3 (PERO 2018). Imingeni ephindwe kathathu eyentswela-ngqesho, indlala nokungalingani kusele kuyinyaniso engenakuphikwa yentlalo yethu ethi inyini ikhono labantu abaqhelekileyo ekuziboneleleni ngokwabo kunye neentsapho zabo ukulungiselela ukuphepha umjikelo wendlala.

Esi simo sibi siqaqambisa imfuneko yokokuba iDTPW ibonelele ngamathuba omsebenzi nophuhliso lwamakhono kwabo bangenangqesho, ingakumbi ulutsha. Amangenelo afanelekileyo ayadingeka ukulungiselela ukusabela kumngeni ngokumilisela koluhlu lwamalinge ajolise ekudambiseni intswela-ngqesho ngokunikezela ngamathuba omsebenzi ohlawulwayo wethuba elifutshane kuhlanguaniswe noqeqesho lwamakhono nophuhliso lwamaagcisa. Ukwanda koqhankqalazo lokunikezelwa kwenkonzo kunye neempembelelo ezinxulumene nalo kuqoqosho nakukhuseleko lwabantu kubonisa into yokokuba amalinge oyilo lwemisebenzi ezinzileyo yexesha elide kuya kufuneka aqhulisiwe njengenxalenye yesivumelwano sentlalo phakathi korhulumente, icandelo langasese noluntu.

Okuvela kwiimbophelelo ezenziwe kwiNtetho yakhe uyokuqala yeSizwe, uPrezidanti usingethe iPresidential Job Summit ngo-Oktobha 2018. Imimandla engundoqo yokusebenza evela kwintlanganiselo ibandakanya:

- Ukuyilwa kwemisebenzi emitsha nokugcinwa kwale ikhoyo;
- Ukukhuthazwa kokuthengwa kwempahla yengingqi;
- Ukwandiswa kokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe;
- Ukuxhaswa ngemali kwamashishini orhwebo anabanini abantsundu;
- Ukwandiswa komhlaba kulungiselelwa ulimo;
- Uqeqesho; kunye
- Ukubhangisa korhwaphilizo.

La malinge ajolise ekukhuliseni uqoqosho olubandakanyayo ukulungiselela ukuguqula uluntu.

Ukonakaliswa kwezinto ngabom noqhankqalazo lwentlalo luza neendleko ezinkulu zemali nezentlalo kurhulumente nakuluntu ngokubanzi. Oku kunempembelelo enkulu kwikhono leDTPW lokunikezela ngeenkonzelo ezifanelekileyo nezingadli kakhulu njengoko iiprojekti zolwakhiwo zimisiwe, izakhiwo zitshatyalalisiwe, ngakumbi izikolo neekliniki, umhlaba ongenanto ungenelwe ngenkani, kunye neenkonzelo zothutho ziphazanyisiwe ngokonakaliswe kwezibonelelo zeendlela nokutshiswa kwamakhareji kaloliwe neebhasi.

Ukutshatyalaliswa kwezibonelelo zendlela nepropati kuthintela umiliselelo oluqhubekayo lweenkqubo zolwakhiwo nololongo zeDTPW. Ngaphandle nje kokuphuhlisa kwekhono labangenangqesho lokufumana uncedo kwindlala ngeenkqubo zokuyilwa kwemisebenzi nophuhliso lwamakhono, kwandisa iindleko zeenkqubo zololongo ze kunyanzelise umsebenzi owangezelelweyo wolungiso, Oku kunciphisa isixa-mali esikhoyo sokunikezela ngeenkonzelo zentlalo ezibalulekileyo. Ngaphezulu, kunyanzeleka kubekwe amagosa onyanzeliso lomthetho wezithuthi asuswe kwimisebenzi yawo yesiqhelo ukulungiselela ukuba abeke iliso kwiindawo zoqhankqalazo, oku kuba nempembelelo embi kukhuseleko olupheleleyo lwendlela, uaye kubeka amagosa emngciphekweni.

Ukuba mandundu koqoqosho kuza nomngcipheko wokokuba iinkampani zolwakhiwo zinyanzeleke zivale, okukhokhelela kukulahleka kakhulu kwemisebenzi emininzi, nokuncipha kwenani labanikezeli benkonzo abanokuthi bafake ithenda kwizivumelwano zenkqubo yokunikezelwa kwezibonelelo zeDTPW.

## 5.4 Ubume bethetknoloji

I DTPW iya kukhuthaza ukufunyanwa kwamakhono enzululwazi nawobunjineli adingekayo ukulungiselela ukumiliselwa kweethetknoloji ezintsha ezinxulumene neNguqu yesiNe yoShishino kunye nenguqu yesimo sezulu. Kwisithuba somthetho wezothutho, umsebenzi uyaqhuba ukunika ithuba iWCG okokuba isabele kwinguqu kunye neethetknoloji zeenkqubo eziphazamisayo kuthutho ezifana nesiphango sekhompyutha. Inkqubela phambili kwithetknoloji yengcaciso iyabandakanywa kwimigaqo-nkqubo yeDTPW, kumaqhinga nakwimisebenzi.

Kubume bolawulo bezothutho, iqhinga elitsha ledijithali, eliphantsi kophuhliso ngokwakaloku nje ukulungiselela ukuququzelelwa kolwabelwano notshintshiselwano lwengcaciso efikelekayo, ehlaziyiweyo neenkukacha zamanani ezithembekileyo. Amalinge abekwe ngokubaluleka kwayo kwisithuba sesiCwangciso-nkqubo seNkctho seSithuba esiPhakathi (MTEF) kubhekiselelwe ekufezekisweni kwenkqubela phambili eqaphelekayo ngokuphathelelene neqhinga ledijithali kubume obusebenzayo kwiDTPW.

Oku kulindeleke okokuba kuququzelele ukusebenza nokuhlanganiswa kwee-arhente namasebe kuyo yonke imithombo yeenkcukacha zolwazi kunye neenkqubo ezingundoqo kuwo onke amasebe karhulumente. Oku kuya kuphucula ukunikwa kwengxelo nokubekwa kweliso, ukuphuculwa koyilo lokusebenza nocwangciso kulungiselelwa ukubekwa kwezinye iindawo ngokupheleleyo nakwangethuba kwezibonelelo, okokuba kube nakho ukwenziwa kwezigqibo ezifanelekileyo ngokubhekiselele kunyanzeliso lomthetho kunye nemisebenzi yolawulo lwezothutho.

Nangona kusesequqaleni, iHlabathi eHlangeneyo yeNgqiqo yeDTPW (ITI) ihlahl' indlela kusetyenziso lwetheknoloji ehlaniphiweyo njegomphinda-phinda omkhulu. I-ITI ihlanganisa kunye iinkcukacha zamanani avela kumacandelo oLawulo lwamaSebe eziThuthi uLawulo loThutho lweDTPW – uNyanzeliso loMthetho lweZithuthi, iMisebenzi yezoThutho kunye neQumrhu eliLawulayo lePhondo – ukulungiselela ukuxhasa uthatyatho lwezigqibo olusekwe kubungqina. Inkqubo phambili ebonakalayo sele yenziwe ngokuhlanganiswa kwemithombo emininzi yeenkcukacha zamanani ukunceda kuphuculo locwangciso lokusebenza nakulawulo, kubandakanywa uququzelelo ukusabela ngokukhawuleza kwegosa lezoThutho kwizimo ezikhoyo zendlela kusetyenziswa inkqubo ekuthiwa yi-eNFORCE, nokwandiswa kokusetyenziswa okukhoy kothungelwano lwekhamera olubizwa ngokuba yi-Automatic Number Plate Recognition (ANPR) ukubandakanya ukubekwa kweliso kukusebenza kwezithuthi zothutho lukawonke-wonke. I DTPW icwangcise ukwandisa uthungelwano lwe-ANPR ukulungiselela unyanzeliso olusebenza ngamandla lomthetho wezithuthi.

Iintsuku ezininzi zokunikwa kwentetho zahanjwa ngowama-2018 ukubonisa ikhono le-ITI kubantu abachaphazelekayo abahlukeneyo, kubandakanywa iNtloko yeSebe, uMphathiswa wePhondo wezoThutho neMisebenzi kaRhulumente, iKhabhinethi yePhondo, namaGosa kwiiNkonzo zePhondo zeNkundla, iCandelo loLawulo-mali lePhondo, iSebe leNkulumbuso, iKomiti yeSizwe yoQuquzelelo loKhuseleko lweNdelela (NRSSC), iNkonzo yamaPolisa yoMzantsi Afrika (SAPS), kunye noMasipala waseGeorge. Iyaqaphaleka into yokokuba izixeko esaseJohannesburg nesaseKapa zithumele abathunywa ukuhlola i-ITI, ethe yabeka inqanaba elitsha kweli candelo.

Ukufika kweNguqu yesiNe yoShishino kuyaqhuba ukuguqula indlela yamashishini, uqoqosho nokusebenza koluntu. Eli thuba litsha liphawulwe ngohlanganiso lwedijithali ehlaniphiweyo nenxulunyanisiweyo kunye neetheknoloji ezibambekayo – linika amathuba kodwa ngokunjalo imingcipheko emitsha. I DTPW igqibe ekutyaleni imali kwitheknoloji ukuqhuba uyilo lweshishini elitsha. Olu yilo lweshishini elitsha liya kuthabatha imbono yethuba elide elungelelaniswe nombono wethu weqhinga.

Siguqula isibonelelo sethu setheknoloji yethu yengcaciso (IT) kunye neenkqubo ezinxulumeneyo ukunceda iDTPW okokuba ibe nokulungisa ngokufanelekileyo iimfuno ezikhoyo kunye nemingeni evelayo. Ngokwesiseko, iya kunceda iDTPW okokuba ifuduke kuhlalelo olukhoyo lweenkcukacha zamanani iye kukuveliswa kweenkcukacha zamanani ezintsha ezivela kwiziva-mvo ezifakwe kuzo zonke izixeko ukulungiselela ukusetyenziswa ngamasebe amaninzi kunye nabantu kulungiselela usetyenziso oluninzi.

Ngokusetyenziswa kweprojekti yeNkqubo yoLawulo lweNgcaciso yee-Asethi, iDTPW isabela kwisidingo sokuseka indlela enye yesebe ebhekiselele kulawulo lwengcaciso yee-asethi. Olu hambo lwedijithali lujolise ekunikezeleni iqonga lenguqu, lukhuthaza

ubulungisa obukhulu kubasebenzi yaye, ngonikezelo lwenkonzo oluphuculweyo, luyila ubutyebi ekwabelwana ngabo kunye nemfezeko yendalo yeNtshona Koloni.

Iprojekti ye-AIMS ijolise:

- Ekulungisweni kwesidingo seRejista eHlangeneyo yee-Asethi eya kunikezela iDTPW ngekhono lokuqhubeka ngemisebenzi yolawulo lwemihla ngemihla lwee-asethi ngeli thuba iNkqubo yoLawulo lwee-Asethi zeShishini iphuhliswa;
- Ukubekwa endaweni yoMlawuli weSikhundla seNgqiqo kunye neenkqubo zeBizProject kubekwe iinkqubo zekhompuyutha ezihlaziye zolawulo lweprojekti;
- Ukusekwa kweshishini lenzululwazi yokwakha elilungisa abantu, inkqubo netheknoloji;
- Ukumiliselwa kwesicwangciso sobuchule namakhono;
- Ulwakhiwo lweqonga elifanayo leenkukacha zamanani zedijithali yeDTPW; kunye
- Nokumiliselwa kwesiCwangciso-inkqubo seDijithali (Ukuhlakanipha) esilungiselelwe unikezelo lwenkqubo.

## 5.5 Ubume bemvelo

Impembelelo yenguqu yesimo sezulu inakho ukubonwa kwimpembelelo etshabalalisayo yentlekele yembalela yeminyaka emithathu eNtshona Koloni. Nangona isimo sele siphucukile (amanqanaba ngokupheleleyo amadama kwiNkqubo yoNikezelo lwaManzi eNtshona Koloni anyukile), iWest Coast, iCentral Karoo kunye namacandelo aseMantla-EMpuma ephondo asachanabeke kwiimeko ezimbi zembalela. Uqikelelo lweSouth-Western Cape lokokuba iimpembelelo zenguqu yesimo sezulu ziya kubambi – kuya kuna imvula encinane yonyaka kuthelekiswa kwimvelaphi yamaqondo obushushu athande ukuba phezulu nokuphela kwamanzi asemhlabeni. Ibango kumanzi akhoyo liya kwanda njengoko ukufudukela kwabantu edolophini nokukhula kwabemi okukhawulezileyo. Ngaphezulu, icandelo lolimo leNtshona Koloni luneemfuno zamanzi ezibonakalayo. Urhulumente wephondo, nezixeko kunye needolophu kwiphondo, kufuneka zomelele kakhulu kumanzi ngokubandakanya amanzi atsalwa emhlabeni, amanzi esichotho, amanzi asetyenziswa kwakhona, amanzi amdaka anyangiweyo, nokususwa kwetyuwa ekwizicwangciso zalo kwixa elizayo lonikezelo lwamanzi.

Ukususela ngowama-2017, iDTPW idlala indima yolungelelwaniso kuyile, uphuhliso nomiliselwe lwenkqubo yoCwangciso loQhubekako loShishino lwaManzi (BCP) ye WCG. INkqubo yeBCP yaManzi ijolise ekuthabatheni intshukumo ekhawulezileyo kwimeko yokusilela okungakho kunikezelo oluzinzileyo lwamanzi kamasipala kunikezelo olubalulekileyo lwenkonzo yeWCG kunye nezibonelelo zolawulo. I DTPW iya kuqhubeka idlala indima yayo njengomlungelani weBCP wamanzi weWCG ukunceda ngokuqinisekisa ngento yokuba unikezelo lwamanzi luyagcinwa kwiindawo ezibalulrkeleyo zonikezelo lwenkonzo kurhulumente wephondo ezifana nezikolo, amaziko empilo nawentlalo.

Imiqathango yokulondolozwa kwamanzi iya kuqhuba okokuba imiliselwe kuzo zonke izakhiwo zorhulumente wephondo, njengoko inkxaso-mali ifumaneka. Amaqhinga ayaphuhliswa ukuthintela impembelelo yenguqu yesimo sezulu kwizibonelelo



ezibalulekileyo namaziko zexesha elide. Oku kubandakanya uphando lweendlela zolwakhiwo ezingaphantsi kobunzulu bamanzi. I DTPW kufuneka icwangcise ukuba ziziphi na iinkonzo eziyimfuneko zeWCG ekufuneka yaye ezinakho ukuqhubeka zinikezelwa kwimeko apho unikezelelo lukamasipala lwamanzi lusilela. Isicwangciso seWCG siphuhlisiwe ngoku esichonga ezi nkonzo zibalulekileyo, iindawo ezikuzo iindawo zonikezelo lwenkonzo eyimfuneko, kunye nabasebenzi abadingekayo ukunikeza ezi nkonzo.

Ngeli thuba ucwangciso lwentlekele lujolise ekusindeni kwimeko apho iitephu zomile, iWater BCP ibe ngumjelo wokukhuthaza ukomelela kwamanzi kwiWCG. Amanganelo ethu olawulo lwebango ahlala echo yaye usetyenziso wethu lwamanzi kwixa elizayo liya kufaneleka ngakumbi. Ngoko, onke amaziko angundoqo eWCG apho kunikezelwa ngamanzi iKlasi 1 aphuma kwizixokelelwano zokutsalwa kwamanzi emhlabeni aya kusetyenziswa njengesixokelelwano esiphambili sokunikezelwa kwamanzi kulungiselelwa la maziko, enonikezelo lukamasipala njengomxhasi.

Imimandla ebalulekileyo yeWCG yonikezelo lwenkonzo ekufuneka yenziwe ibe yokhuseleko lwamanzi ibe zezinye zezibhedlele zephondo kunye neekliniki, amaziko ololongo kunye neendawo zokuhlaliswa kwabantwana sZeSebe loPhuhliso lweNtlalo (iiCYCC), kunye namaziko athile e-ofisi eyiNtloko kulungiselelwa kumyalelo oqhubekayo nolawulo lweWCG. Amanganelo acwangcisiweyo onikezelo olusecaleni kumaziko angundoqo onikezelo lwenkonzo eWCG ajolise ukunciphisa usetyenziso lwamanzi kamasipala, nokuqinisekisa ngento yokuba kuya kubakho unikezelelo olwaneleyo lwamanzi kulungiselelwa ukusela, ucoceko, kunye neenjongo zokhuseleko lomlilo.

INkqubo yeWater BCP imiliselwe ngoku kakhulu yaye iya kwinqanaba losetyenziso nololongo. Isicwangciso-nkqubo esisebenzayo nololongo sisekiwe isithuba seminyaka emibini kulandela ugunyaziso lweziko ngalinye, kubandakanywa imiba yejiyohidrolojikhali neyenjineli yonyango yale mithombo yongezelelo yonikezelo.

## 5.6 Ubume bomthetho

UMthetho weSizwe oYilwayo oLungiselelweyo woThutho lweNdelela ungeniswe kwinkqubo ebanzi yonxibelelwano lwabachaphazelekayo, kubandakanywa uphula-phulo lwezimvo zoluntu. I DTPW ibe nethuba lokunika izimvo kuMthetho oYilwayo kumanqanaba awahlukeneyo kulo lonke uphuhliso lwayo yaye kusha nje, iPalamente yePhondo leNtshona Koloni yangenisa izimvo zayo kuMthetho oYilwayo.

Uyilo lokugqibela loMthetho oYilwayo woThutho lweNtshona Koloni 2019 kunye noyilo lweMimiselo yawo luyaqkunjelwa. Ukuhlolwa, ungeniso lwekhabhinethi kunye nomemoranda kwizinto ezilungiselelwe ulwamkelo lwekhabhinethi kuyaqhutywa, emva kwangoko uMthetho oYilwayo uya kuqkunjelwa ze upapashwe kulungiselelwa izimvo zoluntu.

UMthetho oYilwayo woLoliwe wePhondo leNtshona Koloni uyahlolwa ziinkonzo zoMthetho. UMthetho oYilwayo uzama ukunikezela ngendlela yomthetho ukunceda iWCG okokuba idlale indima eyomeleleyo ekulawuleni, kubekho lweliso nokongamela iinkonzo kubakhweli bakaloliwe eNtshona Koloni. UMthetho oYilwayo unikezela ngeKomiti yokoNgamela ooLoliwe boRhulumente eza kuchotshelwa nguMphathiswa wePhondo,

iYunithi ezimiseleyo yooLoliwe bePhondo ukulungiselela ukubeka iliso nokongamela izibonelelo zololiwe wabakhweli kwiphondo, nokusekwa nokulolongwa kwenkqubo yengcaciso ukunceda iYunithi yooLoliwe ekwenzeni kwayo imisebenzi yayo.

UMthetho oYilwayo oLungisiweyo weZithuthi zeNgxelo weNtshona Koloni uzama ukulungisa uMthetho woLawulo lweZithuthi zeNdlela weNtshona Koloni, 2012, (uMthetho 6 wama-2012). Umthetho okhoyo uvumela ukunywa kwimeko ezimbalwa kakhulu. Lo Mthetho oYilwayo uzama ukuyila izibonelelo zoxhotyiso lothimbo kwiimeko apho isithuthi singafanelekanga ukuba sendleleni, kunye nolwaphulo-mthetho oluthile oluchaziweyo olunxulumene nomqhubi.

Ukuyilwa koMthetho oYilwayo woLawulo lwee-Asethi ezingaShukumiyi weNtshona Koloni uyqulunqwa. Lo Mthetho uYilwayo uzama ukubhangisa uMthetho woLawulo loMhlaba weNtshona Koloni, we-1998 (uMthetho 6 we-1998) kunye neMimiselo yawo. Injongo kukulungelelanisa umthetho wephondo nolawulo kunye noMthetho woLawulo lwee-Asethi ezingaShukumiyi zikaRhulumente, 2007 (uMthetho 19 wama-2007).

UMthetho oYilwayo oLungisiweyo we-Administrative Adjudication of Road Traffic Offences (AARTO) uthiwe thaca ukulungiselela ukuba uxoxwe. UMthetho oYilwayo oLungisiweyo ulungisa le miba ilandelayo:

- Abaphuli-mthetho abanesiqhelo;
- Amanqaku okuthotywa kwabo baphula umthetho;
- Ukuposa nonxibelelwano nabaphuli bomthetho; kunye
- Nokusekwa kwenkundla yabaphuli-mthetho.

## 5.7 Ubume bokhuselo nokhuseleko

Umsebenzi wolwaphulo-mthetho oluluhlobo lokonakalisa ngabomi kothutho loluntu oukhutshelweyo kunye nobusela bezibonelelo, ingakumbi kwicandelo likaloliwe, iyaqhuba ukuba nempembelelo embi kwinkqubo yothutho. Oku kunempembelelo engundoqo kwikhono labantu abasebenzayo nabafundi abahambayo besiya kwiindawo zabo kwangethuba nangokhuselo. Njengoko inkqubo yololiwe yabakhweli yaseKapa isiya ingathembakali, ingxinano yomgaqo iyanda kua abakhweli baguqukela ekusebenziseni iitekisi neebhasi. Oku ngokungenakunqandwa kunempembelelo embi kuqoqosho lweNtshona Koloni. Ngaphezulu kokunikela kwinkxaso-mali kuphuculo lokhuselo kwimigaqo ephambili yabakhweli bakaloliwe, iDTPW iya kuqhubeka inxibelelana nabanye abachaphazelekayo ukufumana izisombululo kwintlekele yothutho loololiwe.

I DTPW isabele kwintlekele yololiwe eqhubekayo ngokusetyenziswa kothelwano kunye neSixeko saseKapa kunye nePassenger Rail Agency of South Africa (PRASA) ukulungiselela ukuqeqesha nokubeka iYunithi yoNyanzeliso kaLoliwe ukukhusela isiseko see-asethi zikaloliwe kunye noluntu. Ukususela okokoko kubekwe iyunithi, ukubanjwa kwabaphuli-mthetho abakuluhlu lwamatyala awenziweyo, iintambo zogesi, ukungena nokuphuma kwempahla ngokungekho mthethweni, impahla ebiweyo ithe yaxuthwa, imimandla enzima lulwaphulo-mthetho ichongiwe, yaye iyadi ezithengisa iintsimbi zihloliwe. ISebe liqwalasele ngokunjalo ngeendlela ezangezelelweyo ukusombulula intlekele

nokubuyisela isiporo kwindawo yaso njengomqolo wothutho loluntu kummandla weSixeko saseKapa kunye nommandla obanzi wokusebenzwa kwesixeko.

Uphazamiso olungaphezulu lothutho lwabakhweli lwabangelwa lungqzulwano nolwaphulo-mthetho kushishino lweteki ngowama-2018/19. I DTPW ingenelele kungqzulwano lokunyulwa kweenkokheli phakathi kwe-South African National Taxi Council (SANTACO) yeNtshona Koloni kunye neqela elaziwa njenge-Minibus Taxi Industry Task Team ngokutyumba ijaji esele ithathe umhlalaphantsi yeNkundla ePhakamileyo yeZibheni okokuba ingenelele kulo mba. Imiphumela yesivumelwano songenelelo phakathi kwamaqela yenziwa umyalelo weNkundla ePhakamileyo. Oku kwalandelwa yinkqubo yonyulo evulekileyo neyentando yesininzi eyonganyelwe yiKhomishoni yoNyulo yoMzantsi Afrika ethe yakhokhelela kunyulo lweenkokheli ezisemthethweni zoshishino lwengingqi nolwephondo. Ucweyo lwabanjwa kunye neenkokheli ezintsha zephondo ukucwangcisa indlela ebhekiselele kushishino oluzinzileyo nolunoxolo.

Ungqzulwano olungofikelelo kwimigaqo enengeniso, oluhlanganiswe nokukhula kwamanani abaqhubi abangekho mthethweni, luyaqhuba kuba ngunobangela wolwaphulo-mthetho lweeteki oluthi lube nemiphumela rhoqo yomenzakalo nokufa. Ungqzulwano lobundlobongela phakathi kwabaqhubi kunyaka-mai wama-2018/19 lukhokhelele okokuba iDTPW ivale irenki yeeteki zaseBellville naseDelft de olu ngqzulwano lusonjululwe.

Iqela elihlangeneyo lomsebenzi elidibanisa iCandelo loPhando loLwaphulo-mthetho oluPhambili (DPCI/ Hawks), iNkonzo yamaPolisa yoMzantsi Afrika, uGunyaziwe weSizwe wezoTshutshiso (NPA) kunye neDTPW, phakathi kwamanye, liyaqhuba ukuphanda ulwaphulo-mthetho olunxulumene neeteki, kubandakanywa ukubulala, ukuphanga, ukugrogrisa nobuqinga. UMgcini-zincwadi woThutho lwePhondo uya kumisela imiqathango yokohlwaya kwimibutho efunyenwe iqhuba imisebenzi engekho mthethweni neyenza imisebenzi yolwaphulo-mthetho.

Kwicala yokhuseleko lwendlela, ukuqhuba nokuhamba uphantsi kwempembelelo yotywala kuyaqhuba ukuba ngoyena mnikeli ungaquguqukiyo kungqzulwano lwezithuthi zendlela nokubhubha kwiindlela zethu. Ukulandela impumelelo yeprojekti elingwayo yesiCwangciso seminyaka emibini sesiThili sase-Overberg, umilisele lweeDSP ezangezelelweyo ezijolise kummandla esilungiselelwe iWest Coast (South), iKhayelitsha, iLingelethu West kunye neWinelands East luya kuqhutywa kunye namaqabane ethu okusebenza. Iprojekti yoHlobo loMphfumlo olungaKhethiyo (RBT) yinxalenye ebalulekileyo yeeDSP. IiYunithi zokuqala zeMobile Alcohol Evidentiary zamiselwa kummandla womasipala wase-Overberg kunye neSixeko saseKapa yaye sele zinempembelelo eqaphelekayo kukuqhuba uphantsi kwempembelelo (DUI). Ezinye iiYunithi ezimbini zeMobile Alcohol Evidentiary zaqaliswa ukuthintela ngaphezulu isibetho seDUI, enye iseWest Coast (South) yaze enye yaseWinelands East.

Isigwebo senkundla sakutsha nje esithe saphembelela ukusetyenziswa ngumntu intsangu siya kuba nempembelelo yomthetho neyomgaqo-nkqubo kwiDTPW kunye nemisebenzi yayo. Impembelelo iya kucaca ngokupheleleyo emva kweenkqubo zepalamente zithe zaqakunjelwa eziqulathe isongezelelo sezinyobisi ezithile kunye nomthetho onxulumene namayeza. I DTPW ikwiphulo lokuvavanya ushishino lwayo ngenjongo lokuchonga imisebenzi neenkqubo apho ukonakala komqeshwa okubangelwe kukusetyenziswa

kwentsangu kunokuba nempembelelo embi kuhambelwano nempilo yomsebenzi nomthetho wokhuselo, yaye nakukulunga komsebenzi wesebe nemigangatho. Olu vavanyo luya kunika ithuba kwiDTPW okokuba iphuhlise imiphumela efanelekileyo yomgaqo-nkqubo.

## 5.8 Ubume bokusebenza

### *Izibonelelo nololongo lwezibonelelo zolwakhiwo oluzinzileyo*

Icandelo lokwakha lisasele lingumqhubi ophambili wokukhula koqoqosho lwephondo. I DTPW inikezela ngezibonelelo ezicingisisekileyo zezakhiwo zikarhulumente ezithi zikhuthaze uhlaganiso, ufikelelo, uzinzo, ubulungisa, ukukhathalelwa kwendalo, ukukhula koqoqosho nokuxhotyiswa kwentlalo. Njengesenge eligunyaziswe ngumgaqo-siseko elinoxanduva lokunikezela ngezibonelelo ezidingekayo ukulungiselela ukunceda kunikezelo lwenkonzo karhulumente wephondo, iDTPW idlale indima esembindini ekunikezeleni ngofikelelo loluntu kwiinkonzo zemfundo ezempilo neentlalo. Ngokwenza oku, iDTPW inikezela kufezekiso lweNjongo zeQhinga zePhondo zeWCG zokuphucula imiphumela yemfundo, yandise impilo-ntle nokubhangisa ububi bentlalo, ngokunjalo nokuyila amathuba okukhula nemisebenzi elungiselelwe abemi beNtshona Koloni.

Izicwangciso zolawulo lwenkqubo yezibonelelo (IPMP) ziphuhlise ngamasebe axhamlayo ukuchaza indlela la masebe aya kumiliseka ngayo, abeke iliso ze alawule iinkqubo zawo zezibonelelo kwisithuba seMTEF. Apho iDTPW ililo isebe elimiliselayo ukulungiselela ukuqhutywa komiliseko lwenkqubo nokunikezelwa kweprojekti, ii-IPMP ziyadingeka ukulungiselela ukuchaza ubungakanani, okuza kunikezelwa, ekujoliswe kuko kunye neemfuno zeenkqubo ezabelwe kwiDTPW.

Bakuba obona bungakanani bomsebenzi beprojekti nganye eyabelweyo kuyo buthe bamiselwa, iDTPW idingeka ukuba yenze amalungiselelo ze ingenise izicwangciso zomiliseko zenkqubo yezibonelelo (ii-IPIP) kwiSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) kunye neSebe lezeMpilo leNtshona Koloni. I-IPIP icalula indlela inkqubo yezibonelelo eya kuqulunqwa, icwangciswe, ilawulwe yaye imiliselwe ngayo yiDTPW. Umba obalulekileyo we-IPIP kukubandakanywa koqikelelo lwarhoqo ngenyanga lokungena nokuphuma kwemali kwiprojekti nganye ngethuba lomiliseko.

Njengoko inkqubo yesiCwangciso soNyaka sokuSebenza seDTPW iqakunjelwe phambi kwe-IPMP yaye ii-IPIP zinakho ukulungiswa, okujoliswe kuko okucwangcisiweyo okubonise kwiitheyibhile zomsebenzi zesiCwangciso soNyaka sokuSebenza (APP) akunakho ukulungiselelaniswa. Ngenxa yoko, kuya kubakho ukungangqinelani phakati kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo kwi-APP nakwii-IPIP, kunye nezilungiso ezilandelayo kwezi zicwangciso, ngothethwano kunye nala masebe axhamlayo.

Injongo engundoqo yeqhinga yeDTPW kukuphucula ukufaneleka kwendawo ye-ofisi ngokunciphisa iindleko nokuphuculwa kosetyenziso, kuhlanganiswe nokuncitshiswa kwepesenti yokuqesha kwiindleko zabasebenzi abasigxina. Ukubekwa kweliso kwingcaciso yolawulo lwepropati kuya kuqhubeka kunikwa ingxelo ngako kwi-Property Efficiency Report (PER) ukubonisa ukuzibophelela kweWCG ekulawuleni nasekuphuculeni ukufaneleka ukusebenza kakuhle kunye nozinzo kwii-propati zayo. Uhlelo lwesixhenxe lwe-PER lwesithuba sowama-2017/18, elinganiswa nezakhiwo ze-ofisi ezingundoqo zeWCG

ezingama-39, lubonisa ukuncipha okuqaphelekayo kusetyenziso lwezibonelelo ezingenakho ukuhlaziywa. Umzekelo, usetyenziso olupheleleyo lombane lwancitshiswa ngepesenti ezisi-8,15 ukuya kwi-145,28 kWh/m<sup>2</sup>/pa, oluthe lwasigqitha isiseko esibekiweyo soshishino ngama- 38 eepesenti. Iinkqubo zeSolar photovoltaic izivelise ulondolozo kumbane ohlaziyiweyo ngepesenti ezili-12,7 nesi-5,5 kwi-9 Dorp Street nase-27 Wale Street kumbindi wedolophu waseKapa. Usetyenziso lwamanzi lwancitshiswa ngepesenti ezingama-24 kwisikhundla ngethuba lokunikwa kwengxelo.

I DTPW ikwiphulo lokuphuhlisa isiCwangciso soBuchule seNdawo yokuhlala ukufezekisa ukufaneleka nokomelela kwisikhundla seWCG sendawo yokuhlala kwisithuba eside. Isicwangciso esijolise ekunciphiseni uphawu lwe-ofisi yeWCG ngeli thuba kuncitshiswa ngokunjalo imfuneko yokuqeshiswa ngaphakathi kwendawo nokufunyanwa koyilo olufanelekileyo ukulungiselela ukuthotyelwa ngasezantsi kweenkonzo kubahlali bephondo. Ngokuhambelana nengqiqo yayo yeenkonzo zolwabelwano, iDTPW iqalise, umzekelo, iprojekti ukuguqula isakhiwo eMossel Bay esaziwa ngaphambili njengeKlerk House sibe liziko lee-ofisi zolwabelwano phakathi kowama-2020. Sakuba sigqityiwe, esi sakhiwo senziwa yasesala maxesha siya kubonelela ngendawo ye-ofisi yabasebenzi bamasebe ephondo amathathu: uPhuhliso lweNtlalo, eLimo neWCED.

I DTPW iyaqhubeka ukufumana izisombululo ezizinzileyo ezithi zinikezele ngezibonelelo ezomeleleyo ezinokuthi zisabele ngokwaneleyo kwinguqu yesimo sezulu kunye neminye imingeni yendalo. Izithethe nemigangatho ethe yamkelwa ibonisa ukuzibophelela kweDTPW kwimithetho-siseko esiluhlaza kuzo zonke ngokubanzi izibonelelo zempilo nemfundo, kubandakanywa ukusabela kwintlekele yamanzi. Ibalulekile into yokokuba indlela yee-aserthi ezipheleleyo ilandelwe apho inzame nganye yenziwe ukuqaliswa kokomelela kwesimo sezulu kwisikhundla see-asethi zephondo kuqala ngaphambi kolwakhiwo lwesibonelelo esitsha esiqwalaselweyo. Umsebenzi osemva lwembali yololongo ngokuphathelene lwezibonelelo zentlalo ezidinga ingqwalasela ekhawulezileyo yaye ekugxilwe kuko kuya kuqhubeka kulungiswa okungxamileyo okuvela kulolongo olubi nokonakala okuqhelekileyo. Uxinzelelo lwenguqu yesimo sezulu, kubandakanywa izenzo zemo yezulu, ziya kulwenza ulolongo olukhoyo lomsebenzi osemva.

I DTPW iyaqhuba ngokwenza imiqathango yeemvavanyo zamaziko onke karhulumente akwigunya layo ukulungiselela ukukhokhela izigqibo zotyalo-mali zexa elizayo nokushedyula izicwangciso ezifanelekileyo ukuqinisekisa ngokwandiswa kwexabiso lwee-asethi kuwo wonke umjikelo wobomi bazo. Ukuqwalaselwa komsebenzi osemva wezibonelelo kwizibonelelo zentlalo ukuqinisekisa ngemingangatho efanelekileyo ukuba iyagcinwa kudinga izibonelelo ezikhulu zohlhlo lwabiwo-mali kwisithuba esiphakathi nakwisithuba eside.

Uqoqosho olukhoyo ngokunjalo nobume obungakho bomthetho bexa elizayo obuphathelene nezilungiso kwigatya loMgaqo-siseko wepropati kunye nomqulu oncitshisiweyo wemali yephondo ubonisa, ngokunjalo nempembelelo, ikhono leDTPW lokuxhathisa kwisiseko see-asethi zephondo kulungiselelwa impembelelo ephela kuba hlali bephondo.

### *Ukuxhaswa kothutho oluhlangeneyo kuyo yonke iNtshona Koloni*

Ukuphuhlisa nokulolongwa kwenkqubo yothutho ekhuselekileyo, esebenza kakuhle nehlangeneyo isembindini ekubuyiseleni esimeni esisiso nasekwandiseni isidima sabemi. Le yinkqubo enzima edinga abachaphazelekayo abaninzi okokuba banikele kumbono wothutho othi uqulathe uluhlu lweenkqubo ezihgundoqo, kubandakanywa ukuzinziswa nokuphuculwa kwenkqubo yabakhweli bakaloliwe, ukuphuculwa kweenkonzo zebhasi nezeteki nokubekwa kweliso kwezi nkqubo, ukuphuculwa komthetho nonyanzeliso lomthetho, nokwandiswa kwezibonelelo ezifanelekileyo.

Ukunqongophala kotyalo-mali kuloliwe wabakhweli kunye nemingeni eqhubekayo yombutho nolawulo ixinzelela iPRASA kuthintele ikhono labantu abaxhomekeke kuthutho lwabantu abahamba ngololiwe ukufikelela emsebenzini, ezikolweni, kumathuba, kunye nezibonelelo zentlalo. Ukubiwa kweentsontela zentsimbi zesiporo sikaloliwe, iingxaki ngokubanzi kwabasebenzi kunye nokhuseleko lwabakhweli kubangele amanye amacandelo othungelwano lwesiporo lungasebenzi, lushiya abakhweli bengenanto yakuhamba. Oku kube nempembelelo embi kakhulu kuqoqosho lweNtshona Koloni.

Isixokelelwano sesiporo esidilikileyo sibeka uxinzelelo olukhulu kuthungelwano lwendlela njengoko abakhweli befudukela kwinkqubo yothutho esekwe kumgaqo ethembekileyo nto leyo eyandisa ingxinano yomgaqo kunye noxinzelelo olwandileyo kwiinkonzo zeeteki kunye neenkonzo zebhasi ezixhaswa ngemali esele zininzi. Umsebenzi wololiwe uluxanduva ngokwakaloku nje lweSebe leSizwe lezoThutho (NDOT), kunye nePRASA ekunikizeleni inkxaso-mali yeenkonzo zololiwe wabakhweli basedolophini ngokusebenzisa iMetrorail yayo encedisayo. Uthutho lwabakhweli basedolophini bololiwe lusengxakini kuwo wonke uMzantsi Afrika, yaye kubekho ukuhla okukhulu kule minyaka imbalwa yokugqibela. Intlekele imibi kakhulu kwingingqi yaseNtshona Koloni, apho inkqubo isemngciphekweni yokuphela, kunye namanani abakhweli like kakhulu.

I DTPW isazimiselo ukunxibelelana kunye namacandelo olawulo ePRASA, iMetrorail kunye naweSixeko saseKapa ukuzama ukufumana izisombululo ezisebenzayo kwimingeni ekhoyo, ukuzinzisa inkonzo kaloliwe kwisithuba esiphakathi, nokuphucula nokwandisa iinkonzo kwisithuba esiphakathi, nokuphucula nokwandisa iinkonzo kwisithuba sexesha elinye. Ngowama-2018/19, iDTPW ingene kwimemoranam yesivumelwano kunye nePRASA kunye neCoCT ukuxhasa ngemali ngokuhlangeneyo nokubekwa kweYunithi yoNyanzelo lukaLoliwe ukulungisa ukonakaliswa ngabom okuqhubekayo kunye nemiba yokhuseleko lwabakhweli. Amagosa ali-100 athe ayinxalenye yeyunithi elindelwe ngamehlo abomvu ibe ngamagosa abekwe ngo-Oktobha 2018 kwisithuba sokuqala sonyaka omnye ukunceda ukuqinisekisa ukhuseleko lwabakhweli bakaMetrorail kunye nezibonelelo zololiwe. Iyunithi ilindeleke okokuba inciphise impembelelo yohlaselo oluzinzileyo kwizibonelelo zikaloliwe, ukonakaliswa kothungelwano lukaloliwe lwasedolophini, kunye nokhuseleko lwabakhweli kunye nabasebenzi bakaloliwe. Ukusekwa kwale yunithi kubonisa indlela yokuzibophelela yaye intsebenziswano efanelekileyo phakathi kwamasebe awahlukeneyo karhulumente inganceda ukuhlasela imiba entsokothileyo nenzima kuluntu. Kwisithuba esisusela ekusekweni kwayo impumelelo eyahlukeneyo isele ibhalisiwe ekukhuseleni abakhweli nee-asethi zikaloliwe.

I DTPW iyaqhuba ukulawula inkxaso-mali okusebenza kwemisebenzi yebhasi kuMasipala wesiThili soMasipala ombaxa weCoCT ngokusetyenziswa koMnikelo weMisebenzi

yezoThutho loluntu lorhulumente wesizwe. Unikezelo lweenkonzo olufanelekileyo ngabasebenzisi (iinkonzo zeBhasi zakwaGolden Arrow) luyaqhuba ukuba ngumngeni njengoko iindleko zinuuka yaye nebango labakhweli lwanda ngenxa yentlekele yesiporo sikaloliwe nokwanda nokukhawuleza kwabemi. I DTPW isebenze nzima ukunceda abanikeli benkonzo ukulungelelanisa iinkonzo zalo okokuba zisabele kwintlekele kwinkqubo yabakhweli bakaloliwe kwizithintelo ezikhoyo zonyaka-mali.

Iindleko zokunikezelwa kwenkonzo zebhasi ezixhaswa ngemali ziyenyuka ngomlinganiselo okhawulezileyo kunokunyuka kumnikelo. Emva kwexesha, oku kuya kuba nomphumela weehambo zebhasi ezimbalwa. I DTPW icamngca ngokuqhuba uvavanyo lwezi nkonzo ukumisela amathuba ukulungiselela uqoqosho nokusebenza kakuhle okuphuculweyo. I DTPW iqhubile ngokuphambela urhulumente wesizwe okokuba ahlole ngokutsha umgaqo-nkqubo we-PTOG kunye nenkxaso-mali yayo.

I DTPW iyaqhuba ngokuququzelela umiliselelo lweenkqubo ezizinzileyo zothutho kwiNtshona Koloni ngethelelwano. Iya kuqhuba ngokumiliselela nokulawula uThungelwano loThutho loLuntu oluHlangeneyo lwaseGeorge, ekungoku ithutha malunga nabakhweli abangama-11 000 ngosuku ngeenkonzo ezikumgangatho ophezulu, iinkonzo ezishudyuliwehyo eziquhutywa ngabaqhubi bangaphambili beteksi. Amalungiselelo asele eqaliswe okundululwa kwenqanaba lesine nelikhulu le-GIPTN eya kuphucula ngokubonakalayo impilo yabo bahlala kwilokishi enkulu i Thembalethu eGeorge. ISebe lisebenzela ngokubhekiselele kukubeka komhla, kunyaka-mali wephondo wama-2019/20, ukulungiselela ukundululwa kweNqanaba 4 leGIPTN, kuxhonyekeke kulwamkelo liBhunga loMasipala waaseGeorge.

Ucwangciso olubhekiselele kwindlela yolinga ukulungiselela ukuphuculwa okwenziwa ngamanqanaba nolufikelelekayo lokulunga, ufikelelo, uthungelwano, ukufaneleka nokhuselo lwemisebenzi yeeteksi luyacwangciswa ngokwangoku kulungiselelwa uMasipala wase-Overstrand. Okubalulekileyo, ulingo luya kwahluka ukususela kwiinkqubo ezihlangeneyo zothungelwano lothutho loluntu (IPTN) ngento yokokuba abaqhubi abasayi kunyazela okokuba bayeke amaphepha-mvume abo okusebenza, babhangise isidingo sembuyekezo yabasebenzi.

IsiCwangciso sePSTP soMasipala wase-Overstrand sigqithyiwe yaye umiliselelo luxhomekeke kukufumaneka kohlahlo lwabiwo-mali. I DTPW inikele ngenkxaso-mali ngokubhekiselele kulwakhiwo kwezibonelelo zothutho ezingenayo injini eHermanus naseHawston kuMasipala waseOverstrand, kodwa ugwayimbo lokunikezelwa kwenkonzo kwisiqingatha sokuqala sowama-2018 kubangele ulityaziso lomiliselelo. Iprojekti iqulunqwe ngamaziko eNMT ommandla waseHermanus kunye nezibonelelo zeNMT zophuhliso lwezindlu zaseHawston. Okuphambili kukuqhutywa kocwangciso olwangezelelweyo ngenjongo zokuqakumbela isiCwangciso esingundoqo seNMT kulungiselelwa iOverstrand.

INational Shova Kalula Bicycle Distribution Programme, ejolise ekunikezeleni ngothutho oludingeka kakhulu kubafundi basemaphandleni, ingqingwe kukungaqiniseki. I DTPW ayinalwazi ukuba zingaphi iibhayisikile eziya kuthunyelwa zilungiselelwe ukunikezelwa nakuwuphi na unyaka-mali, ukuba zikho, yaye akukho maqondiso nayo nayiphi na enye inkxaso yesizwe yonikezelo lwebhayisikili kwixesha elifutshane elizayo. Ngokusetyenziswa kwePSTP, iSebe ngokwakaloku nje liqakumbela inqanaba lesibini locwangciso lwalo

kwisiCwangciso-nkqubo sePhondo soNikezelo lweeBhayisikili. Injongo kukuphuhlisa isicwangciso somiliselu sonikezelo lweebhayisikili eNtshona Koloni.

Ngonyaka-mali wama-2017/18, iiprojekti ezininzi eziphambili zeNMT eStellenbosch zachongwa zaze zabekelwa phambili ngokusetyenziswa kwePSTP. Uphuhliso oluyiliweyo kwiiiprojekti ezili-12 luqale ngothethwano noMasipala waseStellenbosch, uninzi lwazo sele luhuhiswe laya kutsho kwinqanaba loyilo lwengqikelelo. Ngenxa yokunqongophala kwenkxaso-mali, olu yilo luli-12 lusarhoxisiwe. Inqanaba elilandelayo liya kudinga inkxaso-mali elungiselelwe uyilo olucalulweyo nolwakiwo.

Ngeli thuba ukufuduswa kwempahla kuyimfuneko kuqoqosho, ukuba akulawulwa ngokufanelekileyo, uthutho lwenqanawa lunakho ngokunjalo ukuba neempembelelo ezibonakalayo ezezimbi. Impembelelo ezinjalo zibandakanya ukwanda kokukhutshwa kwekhabhoni, ukwanda komngcipheko wokungqubana kwezithuthi, kunye nenkcitho eyandileyo kulolongo kwemigaqo esetyenziswa ngamandla. Ezi mpembelelo zimbi zinendleko kuqoqosho nakuluntu, yaye zichasene nemithetho-siseko yothutho oluzinzileyo kunye nezigunyaziso zophuhliso oluzinzileyo.

I DTPW iphuhlise iQhinga loThutho lwePhondo kulungiselelwa unikezelo oluzinzileyo lothutho eNtshona Koloni, elixhaswa luphuhliso loYilo lweBango loThutho leNtshona Koloni olunikezela ngengcaciso ehlaziyiweyo ngokungena nokuphuma kothutho lwenqanawa kwiphondo, naphakathi kweNtshona Koloni namanye amaphondo.

INkqubo yoMiliselu yoThutho isahlulwe kumanqanaba amabini. Ekugxilwe kulo ngonyaka-mali wama-2018/19 kuwele kwiNqanaba 1 lemisebenzi yomiliselu, eyile ukuphuculwa kolungelenwaniso lothutho nocwangciso, ulwakiwo lwekhono lwlko, nokuphuculwa kweenkcukatha zamanani ezifumanekayo othutho.

Imisebenzi yomiliselu oluqinisekileyo lweNqanaba 2 ekufuneka iqhutyelwe phambili kunyaka-mali wama-2019/20 iya kudinga unxibelelwano oluqhubekayo lwabachaphazelekayo kunye nothethwano. Oku kwenziwa yinto yokokuba le misebenzi ingena phakathi kwezigunyaziso zoogunyaziwe besizwe, bephondo nomasipala, kwiiSOE kunye necandelo langasese. I DTPW iya kuzama ukuphambela izicwangciso nokuphambili kwaba bachaphazelekayo, kodwa ngabachaphazelekayo ngokwabo abanakho ukuthabatha izigqibo eziyimfuneko.

### *UThutho oluhlangeneyo notyalo-mali lwezibonelelo*

lindlela ngabancedi ababalulekileyo kokukhula koqoqosho noyilo lwemisebenzi eNtshona Koloni. Isibonelelo seeNdlalela ui-asethi efunekayo neqhinga njengoko sinikezela ngamathuba oxhotyiso, siyila ufikelelo kwizixeko, kwidolophu, kuluntu nemimandla yoqoqosho nentlalo. Ulolongo lwezibonelelo ezikhoyo zendlela kumgangatho owandisa ukufaneleka nofezekiso lokhuselo lwala mathuba lusembindini kuzinzo lwexesha elide loqoqosho nentlalo yephondo. Amanqanaba embali nawangoku eMTEF awanelanga ukulolonga ezi asethi kwimigangatho edingekayo ze abeke le asethi yeqhinga lephondo emngciphekweni. Ngokuthambekela kuhlobo lwesibonelelo sendlela, ukuyekwa kololongo kwixesha elifutshane kuya kwangezelela iindleko kwixesha elide.

Isicwangciso sokuncitshiswa komsebenzi osemva wololongo lwezibonelelo sele siphuhlisiwe ukujongana nomsebenzi osemva wesigidi sezigidi ezingama-R27 kulolongo



Iweendlela zephondo. Esi sicwangciso sisekwe kuyilo lohlahlo lwabiwo-mali longenelelo, olubonisa into yokokuba isongezelelo sesigidi sezigidi ezi-R2,86 ngonyaka siyafuneka ukulolonga ixabiso lwe-asethi yothungelwano lwendlela kwisithuba seminyaka elishumi ezayo. Ukulungiswa okwangezelelweyo komphezulu wendlela kuyenziwa ngokunjalo ukunciphisa umsebenzi osemva wololongo. Kwesimo sayo semali enyiniweyo ngokwakaloku nje, iDTPW ibeke phambili ulolongo olunomthamo omkhulu weendlela zegrabile ezibalulekileyo ukugcina uqoqosho lwamaphandle nokwandisa uncedo kubahlali beNtshona Koloni.

IsiCwangciso soLawulo lwee-Asethi zeNdlela seDTPW: 2017/18 – 2026/27 sichaza inqanaba leendlela zephondo kunye nempembelelo yotyalo-mali olukhoyo kwiindlela kwesimo sexesha elizayo sothungelwano. Enye ebalulekileyo yengqokelela yamanani yeyokuba isambulo sepesenti ezingama-94,8 zazo zonke iikhilomitha ezihanjwe zizithuthi kwimigaqo yephondo enetha eNtshona Koloni zihanjwa kwiindlela ezikwisimo esilungileyo ukuya kwesilunge kakhulu. Ngaphandle kokulolongwa kothungelwano olugangathiweyo oluthwala uninzi lweekhilomitha zezithuthi kubume obulungileyo ukuya kobulunge kakhulu, inkxalabo isasele kwinto yokuba isahlulo esibonakalayo sothungelwano sele sifikelele esiphelweni sobomi baaso boyilo, esenze lube yimfuneko utyalo-mali olungaphezulu kuhlaziyo yaye apho kufanelekileyo ukufakwa kwee-asethi ezibalulekileyo endaweni yuezindala. Kuthungelwano lweendlela zegrabile, kukho inkxalabo eyelele apho njengoko ubukhulu begrabile ekhoyo ingaphantsi kwenqanaba esidingekayo ukuzinzisa ukomelela kothungelwano.

I DTPW iqhubile ngokwamkela indlela yeendleko zomjikelo wobomi ukulungiselela ulawulo lwee-asethi zendlela esekwe kwizibonelelo nokusetyenziswa ngokupheleleyo kweendleko, ubudala nobume bothungelwano, kunye nonyino lwenkxaso-mali efumanekayo. Kukho utyalo-mali oluqhubekayo ekwandisweni kwiinkqubo senkxaso yesigqibo kulawulo lwee-asethi zendlela ukwandiswa kwezibonelelo nokuhlanganiswa kosetyenziso lomhlaba notyalo-mali lwezibonelelo zothutho.

Kunyaka ongaphambili, iDTPW iya kuqhuba ukuchonga ulwakhiwo oluphambili kakhulu lwendlela kunye neeprojekti zololongo ngokwandiswa kweenkqubo zolawulo zee-asethi zazo. Kuqikelelwa into yokokuba ezi projekti ziya kuuqazelela ingqesho noqeqesho lwabasebenzi bethutyana abafunwe kwingingqi, nokuthengwa kwempahla neenkonziso ezivela kumashishini eNtshona Koloni.

I DTPW iyaqhubeka ukusa izibonelelo zayo ezikhoyo kwiindlela ezibaluleke kakhulu kuqoqosho. Inkqubela phambili eqaphelekayo yenziwe kwiiprojekti ezininzi zeendlela ezingundoqo ezijolise ekuxhaseni ukukhula koqoqosho notyalo-mali eNtshona Koloni. Izifezekiso ezingundoqo zibandakanya:

- Ukugqitywa kweprojekti yohlaziyo lweN2;
- Ulwangezelelo lomgaqo wesi-3 ku-N1 kwiDurban Road Interchange, iprojekti ekulindeleke ukuba igqitywe ngoJulayi 2019; kunye
- Nokwandiswa kwe-MR559 ne-TR85/1 kuxhaswa iZoni yoPhuhliso loShishino lwaseSaldanha Bay.

Iiprojekti ezintathu zolwakhiwo lweendlela ezingundoqo zikwinqanaba loyilo lokuqala yaye ziya kuvulela ngokubalulekileyo uqoqosho kunye nophuhliso lwentlalo kwingingqi. Ezi zezi:

- 1) **Ulwakhiwo ngokutsha nohlaziyo lweWingfield Interchange**, olukuqumlwano lohola uN1 (TR9/1) kunye noN7 (TR11/1), empuma yombindi wesixeko saseKapa. Iprojekti, esekuqaleni kwinqanaba loyilo ngokwakaloku nje, equlathe amacandelo amaninzi athi abandakanye ukwandiswa nokwakhiwa ngokutsha kweWingfield Interchange ukulungiselela ukudambisa ingxinano, ukuphuculwa kofikelelo lwangasese nolukawoke-wonke olusekwe kumgaqo, nokuvulela uphuhliso kumashishini amaninzi asecaleni kunye nophuhliso lwendawo yokuhlala kubandakanywa i-Acacia Park kunye neWingfield Precincts. Iprojekti iza kumiliselwa kwisithuba seminyaka eli-12 yaye iya kwahlulwa-hlulwa kumacandelwana amaninzi ukuhambelana nohlahlo lwabiwo-mali olufumanekayo.
- 2) **Uhlaziyo lweN7 iye kwiMigangatho yoHala phakathi kwePotsdam kunye neMelkbosstrand**. Ucwangciso lohlaziyo lweTR11/1 lokuya kwimigangatho kahola sele luqunjelwe yaye inqanaba lokuqala loyilo liya kuqala kwamsinyane. Kweli nqanaba, iprojekti ithathwa okikuba inganakho ukumiliselwa kwisithuba seminyaka eli-10. Ukulungiselela ukuhambelana ngemigangatho yohala, iyimfuneko yokuvulwa konqumlwano oluninzi ekwinqanaba kunye nolwakhiwo nomgaqo wotshintsho. Olu phuculo luya kwandisa ukhuselo, ukushukuma nokufikelelwa ku-N7 ngokunjalo nemimandla esecaleni kwawo.
- 3) **Ulwandiso lwangasentla lo-R300 phakathi ko-N1 noN7**. Ulwandiso luka-R300 lunxulumano olulahlekileyo oluya kuthi ekugqibeleni luhlangane neendawo zokuhlala ezisezanisi, ezisentla nezisentshona zaseKapa. Lo mgaqo uxhibe ukubhangisa ingxinano yezithuthi kwimigango yesizwe nengonothumela ngokuphuculwa kohanjiso lwezithuthi. Izaziso, ucwangciso kunye namanqanaba asekuqaleni oyoilo alungiselelwe inqanaba lokuqala lalo mgaqo sele ligqityiwe. Uyilo olucalulweyo luya kuqaliswa yaye iinkqubo zolwamkelo lwendalo ziya kuqaliswa kwakhona kwamsinya.

#### *Ukhuselo nesithuthi esilawulwa ngokufanelekileyo kunye nabemi babaqhubi*

Ubume bothutho lwendlela obukhuselekileyo nobulawulwa kakuhle bandisa iminyaka elindelekileyo yobomi. Ubutyobo bomgaqo obubandakanya abahambi ngeenyawo kunye nabantu abatsha abaphakathi kobudala bali-18 ukuya kuma-35 busasele buyinkxalabo enkulu. Imiba engunobangela ebandakanya ukungabikho kwamava okuqhuba, ukungabinakho ukuchaza uxinzelelo olubi lwamaqabane, kunye nokunqongophala kohambelwano nemithetho yezithuthi. I DTPW iyaqhuba ukusebenza neKomiti yoQuquzelo yoKhuselo loMgaqo woLutsha lwePhondo yePhondo laseKapa okokuba lolule isandla kulutsha ngokusetyenziswa kweenkqubo yolawulo lokhuseleko.

Intsebenziswano elungileyo kunye namaqhinga ahlangeneyo phakathi kweDTPW, umasipala namaqabane onyanzeliso lomthetho wezithuthi kunye nabachaphazelekayo abangundoqo iya kuqhubeka kunyaka ekujongwe kuwo ongapambili.

INkqubo yoKhuselo lweKhaya iyaqhuba ukugxila ekuguquleni indlela yokuziphatha yabasebenzisi bomgaqo ngokusetyenziswa ngokusebenzayo ngemiyalezo nonxibelelwano olunempembelelo enkulu kumaqonga amaninzi opapasho, amalinge olwazi enguqu yokhuselo lwendlela ajolise kubaqhubi abaselula kunye nabahambi ngenyawo baya kuba yingqwalasela yonyaka-mali wama-2019/20. I DTPW, ngentsebenziswano namasebe afana neWCED kukanye neSebe lephondo loKhuselo loLuntu, iya kuqhuba ngeNkqubo ye Walking Bus ejolise ekuqinisekiseni ngohambo olukhuselekileyo lwabafundi ukuya nokubuya ezikolweni kwimimandla enomngcipheko.

IDTPW iya kuqhuba isebenzisa itheknoloji eguqulweyo ukuqokelela ingcaciso, ukuveliswa kwengqiqo, kunye nocwangciso lwenkxaso kunye nemisebenzi kulungiselelwa umthetho ongcono wothutho, ukhuselo lwemigaqo kunye nonyanzeliso lomthetho wezithuthi. I-Integrated Intelligence Hub (ITI) yeDTPW ihlahl' indlela ngokusetyenziswa kwetheknoloji ehlakaniphileyo njengomphinda-phindi enyanzelweyo. IHabhu ihlanganisa iinkcukacha zamanani asuka kumacandelo oLawulo lweZithuthi zeSebe kuLawulo lwezoThutho leDTPW – uNyanzeliso loMthetho weZithuthi, iMisebenzi yoThutho kunye neQumrhu loLawulo lwePhondo – ukuxhasa ukwenziwa kwezigqibo okusekwe kubungqina. Isambuku sezithuthi ezitsha zonyanio lomthetho ezili-118 zikwiphulo lokuxhotyiswa kwezithuthi ngaphakathi ngetheknoloji ye-ITI. Injongo kukuqinisekisa ngento yokuba igosa ngalinye lezithuthi zeDTPW linesixhobo esibanjwa ngesandla se-ITI esithi siliphaphamise kulwaphulo-mthetho olungakho olunxulunyaniswe nezithuthi ezithile. Ekugqibeleni, i-ITI iya kubandakanya isitora esikwindawo enye yeenkcukacha zamanani esinemisebenzi emibini engundoqo: 1) ucwangciso lokusebenza nokunika ingxelo; kunye 2) ulawulo lwexesha elilo lwemisebenzi. Uphuhliso lwenkqutyana yohlaziyo nohlanganiso iyaqhutywa, yaye iziganeko ezibalulekileyo ezininzi sele zifikelelwe.

- linkqubo ezindala ezizimeleyo zolawulo zihlaziyiwe yaye iNkqubo yoLawulo loThutho loLuntu (PTRS) iphuhlisiwe. Oku kunika ithuba lofikelelo kwiinkcukacha ezichanekileyo ezihlangeneyo, kubandakanywa nokuthelekiswa kobulungu obungundoqo bombutho weeteksi osekwe kumgaqo, amaphepha-mvume okusebenza, kunye nengcaciso yomgaqo.
- Inkqubo ye-eNforce ebonisa itheknoloji ebanjwa ngesandla nengaphakathi kwisithuthi ehlanganiswe neNkqubo yeSizwe neNgcaciso yeZithuthi (NaTIS) ngoku iyaqhubeka yaye izixhobo ezibanjwe ngezandla ziyakhutshwa kuwo onke amagosa. Le nkqubo ivumela ukuchongwa kolwaphulo-mthetho olufana nobuqhinga bepleyiti yephepha-mvume, ukuhamba ngesantya esiphezulu, ulwaphulo-mthetho lomgaqo wabaqhubi bezithuthi zoluntu, nokulawulwa kokudinwa, yaye inakho ukurekhoda ubungqina bolwaphulo-mthetho. Ukuphaphanyiswa ngolwaphulo-mthetho olunokwenzeka okunxulunyaniswa kwizithuthi ezizayo ezithile kunokuthunyelwa ngqo kumagosa akufutshane, ngoko ukuphuculwa kokufaneleka kokusebenza. Inkqubo ye-eNforce ibandakanya irosta yokusebenza yegosa, yaye inceda uLawulo lweZithuthi zePhondo okokuba lufumane ingcaciso ngexesha eyenzeka ngalo ivela kwizixhobo ezibanjwa ngesandla isithuba seeyure ezingama-24 ngosuku, ukuphuculwa kokunikwa kwengxelo nokunikezelwa kweenkcukacha zamanani kulungiselelwa ucwangciso lokusebenza olungcono.

- Enye itheknoloji entsha ekhutshelwe amagosa kwimimandla ebandakanya iikhamera ezingaphakathi kwizithuthi kunye neeradiyo ezikwidlebe lesinxibo, kunye neekhamera eziZenzekelayo zokuFota iNombolo yePleyiti yeMoto. Oku kuncede ngokunjalo ngokwandisa ukhuselo lwamagosa ngokuwenza abonakale kakhulu.
- Itheknoloji yenkqubo yengqiqo yothutho ethi ivumele ukulandelwa kwezithuthi zothutho loluntu sele luqhutywa ukulungiselela ulawulo olungcono lwesivumelwano nokunikezela ngengcebiso yocwangciso lokusebenza.

Eminye imisebenzi eqhutywayo ibandakanya uphuhliso lwehabhu yeenkcukacha zamanani (iziko lesitora) ngokunjalo noxwebhu lwenkqutyana kunye nophuhliso. I-ITIH inezibonelelo "zexesha elililo" njengoko ichola-chola ngokuqhubekayo iinkcukacha zamanani ezimalunga nesantya esiphezulu, umthwalo ongaphezulu kolindelekileyo kunye nolunye ulwaphulo-mthetho. Iinkcukacha zamanani ze-ITIH zibonise ukudinwa njengoyena mnikeli uphambili kubutyobo bokungqubana kwezithuthi ezindleleni ku-N1 kufutshane nePrince Albert, yaye oku kukhokhelele kukusekwa kweNkqubo yoLawulo lokuDinwa.

Imisebenzi engekho mthethweni yothutho loluntu iqhubile ukuba yingcambu yonobangela wongqzulwano lolwaphulo-mthetho kushishino lweeteksi. Amacandelo olungelelwaniso nokubekwa kweliso athe amiselwa kunye noogunyaziwe bocwangciso yaye abandakanywa iNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika kunye noogunyaziwe bezithuthi.

Ngaphezulu, iqela loNyanzeliso loMthetho weZithuthi zePhondo leDTPW liphuhlisa iNkqubo yamaGosa abizwa ngethuba elithile eziThuthi zePhondo ukunceda ekwenzeni iNtshona Koloni ibe yindawo ekhuselekileyo yokuhlala nokusebenza.

### *Isibonelelo samathuba omsebenzi we-EPWP olungiselelwe ulutsha, amabhinqa nabantu abakhubazekileyo*

Ukususela koqoqosho kuyile isimo esibi soqoqosho lwentlalo eMzantsi Afrika esidinga amangenelo abonakalayo avela kurhulumente ukuxhasa abahluphekileyo nabangenayo ingqesho, kujoliswe kulutsha.

Amathuba oqeqesho kushishino olunxulumene nolwakhiwo aya kuqhuba enikezelwa kubantu abatsha abangaqeshwanga njengenxalenye "yeNkqubo yoLutsha olukuLwakhiwo" yeNkqubo yeSizwe yeNkonzo yoLutsha ethi inikezele ngamathuba olutsha olungaqeshwanga okokuba luthabathe inxaxheba kusimo solwakhiwo kunye namashishini okwakha. Ulutsha lufakwa kwinkqubo yeenyanga ezili-12 ngelo thuba lufumana amakhono kwimisebenzi eyahlukeneyo kushishino lokwakha elinakho ukwandisa ikhono labo lokufikelela kumathuba oqoqosho. Iinkqubo zophuhliso lwamakhono ezangezelelweyo zibandakanya ukuba ngumfundi engqeshweni yokutywina neyombane.

Ikontilaka ezivelayo kwicandelo lwesimo sokwakha ziya kuqhubeka ukuxhaswa ngokusetyenziswa kwamathuba engcaciso nangeNkqubo yoPhuhliso lweKontilaka ukunceda ngokuqinisekisa ngento yokuba zinokuba ngabathabathi-nxaxheba abanentsingiselo kwicandelo loshishino lokwakha ezinakho ukuyila amathuba emisebenzi ukulungiselela abanye. INkqubo yeSiseko neQhubele phambili yoQeqesho neyokuBekwa

kweLiso iya kuqhubeka inikezele ngenkxaso ukunceda ngophuhliso lweshishini, kubandakanya inkxaso yokufakwa kwethenda nokunikwa kwexabiso. Ukunikela kuxhotyiso lwabahlali beNtshona Koloni, iDTPW iya kuqhubeka ukuxhasa nokuphucula ezi nkqubo ezithe zanomphumela kukwanda kwamamanani eekontilaka zoxhotyiso loqoqosho lwabantu abantsundu besiseko esibanzi (BBBEE) ezikwiNqanaba 1 – 4 ezihambelana kunye neemfuno zokufaka amaxabiso nokunikwa izivumelwano.

Ngokwemiqathango yeMithetho yokuThenga okuKhethiweyo, iDTPW iyaqhuba ukulinganisa impembelelo yayo yoxhotyiso ngokusetyenziswa kwesiXhobo sayo soVavanyo lweMpembelelo yoXhotyiso (Empla).

Icandelo 3 (2014–2019) leNkqubo eYandisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente likunyaka walo wokugqibela womiliseko. ICandelo 4 le-EPWP lesiCwangciso seShishini: 2019 – 2024 liliindelwe okokuba lamkelwe yiKhabhinethi yeSizwe kulungiselelwa umiliseko oluqala ukususela ngomhla woku-1 ku-Epreli 2019.

ITheyibhile 9 ibonisa ekujoliswe kuko okokuqala kwe-EPWP yephondo yeminyaka-mai yowama-2019/20 to 2023/24.

**ITheyibhile 9: Ekujoliswe kuko kwe-EPWP 2018/19 – 2020/21**

Icandelo	Uhlobo lwethuba	2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	Totals
Izibonelelo	WO*	22 847	23 119	23 186	23 157	23 184	115 493
	FTE**	7 550	7 639	7 661	7 652	7 661	38 163
Indalo neNkcubeko	WO	21 380	22 021	22 682	23 363	24 063	113 509
	FTE	5 247	5 277	5 308	5 341	5 373	26 546
INtlalo	WO	18 636	18 403	18 449	18 523	18 622	92 633
	FTE	9 402	9 257	9 281	9 317	9 367	46 624
Ewonke	WO	62 863	63 543	64 317	65 043	65 869	321 635
	FTE	22 199	22 173	22 250	22 310	22 401	111 333

**Umthombo:** ICandelo lesi-4 le-EPWP lokuJoliswe kuko kokuQala (2019 – 2024), kuFebruwari 2019 leSebe leSizwe leMisebenzi kaRhulumente (NDPW).

\* WO – ithuba lomsebenzi.

\*\* FTE – ulinganiso lwesigxina

**IsiCwangciso sokuPhuculwa kokuNikezelwa kweNkonzo (SDIP)**

I DTPW iqalise ngenkqubo yophuculo lonikezelo lwenkonzo ukuncedisa umbono wayo wokuba ngumbutho othambele inguqu onakho ukusabela kuxinzelelo lwendalo, okhokhelela iinkqubo zoshishino lwayo kunye neendlela kwizigunyaziso zenguqu yedijithali, owamkela uhlaziyo lwetheknoloji nenguqu, ze uzise ufaneleko olukhulu. Olu hambo luqulathe ukujongana ngqo neengqiqo zesiqhelo, iindlela kunye neendlela zokusebenza ukuzisa uphuculo kwimbonakalo yabahlali, enyanzelisa isidingo ngokutshintshwa kwendlela yokuziphatha yomxhamli.

Okuqukuzela kuvela kwinkqubo yophuculo lonikezelo lwenkonzo, iDTPW iphuhlise iSDIP yayo ukulungiselela isithuba seMTEF sowama-2019/20 – 2020/21 incedwa sisicwangciso

seqhinga layo nokulungelelwanisa kwi-APP 2019/20. I SDIP ijolise ekulungiseni le mimandla ilandelayo yophuculo lwenkonzo: Ukunikezwa kwePhepha-mvume loMqhubi neeMvume (OLP): Ukunikezelwa kweNkonzo zokunikezelwa kwamaphepha-mvume kubaqhubi bothutho loluntu; kunye noLawulo loKhuselo lweNdlela (RSM): Ukumiliselwa nolungelelwaniso lweenkqubo zemfundo nolwazi lokhuseleko lwendlela. (I-OLP kunye ne-RSM ngamaCandelo akwi-DTPW.)

*INkonzo yokuQala ye-OLP: Ukunikezelwa kweenkonzo zamaphepha-mvume kubaqhubi bothutho loluntu*

I Vangate Shared Service Centre (VSSC) yindawo yenkonzo ephambili ethi inikezele imisebenzi yolawulo lothutho kwicandelo lothutho loluntu. Amava abaxhamli benkonzo beVSSC alicandelo elibalulekileyo ekulinganiseni umsebenzi weDTPW. Uvavanyo oluphambili olubonisa isidingo sokuphuculwa kokulunga kweenkonzo. Uphuculo olulandelayo luya kuqaliswa:

- Ukuphawulwa kwesakhiwo seVSSC;
- Ukwandiswa kweNkqubo yoLawulo loMngcelele (QMS); kunye
- Ukuqaliswa kweNkqubo yoLawulo loNxibelelwano lwaBemi.

Umsebenzi ocwangciselwe unyaka-mali wama-2019/20 ubandakanya:

- Ukufunyanwa kwemvume ukulungiselela uyilo lweempawu zokufumana indawo ukuya kwiziko;
- Uthethwano kunye nabachaphazelekayo abafanelekileyo ngophawulo nokundululwa kokunikwa kwegama lesakhiwo ukubonisa iinkonzo ezinikezelweyo kwiziko; kunye
- Nokufakelwa kweeQMS ezifanayo ezifakelwe kwiVSSC ngesithuba sikaJulayi 2018 kwi-ofisi yePRE eGeorge: ukushenxiswa ukulidwa kwexesha elide, ukuncitshiswa kwezikhalazo, ukuvuselelwa kwemveliso yabasebenzi, ukunikezelwa kweenkcukacha zamanani exesha elililo ezimalunga nenkonzo, amaxesha okulinda kunye nengxelo kubaxhamli. Abahleli banikezela ngenkqubo evumela ukuchongwa kwemimandla engundoqo yophuculo.

*INkqubo yesiBini yeRSM: Ukumiselwa nolungelelwaniso lweenkqubo lwemfundo yokhuselo lomgaqo kunye nolwazi.*

Indlela yokuziphatha yokungakhathali yomsebenzisi womgaqo kubanomphumela wokungqubana kwezithuthi emgaqweni okuthi kukhokelele kukubhubha nokwenzakala okubi. Ngokuqhutywa kwemfundo nolwazi olumalunga nokhuselo lwendlela phakathi kwamaqela asesichengeni, angala ulutsha nabafundi, iSebe: iRSM lijolise kutyalo-mali ekumiliselweni indlela yokuziphatha elungileyo emgaqweni nakuluntu.

Uphuculo lwenkonzo luzimisele ngokuqalisa kweendlela zengqu kunikezelo lweenkqubo ezithile zokhuselo lomgaqo, kubandakanywa:

- Ukuhlolwa kweempawu zendlela ezenziweyo kunye nezixhobo ezilungiselelwe amaziko oqeqesho othutho lwabantwana ngaphakathi ukulungiselela ukuncitshiswa kweendleko zokwenziwa nokwanda kwenani lamaziko ukususela kwama-5 ngowama-2019/20 ukuya kwali-15 ngowama-2020/21;

- Inkqubo yokufakwa kwamaphepha-mvume abafunda ukuqhuba ngedijithali ukulungiselela uqeqesho lube nakho ukwenziwa nge-elektroniki kwiqonda abanokuthi abafundi banamhlanje babe baliqhelile, yaye kwangaxesha linye kwandiswe inani labafundi abathabatha inxaxheba kwinkqubo;
- Ukunikezelwa koqeqesho olwenziwa ngomlomo kumaphepha-mvume abafundi kwabo bangenakho ukufunda nokubhala; kunye
- Nokuhlolwa kokuveliswa kwezivuseleli kulungiselelwa uqeqesho lwamaphepha-mvume kubafundi ukunceda abafundi abangakwaziyo ukufikelela kwizifundo zokuqhuba okokuba bachanatywe kuqeqesho olwenziwayo.

## 5.9 Ubume bombutho

Imisebenzi yeDTPW enobume obunomngeni owandileyo odinga indlela ethambeke inguqu nokomelela komjikelo wobomi bombutho. Uphando lubalulekile ukulungiselela ingqiqo nokuqulunqwa kwamaqhinga afanelekileyo kwimiba ebalulekileyo ejamelene nombutho, ebandakanya: iimpembelelo zenguqu yesimo sezulu, eqhubela phambili kwitheknoloji yengcaciso nonxibelelwano (ICT) kunye nengcaciso yedijithali, ugwayimbo loluntu, ukungahambi nomthetho, nokuguquka kwendlela yokuziphatha kwabachaphazelekayo. Uhlalelo olusebenzayo lwabancedi ababalulekileyo luyimfuneko kwiDTPW ukulungiselela ukuqhubeka ngokuba ngumbutho ofundayo nonenguqu.

I DTPW iphuhlise isiCwangciso sayo seQhinga leTalente (STP) yaye kwiphulo lokuphuhlisa isiCwangciso sayo soMiliselo lweSTP ukuphakamisa ixabiso layo elindululweyo letalente. Oku kuya kuhlenganiswa neqhinga lokubekwa kophawu olugxile ngaphakathi nangaphandle olubeka iDTPW kumgangatho olungileyo ukutshala umdla nokugcinwa kwamakhono abalulekileyo anexabiso nanqongopheleyo. I STP ijolise ekulolongeni nasekuphuhliseni abaqeshwa abasele bekho ukulungiselela ukubanceda ukubenza babe zingcungela abanokuba zizo.

ISebe likwiphulo lokuphuhlisa uMchwangcisi woNyaka waBantu ngothethwano kunye neZiko leNkonzo zeQumrhu (CSC) kwiSebe leNkulumbuso. UMcwangcisi woNyaka waBantu sisixhobo esihya kunceda iDTPW okokuba icwangcise rhoqo ngonyaka ze ihlangabezane neemfuno zabantu ezikhoyo nezexa elizayo zokunikezela ngenkonzo echubekileyo ngokuhambelana nesiCwangciso seQhinga kunye nokuphambili kweqhinga kwindleko zohlahlo lwabiwo-mali labasebenzi (COE). Inkqubo ihamba kunye nomjikelo wocwangciso lweqhinga. Iya kunceda abalawuli okokuba bachonge imiba ephambili ephathelelene nokufunwa kwabasebenzi, ukulungisa engqeshweni, uqeqesho nophuhliso, uqeqesho lolandelelwano kwizikhundla, nokuyilwa kwentlanganisela yeetalente nangona kuncipha inkcitho enxulumene nabantu (kubandakanywa iCOE).

I DTPW igxile emsebenzini wokulungiswa kobulungisa engqeshweni ukulungiselela ukufezekisa umelo kubasebenzi bayo. Ukufezekiswa kobulungisa engqeshweni (EE) yinkqubo eqhubekayo edinga inyameko ecwangcisiweyo. ISebe lezeMisebenzi lisihlolile isiCwangciso se-EE seDTPW samaxesha adlulileyo aphela ngowama-31 kuMatshi 2017. Uvavanyo lukhokhele uphuhliso lwesicwangciso se-EE seSebe sesithuba esisusela kumhla woku-1 ku-Epreli 2017 ukuya kumhla wama-31 kuMatshi 2022. I DTPW izamela ukufezekisa umelo ngokobuhlanga nabasebenzi abalinganayo kunye nenkcubeko yendawo

yokusebenza ebonisa intlonipho yesidima somntu. ISebe lilawula ngamandla ekujoliswe kuko kwe-EE ngokwesiCwangciso se-EE esivunyiweyo. Kulo mba sele lenze imitsi ekulungiseni uluhlu lwalo lwabasebenzi olulawulwa ngamadoda ngokuqesha amabhinqa kumanqanaba aphezulu kwiSebe.

Uyilo ngokutsha lombutho ekufuneka luqalisiwe kulungelelwaniso lwemisebenzi karhulumente kwimisebenzi yeNkqubo yoLawulo lokuNikezelwa kweZibonelelo, ngeli thuba kusakhiwa ngokutsha iZibonelelo zeMigaqo lukwinqanaba esele liqhubele phambili.

Njengexalenye yenkqubo yesebe yolawulo lwenguqu ethi ijolise ekuphuculeni ikhono langaphakathi nokufaneleka kokusebenza, imimandla elandelayo iya kuqiniswa:

- libhasari ezangezelelweyo, noqeqesho olulungiselelwe abasebenzi;
- Ukufakelwa kwesibonelelo sevidiyo yonxibelelwano;
- Iindlela ezizezinye zonikezelo lwenkonzo kulungiselelwa unikezelo lwezibonelelo; kunye
- Nophando nophuhliso.

Isimo sombutho esikhulu seDTPW siboniswe kumaphepha amane alandelayo.

Iitheyibhile ezingasezantsi zibonisa ubume babasebenzi ngokweNkqubo kunye nenqanaba lomvuzo.

**ITheyibhile 10: Inqesho nezithuba ezingazaliswanga ngokweNkqubo, ukuza kuthi ga ngoFebruwari 2019 2019**

INkqubo	Inani lezithuba ezixhaswe ngemali	Inani lezithuba ezizalisiweyo	Umlinganiso lwezithuba ezingazaliswanga
1	286	280	2.1%
2	428	407	4.9%
3	624	609	2.4%
4	38	35	7.9%
5	782	768	1.8%
6	58	56	3.4%
<b>Zizonke</b>	<b>2 216</b>	<b>2 155</b>	<b>2,8%</b>

*Umthombo; ISebe leNkulumbuso – IIndlela zoLawulo lwaBantu CSC.*



**ITheyibhile 11: Inqgesho nezithuba ezingazaliswanga ngokwenqanaba lomvuzo, ukuza kuthi ga ngoFebruwari 2019**

Inqanaba lomvuzo	Inani lezithuba ezixhaswe ngemali	Inani lezithuba ezizalisiweyo	Umlinganiso lwezithuba ezingazaliswanga
Abanekhono ezisezantsi (Amanqanaba 1-2)	305	302	1.0%
Abanezakhono (Amanqanaba 3-5)	530	509	4.0%
Abanezakhono eziphezulu abemveliso (Amanqanaba 6-8)	948	936	1.3%
Abanezakhono eziphezulu zokuphatha (Amanqanaba 9-12)	379	356	6.1%
Abalawuli abaphezulu (Amanqanaba 13-16)	54	52	3.7%
<b>Total</b>	<b>2 216</b>	<b>2 155</b>	<b>2,8%</b>

*Umthombo; ISebe leNkulumbuso – IIndlela zoLawulo lwaBantu CSC.*

I DTPW iyaqhubeka ukulungelelanisa zonke iiprojekti zezibonelelo kunye neemfuno zeNkqubo yoLawulo lweBango lweZibonelelo. Uyilo lwe-IDMS ngokwakaloku nje alukamiliselwa kumacandelo eZibonelelo ngokuBanzi zeMisebenzi kaRhulumente noLawulo lwee-Asethi eziShukumayo. Uyilo kwakhona lombutho lwala macandelo kufuneka luqunjelwe ngaphambili kokuba oku kube nokwenziwa.

### 5.10 Inkcazelo yenkqubo yocwangciso lweqhinga

I DTPW ibambe amathuba ocwangciso lweqhinga ngomhla wama-21 nama-22 kuJuni 2018, nangomhla wama-21 kuSeptemba 2018. La mathuba abandakanya icandelo leGMT. Injongo yala mathuba yayikukucwangcisa isithuba socwangciso seqhinga sowama-2019/20, ukucamngca ngemingeni yembali, nokugxila kumathuba angaphambili. Ithuba locwangciso lweqhinga ngoJuni wama-2018 lijolise kwindlela iDTPW ingathambela kubume boxinzelelo lwendalo olunika umngeni oluziswa bubume bezopolitiko, isimo esibi soqoqosho, inguqu yesimo sezulu, ungenelo ngenkani komhlaba, ukungabikho kwemisebenzi, oomasipala abatsala nzima kunye nabanye abachaphazelekayo, inkqubela phambili kwitheknoloji yengcaciso, uphazanyiso lweenkonzo, kunye nobume obungazinzanga boqoqosho lwendalo obuphawulwa luqhankqalazo loluntu. Okubalulekileyo, iDTPW ijolise ekuqhubeni ushishino lwayo ngokwahlukileyo nokulinganisa umsebenzi wayo linemigqalisela ebonisa inqanaba lempembelelo kubaxhamli benkonzo esibasebenzelayo. Oku kubonisa indlela yobuntu kucwangciso nokunikezelwa oko kubeka abantu embindini yaye okubalulekileyo ilungisa imingeni eyahlukeneyo yendalo. Injongo ezijolise kumphumela zeqhinga leDTPW ezilungiselelwe isiCwangciso seQhinga seminyaka emihlanu: 2015/16 – 2019/20 zaqinisekiswa.

Inkqubo yethuba locwangciso lweqhinga ibandakanya okulandelayo:

- Ingcebiso evela kwiGosa eliNika iNgxelo kwimbonakalo yeqhinga kunye nohlaziyo lomjikelo wobomi kubume bokungaqiniseki obukhulileyo;

- lintetho zendlela yocwangciso lweqhinga kuqwalaselwa imingeni ephembelela kunikezelo lwenkonzo:
  - Izifundo ezifundwe kwisiCwangciso esikhoyo seQhinga leminyaka emi-5;
  - Uhambo lombono weDTPW nesicwangciso seminyaka engama-20; kunye
  - Nokuhlalelwa kwengqikelelo yezicwangciso eziqhubekayo zeminyaka emi-5.

Imicimbi engaphezulu ebalulekileyo ethe yaqwalaselwa yaze yahlalelwa ibandanya:

- Uphuhliso lwesindululo sexabiso seDTPW;
- Inkcubeko yenguqu yequmrhu yolawulo lweqhinga;
- Ucwangciso oluhlangeneyo lwesikhokhelo seqhinga kubo bonke abancedi;
- Ukuba ngumbutho ofundayo;
- Ukusebenza kunye kuxhathiswe ngokusebenza kuwo onke amacandelo; kunye
- Isicwangciso seQhinga leTalente leDTPW kubandakanywa iingcamango eziphathelelene:
  - Kwiqhinga lenkqubo eyandisiweyo ukulungiselela ukukhawulezisa kukusabela kwikhwelo lokuzaliswa kwezithuba;
  - Uphuhliso lombutho "ibhokisi yesanti" ukuhlola iimfuno zexa elizayo zabasebenzi; kunye
  - Nokuhlolwa okwandileyo kwinkqubo yokuxatyiswa komsebenzi ukulungiselela iimvavanyo "amanqanaba angama-360" zabaphathi abaphezulu.

Ithuba locwangciso lweqhinga likaSeptemba 2018 liqhubile ukwakha kwiqonga elisekwe ngesithuba locwangciso lweqhinga likaJuni 2018 nokujongwa kwimiba enxulumene:

- Nocwangciso kulungiselelwa Ikamva elingcono;
- Nokusonjululwa kwemingeni ekhoyo;
- Nokubekelwa kwemiba ebalulekileyo; kunye
- Nokubonisa okokuba iDTPW iyinkokheli kwinto eyenzayo.

Intetho ezingaphezulu ezicamngca njengemiba ebalulekileyo ibandakanya:

- Uhambo lombono weDTPW, ejongene:
  - Nohlahlelo lwabachaphazelekayo;
  - Nentsebenziswano phakathi kwamasebe; kunye
  - Nabaqhubi benguqu;
- Nentsebenziswano phakathi kwamasebe: kunye
  - Ekujoliswe kuko kweDTPW;
  - Imineni ekhoyo;
  - Izifezekiso;
  - Uxinzelelo lwenkcitho, uhlahlelo lwenkcitho nengeniso;
  - I-COE; kunye
  - Nemingcipheko nokudanjiswa komngcipheko

Enye intetho iqaqambise imingeni ekhoyo yokunikezelwa kwenkonzo kunye nendima eyimfuneko yocwangciso oluhlangeneyo lukarhulumente ukusombulula iingxaki ezibanzi zoluntu. Le mingeni ayikho mitsha kodwa indlela "yoluntu lonke" iyadingeka ukuyibhangisa.

Umpfumela wamathuba ocwangciso lweqhinga lwe DTPW ube nesiphumo kuqinisekiso lweNjongo ezijolise kuMphumela njengoko kubonisiwe kwisiCwangciso seQhinga: 2015/16 – 2019/20 yaye sinikezela ngesikhokhelo kuBaphathi beSebe kunye neGMT ekuqakunjelweni kweenjongo zeqhinga nasekuqakunjelweni kwisiCwangciso soNyaka sokuSebenza kunye nohlahlo lwabiwo-mali lowama-2019/20. Imiba ebalulekileyo yachongwa kulungiselelwa ingxoxo engaphezulu kwiiforam ezinqamlezileyo ezifanelekileyo zeqhinga kunye nolawulo oluphezulu olwandisiweyo kulungiselelwa uthatyatho lwezigqibo zokugqibela zolawulo oluphezulu lweDTPW. I DTPW iqhubile ukuxhasa iGMT ngokusetyenziswa kwenkqubo yocwangciso lophuhliso lwe-APP yayo.

## 6 IiNjongo zeQhinga eziJolise kuMphumela

IiNjongo zeQhinga eziJolise kuMphumela zeDTPW zesithuba esiqala ngowama-2015/16 ukuya kowama-2019/20 zibonisiwe kwiTheyibhile 12.

### ITheyibhile 12: IiNjongo zeQhinga eziJoise kuMphumela

INJONGO YEQHINGA EJOLISE KUMPHUMELA 1	
Ukwandiswa koxhotyiso noyilo lwemisebenzi eNtshona Koloni.	
<b>Ingxelo yenjongo</b>	Ukwandiswa koxhotyiso noyilo lwemisebenzi ngokusetyenziswa kweenkqubo zoxhotyiso kunye notyalo-mali lwezibonelelo eNtshona Koloni ngomhla wama-31 kuMatshi 2020.
<b>Isizathu</b>	Ungenelo lweqhinga oluchongiweyo ngamasebe onke karhulumente ukuxhasa injongo yokuncitshiswa kokungabikho kwengqesho nendlala ngesiqingatha ngokuhambelana neNDP.
<b>Unxulunyaniso kwiiPSG</b>	IiPSG 1, 2, 4 neyesi-5.

INJONGO YEQHINGA EJOLISE KUMPHUMELA 2	
Ukulawulwa kwezibonelelo zesebe nee-asethi ezishukumayo eNtshona Koloni	
<b>Ingxelo yenjongo</b>	Ukuququzelela, ukucwangcisa, ukuyila, ukuphuhlisa nokunikezelwa kwezibonelelo zephondo nokwamkelwa nokulawulwa ngokweqhinga umjikelo wobomi be-asethi zesikhundla sepropati yephondo ukulungiselela ukuvulela ukukhula koqoqosho lwentlalo eNtshona Koloni ngomhla wama-31 kuMatshi 2020.
<b>Isizathu</b>	Unikezelo lwezibonelelo nolawulo lwee-asethi zesikhundla sepropati zephondo luyimfuneko yokuvulela ukukhula koqoqosho lwentlalo
<b>Unxulunyaniso kwiiPSG</b>	IiPSG 1 ukuya kweyesi-5.

### INJONGO YEQHINGA EJOLISE KUMPHUMELA 3

Unikezelo lweenkqubo zothutho ezikhuselekileyo, ezifanelekileyo, nezihlangeneyo eNtshona Koloni.

<b>Ingxelo yenjongo</b>	Ukunikezelwa kweenkqubo zothutho ezikhuselekileyo, ezifanelekileyo, ezihlangeneyo ezixhasa ukukhula koqoqosho nothungelwano lwentlalo eNtshona Koloni ngothelwano ngomhla wama-31 kuMatshi 2020.
<b>Isizathu</b>	Uthutho olukhuselekileyo, oluhlangeneyo lubalulekile ukuqinisekisa ngophuculo lwao zonke iintlobo zothutho kunye nezibonelelo neenkqubo ezithi zixhase ukulungiselela ukufezekisa inguqu exhityiweyo ukususela kuthutho lwangasese nolukarhulumente nokususwa kothutho lwezinto ezinzima ezindleleni lusiwe kuloliwe eNtshona Koloni.
<b>Unxulunyaniso kwiiPSG</b>	IiPSG 1, 3 neyesi-4.

### INJONGO YEQHINGA EJOLISE KUMPHUMELA 4

Ukukhuthazwa kolawulo olulungileyo, olusebenzayo, kunye nolufanelekileyo kuyo yonke iDTPW.

<b>Ingxelo yenjongo</b>	Ukunikezelwa kobunkokheli beqhinga, ulawulo kunye nenkxaso ukunceda iDTPW okokuba inikezele ngeenkonziso ezihlangeneyo ngokuphathelene ngokuphambili kukarhulumente ngokusebenzayo nangokufanelekileyo ngomhla wama-31 kuMatshi 2020.
<b>Isizathu</b>	Isebe elifanelekileyo nelisebenzayo elithi linikezele ngeenkonziso ezihlangeneyo.
<b>Unxulunyaniso kwiiPSG</b>	I PSG 5.

## 7 IiNjongo zeqhinga

IiNjongo zeQhinga zeDTPW ezivela kwisiCwangciso seQhinga sowama-2015/16 – 2019/20 zichazwe ngokwenkqubo iCandelo B: IziCwangciso zeNkqubo nezeNkqutyana.

## 8 Imbonakalo yomngcipheko

Imingcipheko echongiweyo kwinqanaba leshishini, inxulumene neeNjongo zeQhinga ezine ezinokuthi zibe nempembelelo kukusebenza kwesebe, idweliswe kwiTheyibhile 13.

### ITheyibhile 13: Uvavanyo lomngcipheko weeNjongo zeQhinga ezijolise kuMphumela

#### INJONGO YEQHINGA EJOLISE KUMPHUMELA 1

Ukwandiswa koxhotyiso noyilo lwemisebenzi eNtshona Koloni.

<b>Umngcipheko</b>	Ukufumaneka kwamanzi okuthintelweyo kunyina ulwakhiwo nololongo lweprojekti okunomphumela wempembelelo kumathuba oxhotyiso nawoyilo lwemisebenzi.
<b>Ukudanjiswa</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Iindlela ezizezinye zolwakhiwo;</li> <li>• Ukubekwa phambili ngokutsha kweprojekti ezixininisa amanzi, kunye</li> <li>• Nophando, nokusetyenziswa, kwemithombo engeminye yamanzi.</li> </ul>

#### INJONGO YEQHINGA EJOLISE KUMPHUMELA 2

Ukulawulwa kwezibonelelo zesebe nee-asethi ezishukumayo eNtshona Koloni.

<b>Umngcipheko</b>	Ukwanda komsebenzi osemva wololongo ngenxa yokunganeli kwenkxaso-mali kunye nebango eliqhubekayo lezibonelelo ezitsha okubangela ukuba mandundu kwixabiso ngokubanzi lee-asethi.
<b>Ukudanjiswa</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Izisombululo ezingezizo ezezibonelelo;</li> <li>• Ukubekwa phambili kuhlalo lwabiwo-mali lolongo; kunye</li> <li>• Nokubekwa phambili kololongo kuhlalo lwabiwo-mali lwezibonelelo kwi-WCG.</li> </ul>

#### INJONGO YEQHINGA EJOLISE KUMPHUMELA 3

Unikezelo lweenkqubo zothutho ezikhuselekileyo, ezifanelekileyo, nezihlangeneyo eNtshona Koloni.

<b>Umngcipheko</b>	Ulwaphulo-mthetho kuthutho loluntu nezenzo zobugebenga ezikhokhelela kukubhubha, uphazanyiso lweenkonzo nokutshatyalaliswa kwezibonelelo zothutho loluntu. Unobangela wobundlobongela ubandakanya imisebenzi engekho mthethweni, ungenelo kwimigaqo; ungquzulwano ngemigaqo; nendlela ekufunwa ngayo abasebenzisi; kunye nonikezelo lwenkonzo kunye nolunye uqhankqalazo.
<b>Ukudanjiswa</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Zonke izigqibo zamaphepha-mvume nezobhaliso zinxulunyaniswe kwii-ITP kulungiselelwa imimandla ethile kamasipala;</li> <li>• Ukuntanywa kwalo naluphi na ungenelo ngenkani lomgaqo – alwamkelwa konke konke;</li> <li>• Ukusekwa kwamaziko okuthimba;</li> <li>• Ukuphuculwa kwethuba lokuphendula leCandelo loLawulo lePhondo nolungelelwaniso lweenkqubo zoshishino;</li> <li>• Ukuphuculwa kohambelwano ngokuphathelene neentlanganiso zonyaka ngokubanzi (iiAGM) zemibutho yeeteki; kunye</li> <li>• Nentsebenziswano neenkokheli zoshishino lweteki.</li> </ul>

#### INJONGO YEQHINGA EJOLISE KUMPHUMELA 4

Ukukhuthazwa kolawulo olulungileyo, olusebenzayo, kunye nolufanelekileyo kuyo yonke iDTPW.

<b>Umngcipheko A</b>	Izithuba ezikhoyo kwimigaqo-nkqubo, kumaqhinga nomgangatho weenkqubo ezisebenzayo (iiSOP) ezibe neziphumo zokungafaneleki, ukungangqinelani, ushiyelelo, ukungahambelani nokwandiswa kwemingcipheko yonikezelo lwenkonzo.
<b>Ukudanjiswa</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukuqhutywa kohahlelo lweemfuno ezilungelelanisiweyo zomgaqo-nkqubo (isithuba); kunye</li> <li>• Novavanyo oqhubekayo nohlaziyo lweenkcukacha zamanani omgaqo-nkqubo.</li> </ul>

INJONGO YEQHINGA EJOLISE KUMPHUMELA 4	
Ukukhuthazwa kolawulo olulungileyo, olusebenzayo, kunye nolufanelekileyo kuyo yonke iDTPW.	
<b>Umngcipheko B</b>	Amaxesha okukhokhela alungiselelwe iimvavanyo zesimo sombutho kumacandelo onikezelo lwezibonelelo ahangabezana nekhono lobuchule kwiDTPW.
<b>Udanjiso</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Isivumelwano neCSC ngoyilo olulolunye ukulungiselela ukuqhutywa kovavanyo lombutho; kunye</li> <li>Nomiliselo lwamaqhinga angamanye onikezelo nokuthengwa kwempahla.</li> </ul>

## 9 Uvavanyo kwakhona loQikelelo loHlahlo Lwabiwo-mali ne MTEF yowama-2019

### 9.1 Ingeniso yeSithuba esiPhakathi

Inkcitho yeSebe ixhaswa ngemithombo engundoqo emithathu: ukhutshelo lwesizwe, olubandakanya iSabelo esinoBulungisa sePhondo sengeniso eqokelelweyo kwisizwe neMinikelo eneMiqathango; okufunyenweyo liphondo ngokwalo; nekuxhaswa ngemali okuvela kuGcino lweNkxaso-mali yee-Asethi kulungiselelwa izibonelelo. ITheyibhile 14 ishwankathela oku kufunyenweyo.

ITheyibhile 14: Isishwankathelo seNgeniso

Okufunyenweyo	2015/16 Okuphicothi weyo R'000	2016/17 Okuphicothi weyo R'000	2017/18 Okuphicothi weyo R'000	2018/19 Ulwabiwo-mali olulungelelanis iweyo R'000	2019/20 MTEF R'000	2020/21 MTEF R'000	2021/22 MTEF R'000
Isabelo sobulungisa	3 187 056	3 177 214	3 070 633	3 576 402	3 860 826	4 151 846	4 430 176
Iminikelo enemiqathango	1 665 057	1 716 320	1 879 462	1 972 824	2 058 702	2 033 244	2 165 928
Okufunyenwe lisebe	1 466 341	1 584 998	1 446 341	1 699 978	1 721 193	1 759 248	1 856 006
INkxaso-mali	349 941	550 176	831 311	619 817	476 791	391 431	334 555
Konke okufunyenweyo	6 668 395	7 028 708	7 503 620	7 869 021	8 117 512	8 335 769	8 786 665

### Uqokelelo lwengeniso yesebe

Uqokelelo lwengeniso yesebe luvela kwingeniso yerhafu kunye nengeniso evela kwezingeziyo irhafu. ITheyibhile 15 ibonisa iindlela zemveli kunye noqikelelo lwesithuba esiphakathi.

### ITheyibhile 15: Uqokelelo lwengeniso yesebe

Okufunyenweyo lisebe	2015/16 Okuphicothi weyo R'000	2016/17 Okuphicothi weyo R'000	2017/18 Okuphicothi weyo R'000	2018/19 Ulwabiwo-mali olungelelanis iweyo R'000	2019/20 MTEF R'000	2020/21 MTEF R'000	2021/22 MTEF R'000
Okufunyenweyo kwirhafu	1 342 103	1 433 664	1 572 067	1 601 767	1 617 482	1 649 832	1 740 573
Intengiso yempahla neenkonzonkondo ngaphandle kwezakhiwo	105 784	113 723	127 679	975 573	103 037	108 705	114 683
Ukhutshelo olwamkelweyo	5 674	6 765	3 000	-	-	-	-
Irhafu, izohlwayo nelahleko	1 103	1 307	1 602	258	-	288	304
Inzala, izahlulo nerhente yomhlaba	1 479	1 976	984	-	-	-	-
Intengiso yee-asethi ezinkulu	4 443	3 369	475	-	-	-	-
Intengisewano zemali kwii-asethi namatyala	5 755	24 194	16 407	380	401	423	446
<b>Kukonke okufunyenweyo</b>	<b>1 466 341</b>	<b>1 584 998</b>	<b>1 722 214</b>	<b>1 699 978</b>	<b>1 721 193</b>	<b>1 759 248</b>	<b>1 856 006</b>

#### *Okufunyenwe kwirhafu*

Ingeniso yamaphepha-mvume ezithuthi ivelele kokufunyenwe liphondo ngokwalo, inikezele ama-93,4 eepesenti okufunyenwe lisebe ngowama-2019/20 kunye nama-21,2 eepesenti engeniso ephelileyo.

#### *Intengiso yempahla kunye neenkonzonkondo engeyiyo eyee-asethi ezinkulu*

**Ukuqeshwa kwezakhiwo ze-ofisi:** Ulungelelwaniso kokufunyenweyo lusekwe kwinani lezakhiwo, isixa-mali esifanelekileyo sengqesho, unyuso lwamathuba athile lwesixa-mali sengqeshiso ngokuhambelana nesivumelwano, kunye nomngcipheko wetyala elibi.

**Amanye amaphepha-mvume neepemethi:** Ulungelelwaniso lokufunyenweyo kusekwe kwibango elilindelekileyo kunye nemirhumo ehlaziyiweyo kwirhafu zomthwalo ongaqhelekanga, izicelo zokusingatha imidlalo neminye imisitho, ukuthatyathwa kwamafoto efiimu kwimigaqo kawonke-wonke, imirhumo yesifundo sonyanzeliso lomthetho wezithuthi, kunye nebango leenombolo zamaphepha-mvume ezithuthi ezikhethwe ngumntu ngokwakhe nezizodwa.

#### *Iminikelo enemiqathango*

Injongo yeMinikelo enemiqathango, phakathi kwezinye izinto, kukukhuthaza okuphambili kwesizwe. IDTPW ngokwakaloku nje iphethe iMinikelo enemiqathango emithathu.

Ngokuhambelana nonikezelo lwezibonelelo injongo **yoMnikelo woLolongo lweeNdelela zePhondo (PRMG)** ngulo:

- Ukwangezelela utyalo-mali lwephondo ukulungiselela ulolongo oluthintelayo, olwesiqhelo nolukhawulezileyo;
- Kukuqinisekisa ngokuba yonke imigaqo ihleliwe ngokwesiCwangciso seQhinga leZibonelelo zoMgaqo soMzantsi Afrika (RISFA) kunye nezikhokhelo zokuHlelwa koMgaqo noLawulo loFikelelo (RCAM);
- Kukwangezelela iiprojekti zephondo zokulungiswa kwemigaqo kunye neeborho ezonakaliswe zizehlo ebezingalindelwanga kubandakanywa ukubhengezwa zeentlekele zendalo (RAMS);
- Ukuphuculwa kobume bothungelwano lomgaqo olusebenza kwisibonelelo sokuveliswa kombane; kunye
- Nokuphuculwa kokhuseleko lomgaqo kujoliswe ngokukodwa kukhuseleko lomgaqo kujoliswe ngokukodwa kukhuseleko lwabahamba ngeenyawo kwimimandla yasemaphandleni.

Injongo **yoMnikelo oHlangeneyo weNkqubo yeMisebenzi eYandisiweyo kaRhulumente yamaPhondo** yeyokukhuthaza iinzame zoyilo lomsebenzi owandisiweyo weDTPW ngokusetyenziswa kweendlela zonikezelo olusebenzisa ngamandla abasebenzi kule mimandla ichongiweyo elandelayo, ngokuhambelana nezikhokhelo ze-EPWP:

- Ulolongo loMgaqo kunye nololongo lwezakhiwo; kunye
- Ukucocwa kweziza ezingenanto.

Okokugqibela, injongo **yoMnikelo weMisebenzi yoThutho loLuntu** kukunikezela ngenkxaso-mali eyongezelelweyo ebhekiselele kwiinkonzo zothutho loluntu ezinikezelwa ngamasebe ephondo ezothutho.

IMinikelo yeSizwe eneMiqathango iqulunqwe ngama-25,5 eepesenti kwisambuku esifunyenweyo sowama-2019/20 yaye sichazwe kwiTheyibhile 16.

**ITheyibhile 16: Ulwabiwo loMnikelo oneMiqathango weSizwe**

Igama lomnikelo	Inkqubo ekwabelwe kuyo umnikelo	2019/20	2020/21	2021/22
UMnikelo woLolongo lweMigaqo yePhondo	Izibonelelo zoThutho	1 040 051	959 648	1 033 284
yoMnikelo oHlangeneyo weNkqubo yeMisebenzi eYandisiweyo kaRhulumente yamaPhondo	Izibonelelo zeMisebenzi kaRhulumente	12 469	-	-
UMnikelo weMisebenzi yoThutho loLuntu	IMisebenzi yoThutho	1 006 182	1 073 596	1 132 644



## 9.2 Uqikelelo lwenkcitho

2, izibonelelo zeMisebenzi kaRhulumente	1 565 889	1 696 286	1 842 558	1 808 441	1 970 169	1 970 169	1 993 462	1,18	2 096 281	2 190 372
3, izibonelelo zothutho	3 174 477	3 243 655	3 429 381	3 588 493	3 526 627	3 526 627	3 664 299	3,90	3 649 118	3 854 967
4, imisebenzi yezothutho	1 039 040	1 188 287	1 211 596	1 303 151	1 313 656	1 313 656	1 371 918	4,44	1 450 494	1 529 996
5, Ulawulo lwezothutho	660 675	681 973	794 428	776 102	801 997	801 997	794 992	(0,87)	833 351	877 936
6, liNkqubo ezisekwe kuLuntu	46 585	55 862	52 904	55 797	55 606	55 606	64 342	15,71	67 314	70 763
<b>Zizonke iintlawulo noqikelelo</b>	<b>6 668 395</b>	<b>7 028 708</b>	<b>7 503 620</b>	<b>7 729 440</b>	<b>7 869 021</b>	<b>7 869 021</b>	<b>8 117 512</b>	<b>3,16</b>	<b>8 335 769</b>	<b>8 786 665</b>

0

**Qaphela:** INkqubo 1: MEC (iLungu leBhunga lesiGqeba Member of the [sePhondo] umqulu ophelileyo womvuzo: R1 977 795 ukususela ngomhla woku-1 kuEpreli 2018.

INkqubo 2: UMnikelo oneMiqathango weSizwe: UMnikelo oHlangeneyo weNkqubo yeMisebenzi eYandisiweyo kaRhulumente olungiselelwe amaPhondo: R10 469 000 (2019/20).

INkqubo 3: UMnikelo oneMiqathango weSizwe: uMnikelo woLolongo lweMigaqo yePhondo: R1 040 051 000 (2019/20), R959 648 000 (2020/21), kunye ne-R1 033 284 000(2021/22).

INkqubo 4: UMnikelo oneMiqathango weSizwe: UMnikelo weMisebenzi yoThutho loLuntu: R1 006 182 000 (2019/20), R1 073 596 000 (2020/21), kunye ne-R1 132 644 000 (2021/22).

Uhlalelo loqoqosho R'000	UMphumela			Ulwabiwo- mali			Uqikelelo lwesithuba esiphakathi evela kuqikelelo oluhlaziwe yo			
	Ephicothi weyo	Ephicothi weyo	Ephicothi weyo	Ulwabiwo- mali olungund oqo	Ulwabiwo- mali olungel elwanisiw eyo	Uqikelelo oluhlaziyi weyo	2019/20	2018/19	2020/21	2021/22
	2015/16	2016/17	2017/18	2018/19	2018/19	2018/19				
<b>lintlawulo ezikhoyo</b>	2 290 837	2 504 897	2 926 742	3 088 460	3 184 284	3 180 584	3 262 365	2,57	3 456 965	3 648 238
Imbuyekezo yabasebenzi	692 452	737 031	776 230	928 784	867 292	867 292	935 847	7,90	1 014 960	1 077 706
Impahla neenkonzco Inzala nerente kumhlaba	1 598 384	1 767 832	2 150 493	2 159 676	2 316 992	2 313 269	2 326 518	0,57	2 442 005	2 570 532
	1	34	19			23		(100,00)		
<b>Ukhutshelo nenkxaso-mali</b>	1 466 177	1 612 291	1 640 477	1 723 728	1 738 515	1 738 638	1 807 719	3,97	1 979 560	2 075 224
Amaphondo noomasipala	647 677	724 556	700 599	758 751	772 465	772 465	788 330	2,05	891 503	927 133
i-arhente zesebe nee-akhawunti	8 899	58	15	108	114	116	121	4,31	131	167
Ookopolotyeni bakaRhulumente namashishini angasese	796 775	873 298	922 921	952 824	952 824	952 824	1 006 182	5,60	1 073 596	1 132 644
Ezasekhaya	12 826	14 379	16 942	12 045	13 112	13 233	13 086	(1,11)	14 330	15 280
<b>lintlawulo zee-asethi ezinkulu</b>	2 910 858	2 909 562	2 934 326	2 917 052	2 945 841	2 948 679	3 047 218	3,34	2 899 023	3 062 970
Izakhiwo kunye nezinye izakhiwo ezingashukumiyiyo	2 685 851	2 789 854	2 754 484	2 724 006	2 710 819	2 702 231	2 894 386	7,11	2 738 259	2 889 635
Oomatshini nezixhobo	99 017	86 402	122 700	153 394	161 103	172 529	124 098	(28,07)	130 599	139 706
	<p><b>UMthetho i-National Land Transport Act, 2009 (uMthetho 5 ka-2009)</b></p> <p>Ubonelela ngenkqubo yokutshintsha nokuhlaziywa kwakhona kweNkqubo yezoThutho loMgaqo kaZwelonke eyayiphunyezwe nguMthetho i-National Land Transport Transition Act, 2000 (uMthetho 22 ka-2000):</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukuqulunqwa nokunokuqaliswa kokusetyenziswa komgaqo-nkqubo nesisicwangciso esiphathelele kwezoThutho lwasemhlabeni lwephondo;</li> <li>• ukucwangciswa, ukuququzelelwa, nokulungiselelwa kwemisebenzi yezoThutho lwezasemhlabeni; intsebenziswano phakathi koomasipala; kunye</li> <li>• Ukunxibelelana namanye amasebe karhulumente.</li> </ul>

Umsebenzi	Imithetho esetyenziswayo
	<p><b>UMthetho i-National Road Traffic Act, 1996 (uMthetho 93 ka-1996)</b></p> <p>ISebe i-DTPW, kunye noMphathiswa wePhondo (MEC) njengegunya elidluliselweyo, kufuneka baqinisekise ukuba yonke imisebenzi enxulumene nobhaliso kunye nokuhlawulwa kweelayisensi zezithuthi, ukuba sempilweni qete komqhubi kunye nokuvavanyelwa ukuba sendleleni kwesithuthi kuyenziwa. Ngaphezulu, iSebe i-DTPW inoxanduva lokulawulwa kweziganeko eziqhubeka kwiindlela zikawonke-wonke.</p> <p>Lo Mthetho ulawulo ubhaliso nokuhlawulwa kweelayisensi zezithuthi, abaninifektri, abakhi nabangenisizimpahla ezweni (importers), ukuphila qete kwabaqhubi; ukuba sempilweni qete kwabangabaqhubi-matshini; ukhuseleko lwasezindleleni; iimpawu ezingumqondiso zendlela; imiqathango kwisantya; iingozi neengxelo zeengozi; ukuqhuba ngokungakhathali okanye nokungenanyameko; ukuqhuba ngokungenalunonophelo; ukuqhuba lo gama uphantsi kweempembelelo zotywala okanye ukuba nempembelelo yeziyobisi; kunye nezenzo zolwaphulo-mithetho yendlela eyahluka-hlukeneyo.</p>
	<p><b>UMthetho i-National Qualifications Framework Act, 2008 (uMthetho 67 ka-2008)</b></p> <p>Injongo yalo Mthetho kukubonelela ngokuphuhliswa ngaphezulu, ukuququzelelwa nokulawulwa komgaqo-nkqubo iNational Qualifications Framework. Lo Mthetho usebenza kwiinkqubo zemfundo okanye kwiinkqubo zokufunda ezikhokelela kwiziqinisekiso zemfundo okanye iziqinisekiso zemfundo ezifutshane ekubonelelwa ngazo kwiRiphabliki ngamaziko emfundo, kunye nababoneleli ngophuhliso lwezakhono.</p>
	<p><b>UMthetho i-Road Safety Act, 1972 (uMthetho 9 ka-1972)</b></p> <p>Ukukhuthaza ukhuseleko ezindleleni; ukwenzela loo njongo, ukumisela ibhunga lezokhuseleko lwasezindleleni kuzwelonke kunye nengxowa-mali yezokhuseleko ezindleleni efumaneka efumaneka kwandlunkulu; ukutshitshisa uMthetho weBhunga lezoKhuseleko eziNdleleni laseMzantsi Afrika, 1960; nokubonelela ngemiba enxulumene noko.</p>
	<p><b>UMthetho i-Road Traffic Management Corporation Act, 1999 (uMthetho 20 ka-1999)</b></p> <p>Ubonelela, ngokunxulumene nemfuno yoluntu, ngocwangciso olubonisa intsebenziswano nokuququzelelwa kwezinto ngobuchule, ukulawulwa, ukulungiselelwa, kunye nokunyanzeliswa komthetho ngokunxulumene nemiba yemithetho yezendlela zizigaba zikarhulumente zezwe lonke, ezePhondo, nezikarhulumente wasekhaya, ulawulwa ukuqeshiswa ngemvumelwano ne-arhente zangaphandle kweenkonzo zezendlela; ukubonelela ngokuqaliswa kotyalo-mali olwenziwa ngamashishini abucala yaye, ukuphumeza loo njongo, ubonelele ngokusekwa kwequmrhu iRoad Traffic Management Corporation kunye nemiba enxulumene noko.</p>
	<p><b>UMthetho i-Road Transportation Act, 1977 (uMthetho 74 ka-1977)</b></p> <p>Ubonelela ngolawulo lweentlobo ezithile zothutho zezendlela nokunxulumene noko.</p>
	<p><b>UMthetho i-Western Cape Provincial Road Traffic Administration Act, 2012 (uMthetho 6 ka-2012)</b></p> <p>Ulawula imiba yezendlela ethile kwiphondo.</p>
	<p><b>UMthetho i-Western Cape Road Transportation Act Amendment Law (uMthetho 8 ka-1996)</b></p> <p>Wenza isibonelelo sokumiselwa kwegosa elingumbhalisi wezothutho nokubhaliswa kwemibutho yeeteki, abaqhubi bazo, kunye nezithuthi.</p>



Umsebenzi	Imithetho esetyenziswayo
	<p><b>UMthetho i-Western Cape Toll Road Act, 1999 (uMthetho 11 ka-1999)</b>                      Ubonelela ngokuhlululwa kokusetyenziswa kweendlela zikawonkewonke zephondo eNtshona Koloni nokucwangciswa, ukuyilwa, ukubhengezwa, ukwakhiwa, ukusetyenziswa, ukuphathwa, ukulawulwa, ukulondolozwa, nokulungiswa kweendlela ezihlawulisayo zephondo.</p>
	<p><b>UMthetho i-Western Cape Transport Infrastructure Act, 2013 (uMthetho 1 ka-2013)</b>                      Ubonelela ngokucwangciswa, ukuyilwa, ukubhengezwa, ukwakhiwa, ukulondolozwa, ukulawulwa, ukuphathwa, ukusetyenziswa kwemimiselo, ukuhlaziywa nokulungiswa kweendlela, imizila kaloliwe nezinye iziseko zophuhliso lwezothutho eNtshona Koloni.</p>
	<p><b>UMthetho kaMasipala i-Cape Roads Ordinance, 1976 (uMthetho kaMasipala 19 ka-1976)</b>                      Iphondo linegunya elilodwa ngokuphathelele ekunyenyisweni komthetho onyanzelekileyo weemitha eziyi-5,0 neziyi-95 zemigca yolwakiwo enxulumene neendidi ezahlukeneyo zeendlela ezibhengeziweyo zephondo. Ngaphezulu, ukugququlwa/ukutshintshwa kokuchazwa kwendlela kwenziwa ngokwecandelo 4 loMthetho kaMasipala. Ukusetyenziswa kwemithetho okunjalo kudla ngokufunyanwa kumasipala wesithili onegunya laloo ndawo iphantsi kwengqwalaselo ngokudlula kuqala kwinjini yeendlela zesithili, kodwa zinako nokusuka kundlunkulu weSebe i-DTPW.</p>
ISebe leMisebenzi kaRhulumenete noLawulo lweePropathi	<p><b>UMthetho i-Expropriation Act, 1975 (uMthetho 63 ka-1975)</b>                      Ubonelela ngokuhluthwa komhlaba nepropathi ukulungiselela ukusetyenziswa ngurhulumente kunye neenjongo ezithile.</p>
	<p><b>UMthetho i-Extension of Security of Tenure Act, 2018 (uMthetho 2 ka-2018)</b>                      Ukulungiswa koMthetho i-Extension of Security of Tenure Act, 1997, ukutshintsha ummiselo weenkxaso-mali zeegranti zobumnini-mhlaba obuqeshiswayo; ukulawula ngaphezulu amalungelo abo bahleli kumhlaba lowo; ukubonelela ngokumelwa kwezomthetho kwabasebenzisi abahleli kumhlaba lowo; ukulawula ngaphezulu ukukhutshwa kwabahleli kumhlaba lowo uqeshisayo ngokubanyanzelisa ngezinye iindlela zezisombululo ekubonelelwe ngazo kuMthetho; ukubonelela ngokumiselwa nokusetyenziswa kweBhodi i-Land Rights Management Board; ukubonelela ngokumiselwa nokusetyenziswa kweeKomiti ii-Land Rights Management Committees ukuqaphela, ukubeka esweni nokusombulula iimbambano zamalungelo omhlaba.</p>
	<p><b>UMthetho i-Government Immovable Asset Management Act, 2007 (uMthetho 19 ka-2007)</b>                      Ukhuthaza iinjongo zokwenziwa kweenkonzo zikarhulumente ngokusebenzisa ulawulo lwee-asethi ezingenakushenxiswa abazisebenzisayo okanye abazilawulayo. UMthetho i-GIAMA umisela imisebenzi eluxanduva yomsebenzisi kunye naleyo yomgcini (custodian) lowo, eNtshona Koloni, iliSebe i-DTPW leMisebenzi kaRhulumente lePhondo.</p>
	<p><b>IMithetho i-National Building Regulations and Building Standards Act, 1977 (uMthetho 103 ka-1977)</b>                      Ufuna ukuba iSebe i-DTPW, njengomgcini nomlawuli wezakiwo eNtshona Koloni, liqinisekise ukuba zonke izakiwo nomsebenzi wolwakiwo okwipropathi karhulumente uyawuthobela lo mthetho.</p>

Umsebenzi	Imithetho esetyenziswayo
	<p><b>UMthetho i-National Heritage Resources Act, 1999 (uMthetho 25 ka-1999)</b> Wazisa ngendlela edibeneyo nenxibelelanayo yokulawulwa kwezibonelelo zemvelaphi eyinkcubeko yethu kazwelonke; umisela imigaqo ngokubanzi engokulawulwa kwezibonelelo zoncedo zemvelaphi eyinkcubeko yethu; wazisa ngenkqubo edibeneyo yokuqwalaselwa, ukuhlolwa nokulawulwa kwezibonelelo zemvelaphi eyinkcubeko yethu; yaye uvumela amaphondo ukuba amisele oogunyaziwe abajongene nemvelaphi eyinkcubeko yethu ekufuneka bafumane amagunya okukhusela nokulawula iindidi ezithile zezibonelelo zoncedo zemvelaphi eyinkcubeko yethu. Ufuna ukuba iSebe i-DTPW ukuba ubeke ufake iipropathi eziqatshelwe imisebenzi yophuhliso okanye ukuhlaziywa ngokutsha phantsi kweemvavanyo zohlolo ngokubanzi lweziphumo zemvelaphi eyinkcubeko yethu (heritage impact assessments) kunye nenkqubo yokuvunywa kokulondolozwa kwemiba yezenkubeko eyinkcubeko yethu yeepropathi eziphantsi kwengqwalaselo.</p> <p><b>UMthetho i-Western Cape Land Administration Act, 1998 (uMthetho 6 ka-1998)</b> Ubonelela ngokufunyanwa kwepropathi engenakushenxiswa nokuchithwa komhlaba ophantsi kwegunya likaRhulumente waseNtshona Koloni i-WCG, nokulawulwa kweendleko ezihamba noko. ISebe i-DTPW linoxanduva lokuhlaziya qho irejista yee-asethi kunye nepropathi, ukuthengwa kweepropathi ezongezelelweyo ezinokufuneka, nokunikezela okanye ukuphuhliswa ngokutsha kweepropathi eziphela zingasasetyenziswa.</p>
<p>Ukusebenza komthetho ngokubanzi</p>	<p><b>UMthetho i-Basic Conditions of Employment Act, 1997 (uMthetho 75 ka-1997)</b> Injongo yalo Mthetho kukuphumeza iinkqubo zokuphathwa kwabasebenzi ngobulungisa ekubhekiselwe kuko kwicandelo 23(1) loMgaqo-siseko ngokwenza ummiselo wokulawulwa kweemeko zengqesho ezisisiseko, kuze ngokwenjenjalo kuthotyelwe imisebenzi eluxanduva yeRiphabliki njengelizwe elililungu lombutho wezabasebenzi i-International Labour Organization.</p> <p><b>UMthetho i-Basic Conditions of Employment Act, 1997 (uMthetho ka-1997): Ministerial Determination 4: EPWP, ofakwe kwigazethi ngomhla we-04 kuCanzibe 2012</b> Esi sigqibo somphathiswa siquletse imimiselo nemiqathango esebenza ngokufanayo kubasebenzi abaqeshwe kwizithuba zabanezakhono ezisezantsi (<i>elementary occupations</i>) kwiprojekthi i-EPWP.</p> <p><b>UMthetho i-Broad-Based Black Economic Empowerment Act, 2003 (uMthetho 53 ka-2003)</b> Ukumisela umgaqo-sikhokelo wemithetho esetyenziswayo ukwenzela ukukhuthaza uphuhliso lwezoqoqosho lwabantsundu; ukuxhobisa umphathiswa ukuba akhuphe imigaqo engokuziphatha kakuhle nokupapasha iitshatha ezibhekisele kutshintsho; kunye nokumisela iBhunga i-Black Economic Empowerment Advisory Council.</p> <p><b>UMthetho i-Competition Act, 1998 (uMthetho 89 ka-1998)</b> Ubonelela ngokumiselwa kweKomishoni yolawulo lwezoKhuphiswano ejongene nokuphanda, ukulawula nokuvavanywa kweenkqubo ezingumqobo, ukusetyenziswa gwenxa kwesikhundla sokongamela, kunye neendibaniselwano zamaqumrhu; ukumiselwa kweNkundla ejongene nezoKhuphiswano enoxanduva lokugweba kwimiba elolo hlobo; kwanokumiselwa kweNkundla i-Competition Appeal Court; kunye nemiba enxulumene noko.</p>

Umsebenzi	Imithetho esetyenziswayo
	<p><b>UMthetho i-Construction Industry Development Board Act, 2000 (uMthetho 38 ka-2000)</b></p> <p>Umisela ukwakhiwa kweConstruction Industry Development Board, enoxanduva lokuthi, phakathi kwezinye izinto, iphuhlise ushishino lokuphuculwa kweziseko zophuhliso zoluntu lwaseMzantsi Afrika; ukusebenza nabo bonke abathathi-nxaxheba kuphuhliso oluzinzileyo lwamashishini okwakha kunye nenkqubo ebhetele kakhulu elungiselelwe abaqeshi, abakwiikhontraki nabenza imisebenzi yoqeqeshelo-msebenzi; ukuqwalasela eyona nkqubo ibhetele nokumisela imigangatho kazwelonke; kunye nokukhuthaza imigangatho efanayo nelandela ukuziphatha ngentsulungeko ekwenziweni kolwakhiwo nakwiikhontraki.</p>
	<p><b>UMthetho i-Consumer Protection Act, 2008 (uMthetho 68 ka-2008)</b></p> <p>Lo Mthetho uqulethe umgaqo-sikhokelo owongameleyo wokukhusela abathengi. Yonke eminye imithetho ebonelela ngokhuseleko lwabathengi (idla ngokuba kwicandelo elithile) kufuneka ufundwe kunye nalo Mthetho ukuqinisekisa umgangatho ofanayo wokhuseleko. Lo Mthetho usebenza kubo bonke abathengisi beempahla neenkonzelo.</p>
	<p><b>Umthetho i-Control of Access to Public Premises and Vehicles Act, 1985 (uMthetho 53 ka-1985)</b></p> <p>Ubonelela ngokukhuselwa kweendawo zikarhulumente ezithile kunye nezithuthi ukwenzela ukukhuselwa kwabantu abakuzo okanye abakhwele kuzo, kunye nemiba enxulumene noko.</p>
	<p><b>UMthetho i-Criminal Procedure Act, 1977 (uMthetho 51 ka-1977)</b></p> <p>Wenza isibonelelo semigaqo kunye nemiba enxulumene naleyo kwiinkqubo zokuthethwa kwamatyala olwaphulo-mthetho.</p>
	<p><b>UMthetho i-Disaster Management Act, 2002 (uMthetho 57 ka-2002)</b></p> <p>Ubonelela ngomgaqo-nkqubo odibeneyo noququzelelweyo wolawulo lweentlekele ogxila ekuthinteleni okanye ekunciphiseni umngcipheko weentlekele, ukunciphisa ukuqatsela kwentlekele, ukulungiselela iimeko zongxamiseko, ukuphendula ngokukhawuleza nangempumelelo kwiintlekele nokumelana nethuba lasemva kwentlekele.</p>
	<p><b>UMthetho i-Division of Revenue Act (waqho ngonyaka)</b></p> <p>NguMthetho wasePalamente waqho ngonyaka obonelela, phakathi kwezinye izinto, ngokwahlulwa ngokulungeleneyo kwengeniso ekulindeleke ukuba ifumaneki kuzwelonke phakathi kwezigaba zikarhulumente kazwelonke, owamaphondo, nowoomasipala, neeGranti ezikhutshwa phantsi kweMiqathango kumaphondo ukuphumeza iinjongo zomgaqo-nkqubo zikarhulumente. Ngaphezulu ukhuthaza ukukwazi ukuqikelelwa nokuqinisekiswa ngokunxulumene nazo zonke izabelo-mali kumaphondo nakoomasipala ukwenzela ukuba abo rhulumente babe nako ukucwangcisa uhlahlo-lwabiwo-mali lwabo kwithuba elingaphezu konyaka.</p>
	<p><b>UMthetho i-Employment Equity Act, 1998 (uMthetho 55 ka-1998)</b></p> <p>Iinjongo kukuphumeza ubulungisa emsebenzini ngokukhuthaza amathuba alinganayo nokuphathwa ngokungenamkhethe kwezengqesho ngokususwa nya kocalucalulo olunomkhethe nokuphumeza imimiselo yokubonelela ngamathuba kwabo babewavinjiwe ngaphambili. Le mimiselo ilungisa kwakhona ukudlelwa indlala kwezengqesho okufunyenwe ngamaqela atyunjweyo ukulungiselela ukumelwa kuwo onke amacandelo namanqanaba kubasebenzi.</p>

Umsebenzi	Imithetho esetyenziswayo
	<p><b>UMthetho i-Firearms Control Act, 2000 (uMthetho 60 ka-2000)</b> Umisela inkqubo ebanzi, esebenza ngempumelelo yolawulo lwemipu nemiba enxulumene noko.</p>
	<p><b>UMthetho i-Intergovernmental Relations Framework Act, 2005 (uMthetho 13 ka-2005)</b> Ubonelela ngokumiselwa komgaqo-sikhokelo karhulumente kazwelonke, kowephondo, nakowasemakhaya ukukhuthaza ubudlelane phakathi kwamasebe karhulumente; ukubonelela ngeendlela kunye neenkqubo zokuququzelela ukusonjululwa kweembambano zamasebe ngamasebe kunye nokubonelela ngemiba enxulumene noko.</p>
	<p><b>UMthetho i-Labour Relations Act, 1995 (uMthetho 66 ka-1995)</b> Ukuvumela iSebe i-DTPW ukuba liqhubele phambili ngophuhliso lwezoqoqosho, ubulungisa kwezentlalo, uxolo phakathi kwabasebenzi, nokusebenza kwenkqubo yedemokhrasi emsebenzini ngokuphunyezwa koMthetho oquka: ukubonelela ngomgaqo-sikhokelo apho abaqeshwa nemibutho yabasebenzi yabo, imibutho yabaqeshi neyabaqeshwa inokuthethana ngokudibeneyo ukugqiba ngemivuzo, imimiselo nemiqathango yezengqesho neminye imiba ekuvunyelwana ngayo; kusonjululwe ngempumelelo iimbambano zezabasebenzi; nokubonelela ngentatho-nxaxheba yabaqeshwa ekwenzeni izigqibo emsebenzini.</p>
	<p><b>UMthetho i-Local Government: Municipal Systems Act, 2000 (uMthetho 32 ka-2000)</b> linjongo zalo Mthetho zezi:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• kukunika imigaqo esisiseko, iindlela kunye neenkqubo eziyimfuneko ukwenzela ukuba oomasipala baqhubele phambili ukufikelela ekuphakanyisweni kwezentlalo noqoqosho zoluntu lwasekuhlaleni, kwanokuqinisekisa ukufikeleleka kwilizwe lonke kwiinkonzo ezibalulekileyo ezinako ukuhlawulelwa ngumntu wonke;</li> <li>• kukuchaza ubume bezomthetho bukamasipala njengobuquka uluntu lwasekuhlaleni kwindawo kamasipala lowo, ukusebenza ngobuhlakani neziseko zezopolitiko kunye nezolawulo;</li> <li>• kukubonelela ngendlela apho amagunya kamasipala nemisebenzi iphunyezwayo yaye yenziwe;</li> <li>• ukubonelela ngentatho-nxaxheba yoluntu;</li> <li>• ukumisela umgaqo-sikhokelo olula nokhuthazayo kwiinkqubo ezisisiseko zokucwangcisa, ulawulo lwentsebenzo, ukuququzelelwa kwezibonelelo zoncendo kunye notshintsho olwenzeka kwiziko olusekelwe kumcamango kamasipala ojonge kuphuhliso;</li> <li>• ukubonelela ngomgaqo-sikhokelo wezolawulo lukarhulumente wasekhaya kunye nophuhliso lwezakhono zabasebenzi;</li> <li>• ukuxhobisa abahlwempuzekileyo nokuqinisekisa ukuba oomasipala bamisela amaxabiso aqingqiweyo eenkonzo kunye nemigaqo-nkqubo yolawulo lwamatyala oluthathela ingqalelo iimfuno zabo ngokubonelela ngomgaqo-sikhokelo wokwenziwa kweenkonzo, iimvumelwano zokwenziwa kweenkonzo kunye neenkonzo zikamasipala zezithili;</li> <li>• kukubonelela ngolawulo lwamatyala nokuqokelelwa kwamatyala; kunye</li> <li>• nokumisela umgaqo-sikhokelo wokuxhasa, ukubeka esweni inkqubo nokumiselwa komgangatho zezinye izigaba zikarhulumente ukwenzela ukwakha ezinye izigaba zikarhulumente kamasipala abe ngurhulumente osebenza ngobuchule, ukulungiselela ukuphakanyiswa ngokupheleleyo kwezentlalo noqoqosho, abe yi-arhente enako ukudibanisa zonke izigaba zikarhulumente ukulungiselela ukuphuculwa koluntu lwasekuhlaleni ngokungqinelana nendalo ebangqongileyo kwiindawo abahlala kuzo.</li> </ul>

Umsebenzi	Imithetho esetyenziswayo
	<p><b>UMthetho i-National Environmental Management Act, 1998 (uMthetho 107 ka- 1998)</b>                      Ubonelela ngokulawulwa ngentsebenziswano, kuthathelwa ingqalelo ezokusingqongileyo ngokumisela imigaqo engokuthatha izigqibo kwimiba echaphazela okusingqongileyo, amaziko akhuthaza ukuphathwa ngentsebenziswano, kunye neenkqubo zokuququzelela imisebenzi yokusingqongileyo okwenziwa ngamaqumrhu karhulumente; nokubonelela ngemiba enxulumene noko.</p>
	<p><b>UMthetho i-Occupational Health and Safety Act, 1993 (uMthetho 85 ka-1993)</b>                      Ufuna iSebe i-DTPW, njengomgcini nomlawuli wezakhiwo, liqinisekise ukuba wonke umsebenzi wezakhiwo nokwakha oqhubeka kwipropathi karhulumente, kungakhathaliseki ukuba ngubani owenza loo msebenzi, uyawuthobela uMthetho, kwanokuba iziseko zezakhiwo zisala zithotyelwa kumjikelo wonke wazo.</p>
	<p><b>UMthetho i-Preferential Procurement Policy Framework Act, 2000 (uMthetho 5 ka-2000)</b>                      Uchaza ukuba iqumrhu likarhulumente kufuneka ligqibe ngomgaqo-nkqubo wokuthengwa kweempahla neenkonziso ezikhethiweyo yaye uqalisa ukuphumeza inkqubo yamanqaku ezo nto zikhethiweyo (preference point system) onjongo yawo iquka ukungena kwiimvumelwano nabantu, okanye iindidi zabantu, ababevinjwe amathuba kwixesha elidlulileyo ngenxa yocalulo olunomkhethe ngokusekelwe kuhlanga, isini kunye nokhubazeko.</p>
	<p><b>UMthetho i-Prevention and Combating of Corrupt Activities Act, 2004 (uMthetho 12 ka-2004)</b>                      Ubonelela ngokomelezwa kwemimiselo ukuthintela nokulwa ubuqhopho nezenzo zobuqhophololo.</p>
	<p><b>UMthetho i-Promotion of Access to Information Act, 2000 (uMthetho 2 ka-2000)</b>                      Lo Mthetho ubethelela umoya wokwenziwa kwezinto ekuhlени nokuphendula ngokwenzayo kumaqumrhu karhulumente namaqumrhu abucala ngokuphumeza ilungelo lokufikelela kwingcaciso enikiweyo ngecandelo 32 loMgaqo-siseko, nokukhuthaza ngokukhuthaleyo uluntu apho abantu bakwaziyo ukufikelela ngempumelelo kwingcaciso ukulungiselela ukuba basebenzise ngokupheleleyo yaye bawakhusele onke amalungelo abo.</p>
	<p><b>UMthetho i-Promotion of Administrative Justice Act, 2000 (uMthetho ka-2000)</b>                      Lo Mthetho uvumela icandelo 33 loMgaqo-siseko ochaza ukuba wonke umntu unelungelo lokuxhamla umsebenzi wezolawulo osemthethweni, osengqiqweni, nenkqubo engenamkhethe. Nabani na onamalungelo akhe achaphazeleka kakubi linyathelo lezolawulo unelungelo lokunikwa izizathu. Lo Mthetho ujongene nomthetho wezolawulo ngokubanzi yaye ngoko ke ibophelela abezolawulo bonke kumanqanaba onke karhulumente.</p>

Umsebenzi	Imithetho esetyenziswayo
	<p><b>UMthetho i-Protection of Personal Information Act, 2013 (uMthetho 4 ka-2013)</b>            Ukukhuthaza ukukhuselwa kwengcaciso yobuqu eyenziwe ngamaqumrhu karhulumente nawabucala; ukwazisa imiqathango ethile ukwenzela ukuba kumiselwe iimfuno ezingumlinganiselo osezantsi zokuqwalaselwa kwengcaciso yobuqu; ukubonelela ngokumiselwa koMlawuli weNgcaciso ukuba asebenzise amagunya nokwenza iimfanelo kunye nemisebenzi ethile ngokungqinelana nalo Mthetho kunye noMthetho i-Promotion of Access to Information Act; ukubonelela ngokukhutshwa kwemigaqo yokuziphatha; ukubonelela ngamalungelo abantu aphantsi kunxibelelwano lobuxhakaxhaka olungafanelekanga kunye nokwenziwa kwezigqibo ngokuzenzekelayo; ukulawula ukuhamba kwengcaciso yobuqu iye ngaphaya kwemida yeRiphabliki; nokubonelela ngemiba enxulumene noko.</p>
	<p><b>UMthetho i-Provincial Archives and Records Service of the Western Cape Act, 2005 (uMthetho 3 ka-2005)</b>            Ugcina imvelaphi eyinkcubeko yethu ekwii-akhayivu ukwenzela ukuba isetyenziswe ngurhulumente kunye nabantu baseMzantsi Afrika, yaye ikhuthaza urhulumente osebenza ngobuchule, ophendulayo ngokwenzayo, owenza izinto ekuhleni ngokusebenzisa ulawulo olululo nokukhathalelwa kweerekhodi zikarhulumente.</p>
	<p><b>UMthetho i-Public Audit Amendment Act, 2018 (uMthetho 5 ka-2018)</b>            Ukwenza izilungiso kuMthetho i-Public Audit Act, 2004. Ukubonelela, phakathi kwezinye izinto, ukulungiselela uMphicothi-zincwadi Jikelele (<i>Auditor General</i>) (AG) ukubhekisela amakhwiniba aqaphelekayo akrokrekelayo asusela kuphicotho-zincwadi kwiqumrhu likarhulumente elichaphazelekayo ukulungiselela ukuphanda, ukuxhobisa i-AG ukuba ithathe inyathelo lokulungisa elifanelekileyo, ukukhupha isiqinisekiso setyala apho igosa eliphendula ngezemali (<i>accounting officer</i>) lingakwazanga ukubuyekeza iilahleko kumntu onolo xanduva aze ayalele igunya lolawulo elichaphazelekayo ukuba aqokelele ityala.</p>
	<p><b>UMthetho i-Public Finance Management Act, 1999 (uMthetho 1 ka-1999)</b>            Uxhasa ukwenziwa kwezinto ekuhleni, ukuphendula ngokwenzayo, nolawulo olululo lwemali, inkcitho, ii-asethi, kunye namatyala eSebe i-DTPW.</p>
	<p><b>UMthetho i-Public Service Act, 1994 (IsiBhengezo 103 esipapashwe kwiGazethi kaRhulumente 15791 yowe-03 kweyeSilimela 1994)</b>            Lo nguMthetho oyintloko olawula ezolawulo lwabasebenzi bakarhulumente. Ubonelela ngemigaqo-sikhokelo yezolawulo nokusebenza kwamasebe karhulumente ngokunika izikhokelo malunga nengqesho kunye neenkqubo zolawulo lwemicimbi yabasebenzi, o.k.f. imiqathango yezengqesho, imimiselo yesikhundla eso, indlela yokuziphatha, umhlala-phantsi, ukuyekiswa emsebenzini kwamalungu enkonzo karhulumente, nemiba enxulumene noko.</p>
	<p><b>UMthetho i-Public Administration Management Act, 2014 (uMthetho 11 ka-2014)</b>            Ukukhuthaza iimfundiso ezisisiseko nemigaqo elawula ezolawulo lwabasebenzi bakarhulumente ekubhekiselwe kuyo kwicandelo 195(1) loMgaqo-siseko; ukubonelela ngokutshintshelwa kwenye indawo okanye ukusekondwa kwabaqeshwa kwezolawulo lwabasebenzi bakarhulumente; ukulawula kokuqhutywa koshishino noMbuso; ukubonelela ngophuhliso lwezakhono nezoeqesho; ukubonelela ngokumiselwa kweNational School of Government; ukubonelela ngokusetyenziswa kweethexhinoloji zengcaciso nezoxibelelwano kwezolawulo lwabasebenzi; nokubonelela uRhulumente ngemimiselo nemigangatho engumlinganiselo osezantsi yezolawulo lwabasebenzi.</p>

Umsebenzi	Imithetho esetyenziswayo
	<p><b>UMthetho i-Skills Development Act, 1998 (uMthetho 97 ka-1998)</b>                      Ubonelela umqeshi oyintloko (<i>lead employer</i>), o.k.t. iSebe i-DTPW, kufuneka liqinisekise ngokuthotyelwa kwemisebenzi yomqeshi ngokungqinelana nemvumelwano kwanokuqinisekisa ukuqaliswa kokusetyenziswa kwemvumelwano emsebenzini. Ngokusebenzisa iNkqubo yeMisebenzi kaRhulumente eNatyisiweyo (<i>Expanded Public Works Programme</i>, iSebe i-DTPW lisebenzisa iinkqubo zoqhelaniso-msebenzi (<i>learnership</i>) kunye nophuhliso lwezakhono kubathathi-nxaxheba abakumacandelo anxulumene nezobugcisa.</p>
	<p><b>UMthetho i-Spatial Planning and Land Use Management Act, 2013 (uMthetho 16 ka-2013)</b>                      Kukubonelela ngomgaqo-sikhokelo wolawulo lokusetyenziswa kweendawo ezivulekileyo kunye nomhlaba kwiRiphabliki; ukucacisa ngobudlelane phakathi kweendawo ezivulekileyo kunye nenkqubo yolawulo losetyenziso lomhlaba kunye nezinye iintlobo zokucwangcisa; ukubonelela ngocwangciso lweendawo ezivulekileyo ezibandakanya lonke uluntu, ezinobulungisa nezisebenza ngobuchule kumanqanaba ahlukeneyo karhulumente; ukubonelela ngomgaqo-sikhokelo wokubeka esweni, ukuququzelela nokuqwalaselwa kwakhona kweenkqubo zocwangciso lweendawo ezivulekileyo zamanqanaba ahlukeneyo karhulumente; ukubonelela ngomgaqo-sikhokelo wemigaqo-nkqubo yokubeka esweni, nokuququzelelwa kwanokuqwalaselwa kwakhona kwenkqubo kwesicwangciso seendawo ezivulekileyo kwanolawulo lokusetyenziswa komhlaba; ngokubonelela ngomgaqo-sikhokelo wemigaqo-nkqubo, imigaqo, imimiselo nemigangatho yokungalingani yeendawo ezivulekileyo nokulawulwa kwazo; ukubonelela ngokuthi mbo kakhulu nokufana kwiinkqubo zokusebenza nokwenziwa kwezigqibo ngabasemagunyeni abajongene nezigqibo kunye nemisebenzi; ukubonelela ngokumiselwa kunye nemisebenzi yezophuhliso; ukubonelela ngokumiselwa, imisebenzi kwaneenkqubo zeeMunicipal Planning Tribunals; ukubonelela ngokuququzelelwa nokunyanzeliswa kosetyenziso lomhlaba kunye namanyathelo ezophuhliso.</p>
	<p><b>UMthetho i-Radio Act, 1952 (uMthetho 3 ka-1952)</b>                      Ulawula imisebenzi yeerediyo kunye nemiba enxulumene noko.</p>
	<p><b>UMthetho i-Western Cape Land Use Planning Act, 2014 (uMthetho 3 ka-2014)</b>                      Injongo yalo mthetho kukubethelela ukusetyenziswa komthetho kwiPhondo ophathelene nocwangciso lwephondo, ucwangciso nophuhliso lwengingqi, ukulawulwa, ukuxhaswa nokubekwa esweni kocwangciso lukamasipala kwanokulawulwa kweendawo ezivulekileyo kunye neendlela zokamasipala ezisusela kumacandelwana; ukwenza isibonelelo semigaqo-sikhokelo sophuhliso lweendawo ezivulekileyo, uphuhliso lwasezidolophini nolwasemaphandleni, ukulawulwa, ukuxhaswa nokubekwa esweni kocwangciso lukamasipala kwanokulawulwa kweendawo zikarhulumente kunye neendlela zikamasipala ezisusela kumacandelwana; ukwenza isibonelelo sophuhliso lwemigaqo-nkqubo yeendawo ezivulekileyo zephondo; ukubonelela ngemigangatho engumlinganiselo osezantsi, kunye nokuququzelelwa ngobuchule, kwemigaqo-sikhokelo yophuhliso lweendawo ezivulekileyo; ukubonelela ngemimiselo nemigangatho yophuhliso ngempumelelo lolawulo lukamasipala; ukulawula; ukulawula imigaqo usetyenziso lwemigaqo yocwangciso; ukutshitshisa imithetho ethile yolawulo lwakudala.</p>

Umsebenzi	Imithetho esetyenziswayo
	<p><b>UMthetho i-Western Cape Land Use Planning Ordinance, Amendment Act, 2009 (uMthetho 1 ka-2009)</b>                      Ulawula ucwangciso lokusetyenziswa komhlaba kunye nemiba enxulumene noko.</p> <p><b>UMthetho i-Western Cape Procurement (Business Interests of Employees) Act, 2010 (uMthetho 8 ka-2010)</b>                      Uthintela iimfuno zoshishino zabaqeshwa bakarhulumente wephondo kunye nabamaqumrhu karhulumente ephondo, kwakunye namalungu amabhunga alawulayo aloo maqumrhu anjalo, kumaqumrhu aqhuba ushishin kunye norhulumente wephondo kwanamaqumrhu karhulumente ephondo, ubonelela ngokuchazwa kwezo mfuno zilolo hlobo, yaye ubonelela ngemiba enxulumene noko.</p> <p><b>UMthetho i-Western Cape Monitoring and Support of Municipalities Act, 2014 (uMthetho 4 ka-2014)</b>                      Uvumela amacandelo 154(1) no-155(6) boMgaqo-siseko ngokwenza isibonelelo esingaphezulu ukuxhasa oomasipala, ukuphuhlisa nokomeleza ubuchule boomasipala, kwanokuphucula indlela abasebenza ngayo. Kwakhona uvumela icandelo 106(1) lukaRhulumente waseKhaya: uMthetho i-Municipal Systems Act ngokubonelela ngokubekwa esweni kokungafuni kusebenza nolawulo olugwenxa koomasipala. Kwakhona ubonelela ngezinto ezinxulumene noko.</p>



## IsiHlomelo B

### 22 Izigunyaziso zomgaqo-nkqubo

Okubaluleke kakhulu kukuba, imigaqo-nkqubo kazwelonke neyephondo kunye namacebo achazwe ngezantsi akhokela iSebe i-DTPW ekwenzeni imisebenzi eluxanduva lwayo.

Umsebenzi	Imigaqo-nkqubo
Ezothutho	<p><b>UMgaqo-nkqubo i-National Freight Logistics Strategy, 2005</b></p> <p>Unciphisa iindleko zemithwalo ehanjiswa ngeendlela ezisemhlabeni oko kusenziwa ngeendleko eziphantsi okwakhokelela ekwandeni kobuchule, ukuthembakala, nokunciphisa amaxesha okuthuthwa kweempahla, ngokwenjenjalo banika abathengi izigqibo zezinto abanokukhetha kuzo phakathi kwendlela esemhlabeni nomzila kaloliwe.</p>
	<p><b>UMgaqo-nkqubo i-National Public Transport Strategy, 2007</b></p> <p>Eli cebo lineenkalo ezimbini ezimbini eligxininisa kuzo, ezizezi:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Uphuculo lwezothutho lukawonkewonke olukhawulezayo, olunenjongo yokubonelela ngezithuthi zikawonkewonke ezitsha, ezisebenza kakuhle kakhulu, ezifikeleleka kubantu bonke nolukhuselekileyo kunye nabaqhubi bazo abanezakhono; kunye</li> <li>• Neenethiwekhi zezothutho lukawonkewonke olukhawulezayo noludityanisiweyo, olunenjongo yokuphuhlisa nokwandisa izisombululo zezothutho lukawonkewonke oludibeneyo.</li> </ul>
	<p><b>UMgaqo-nkqubo i-National Road Safety Strategy, 2009-2015</b></p> <p>Ujongene nemiba yezokhuseleko ezindleleni ngokudibanisa kwanokuququzelela amacebo ezokhuseleko ezindleleni ahluka-hlukeneyo, izitraktsha, neenkqubo zongenelelo ngoncedo zabo bonke abathathi-nxaxheba kunye nee-arhente kwinkalo yezokhuseleko ezindleleni.</p>
	<p><b>UMgaqo-nkqubo i-National Road Safety Strategy, 2011-2020</b></p> <p>Uxhasa iilinge eliququzelelwe kuzwelonke ukuphucula ezemfundo nokunyanzeliswa komgaqo ngokuphathelele kwindlela yokuziphatha esebenzisa indlela ngokungekho mgangathweni ngokungqinelana neenkqubo ezibhetele kakhulu zokusebenza zamazwe ngamazwe kunye neengcebiso ezisuka kumbutho wezempilo wehlabathi i-World Health Organization ukwenzela ukulungiselela amazwe asaphuhlayo.</p>
	<p><b>UMgaqo-nkqubo i-National Rural Transport Strategy, 2007</b></p> <p>Ubonelela ngesikhokelo kuzo zozithathu izigaba zikarhulumente ekujonganeni nezothutho kwanemingeni yokufikelela efunyanwa kwiindawo ezisemaphandleni oku kusenziwa ngendlela edibeneyo, engqinelanisiweyo, eququzelelweyo. Ezona nkalo zobuchule zibalulekileyo zimbini kukukhuthaza inodali eququzelelweyo yasemaphandleni nokuphuhliswa koqhagamshelwaniso; kunye nokuphuhlisa iinkqubo zezothutho zasemaphandleni ezizinzileyo, ezilinganayo, kunye neziphendula kwiimfuno zezothutho.</p>
	<p><b>UMgaqo-nkqubo i-White Paper on National Transport Policy, 1996</b></p> <p>Ujongene nokusebenza kwezothutho oludibene ngokupheleleyo ngendlela ekhuselekileyo, ethembakeleyo, esebenza ngempumelelo, ngobuchule, kunye neziseko zophuhliso ezifizekisa bhetele kakhulu iimfuno zemithwalo nabaxhasi abangabakhweli ngendlela exhasa amacebo karhulumente kuphuhliso lwezoqoqosho nezentlalo lo gama luzinzile ngokuphathelele kwezendalo noqoqosho.</p>

Umsebenzi	Imigaqo-nkqubo
	<p><b>UMgaqo-nkqubo i-White Paper on Provincial Transport Policy, 1997</b> Wakhela phezu kwesiseko esenziwe nguMgaqo-nkqubo i-White Paper on National Transport Policy ngokunika iinkcukacha zeenkqubo zongenelelo ngoncedo ezithile eziphendula kwiimfuno nakumathuba eNtshona Koloni; uthathela ingqalelo izakhono ezikhoyo ngoku nezakhono eziya kubakho ezabelwe amaphondo nezinye izigaba zikarhulumente phantsi koMgaqo-siseko.</p> <p><b>UMgaqo-nkqubo i-Road Access Guidelines</b> Ubonelela ngezikhokelo ukunceda iinjini ezisebenzayo kunye nabacwangcisi, nabaphuhlisi bepropathi, ukwakha imigangatho yokufikelela eyamkelekileyo.</p> <p><b>UMgaqo-nkqubo i-Road Infrastructure Strategic Framework for South Africa</b> Ubonelela ngezikhokelo zokuchazwa ngokutsha kwenethiwekhi yeendlela zaseMzantsi Afrika; uncedisa abasemagunyeni bezendlela ekuchazweni ngokutsha kweenethiwekhi zeendlela ezikhoyo.</p> <p><b>UMgaqo-nkqubo i-Road Safety Strategy for the Western Cape Province, 2005</b> Unceda ekuqinisekiseni imeko yezendlela ekhuselekileyo ngokukhuthaza ukhuseleko kwiphondo lonke kugxininiswe kwiindlela zikazwelonke nakwezephondo; yaye unoxanduva lokufumaneka koqeqesho olusisiseko lwabo bonke abagaywa abangamagosa endlela kwiphondo ukwenzela ukuqinisekisa ukwenziwa komsebenzi ngokufanayo nangoqeqesho</p> <p><b>UMgaqo-nkqubo i-Western Cape Policy Statement on Transport for Special Needs Passengers, 2009</b> Ubeka imisebenzi eluxanduva ethile kwiSebe i-DTPW:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukukhuthaza ukufikeleleka ngokumana zisongezwa iziseko zophuhliso zemigaqo kaloliwe nokubonelela ngoqeqesho lwabasebenzisi (<i>operators</i>) kunye nabasebenzi babo ekujonganeni ngovelwano nabantu abaneemfuno ezizodwa;</li> <li>• Lixhasa ukubonelelwa kweenkonzo zengcaciso ngezothutho zikawonkewonke ezifumaneka kubantu bonke;</li> <li>• Licwangcisa yaye lipapashe, ngokudibeneyo neSebe likaZwelonke lezoThutho, iimfuno zesikhokelo esiphathelele kwizithuthi zikawonkewonke ezifikelelekayo;</li> <li>• Ukuqinisekisa ukuba zonke izibonelelo zothutho zikawonkewonke ezitsha zilungiselela abantu abaneemfuno ezizodwa; kunye</li> <li>• Ukuqinisekisa ukuba zonke iinkonzo zothutho zikawonkewonke ekungenwe kwimvumelwano nazo kwiphondo ngokumana kusongezwa ziquka ukusetyenziswa kweenkonzo ezifikelelekayo zide zonke iinkonzo ekungenwe kwimvumelwano nazo zibe kanti ziyafumaneka kunye/okanye kufumaneka inkonzo ephendula ngokukhawuleza kwiimfuno.</li> </ul>
<p>IMisebenzi kaRhulumente noLawulo lweePropathi</p>	<p><b>UMgaqo-nkqubo i-Western Cape Provincial Acquisition Policy</b> Ukhokela (umgcini) abagcini, phakathi kwezinye izinto, ekufumaneni ii-asethi ezingashenxisekiyo; ukhuthaza iikhrayitheriya neenkqubo ezifanayo.</p> <p><b>UMgaqo-nkqubo i-Western Cape Provincial Government White Paper on the Management of Provincial Property, 2004</b> Ubonelela ngomgaqo-sikhokelo ukukhokela imisebenzi enxulumene neepropathi ezisisigxina zikaRhulumente weNtshona Koloni kunye nezinye iipropathi ezisetyenziswe nguye; uquka ukuququzelelwa kwemisebenzi yolawulo lweepropathi zabanye abathathi-nxaxheba bakarhulumente noluntu olukwiphondo.</p>

Umsebenzi	Imigaqo-nkqubo
	<p><b>UMgaqo-nkqubo i-Western Cape Infrastructure Framework, 2013</b>                      Ungqinelanisa ucwangciso, ukwenziwa, nokulawulwa kweziseko zophuhliso ekubonelelwe ngazo ngabo bonke abathathi-nxaxheba (urhulumente kazwelonke, urhulumente wephondo, urhulumente wasekhaya, amashishini karhulumente, kunye namashishini ecandelo labucala) ngomgaqo-nkqubo wobuchule kunye nombono wephondo.</p>
	<p><b>UMgaqo-nkqubo i-Western Cape Provincial Property Disposal Policy</b>                      Ukhokela uphuhliso, uqhubela phambili iinguqu, yaye ubethelela ukuzithemba kwiindawo ezingekaphuhliswa kakuhle, ngokukodwa ukulungisa ubugwenxa bokungalingani bexesha elidlulileyo ukukhuthaza imisebenzi yezoqoqosho.</p>
INkqubo yeMisebenzi kaRhulumente eNatyisiweyo	<p><b>UMgaqo-nkqubo i-Guidelines on the implementation of the EPWP</b>                      Injongo yeNkqubo yeMisebenzi kaRhulumente eNatyisiweyo i-EPWP kukudala amathuba omsebenzi ethuba elifutshane nawethuba eliphakathi ukulungiselela abahlwempuzekileyo nabangasebenziyo njengenxalenye yecebo likarhulumente lokulwa ubuhlwempu. La mathuba emisebenzi adityaniswa noqeqesho ukwandisa ukuqesheka kwabaxhamli abanezakhono ezisezantsi kwimalike yengqesho esesikweni. Le nkqubo ijonge kwiziseko zophuhliso, kwezendalo, kwinkcubeko, kunye namacandelo ezentlalo nangengawo akarhulumente.</p>
	<p><b>UMgaqo-nkqubo i-Guidelines on the Implementation of the National Youth Service</b>                      Uchaza ukuba ukuphunyezwa kweenkqubo zolutsha ngumsebenzi oluxanduva wawo onke amaziko karhulumente. Umsebenzi oluxanduva wokucwangcisa, ukuquzelela, nokuqaliswa kokusetyenziswa kunye namacebo amatsha ophuhliso lolutsha ngoko ke ahleli ngokulinganayo kwiNational Youth Commission nakumasebe karhulumente ngamanye kwizigaba zikazwelonke nezamaphondo.</p>
Ngokunatyisiweyo phakathi kwamasebe ngamasebe	<p><b>UMgaqo-nkqubo i-Provincial Strategic Plan, 2015/16-2019/20</b>                      Le yisethi yeeNjongo zoBuchule ezongameleyo zikaRhulumente weNtshona Koloni i-WCG ukulungiselela eli thuba langoku lokunyulwa (iminyaka emihlanu). Ezi njongo zibonisa iifundo nezinto ezibekwa phambili ngobaluleko zikarhulumente wephondo yaye ngokudibeneyo zikhuthaza indlela yokusebenza ephuculweyo kwicandelo labasebenzi bakarhulumente eNtshona Koloni.</p>
	<p><b>UMgaqo-nkqubo i-Departmental Monitoring and Evaluation Framework and Manual</b>                      Oku kuchaza ukubekwa esweni neenkqubo zeemvavanyo zenkqubo kunye nezixhobo ezimiselwayo ezisekelwe kulawulo olujonge iziphumo kwinkonzo karhulumente.</p>
	<p><b>UMgaqo-nkqubo i-Departmental Records Management Policy</b>                      Oku kunika isiseko somoya wamaziko wokuthatha uxanduva ngengcaciso neerekhodi njengemfuno ebalulekileyo yokwenziwa kweenkonzo ngempumelelo.</p>
	<p><b>UMgaqo-nkqubo i-Western Cape E-Mobility Policy</b>                      Lo mgaqo-nkqubo unatyisiweyo ongokusetyenziswa kwamakhadi eedatha eeselula ukuphumeza injongo zaseburhulumenteni. Ulawula yaye umisele ngokufanayo iinkqubo nemigaqo yokufunyanwa, ukubonelelwa, kwanokusetyenziswa kwamakhadi eedatha kuRhulumente weNtshona Koloni i-WCG namasebe akhe kwanokulawulwa ngoqoqosho kwale nkonzo ibalulekileyo.</p>

Umsebenzi	Imigaqo-nkqubo
	<p><b>UMgaqo-nkqubo i-Western Cape Government Transversal Management System</b> Oku kujolise ekuphumezeni iziphumo ezilinganisekayo ngokuququzelelwa kwamacandelo kunamasebe ngamanye apho iiklasta zecandelo elo zisombulula imiba ngokunatyisiweyo kunye namasebe karhulumente ngamanye njengee-arhente zokwenza umsebenzi; yaye lo mgaqo-nkqubo ulawula ukuphunyezwa kwePSP kumasebe ngamasebe kuRhulumente weNtshona Koloni iWCG. Isixhobo sasekhompyutheni i-Executive Project Dashboard sisixhobo sesistim solawulo lwengcaciso.</p>
	<p><b>UMgaqo-nkqubo i-White Paper on Human Resource Management, 1997</b> Ugxininisa kwindima ebalulekileyo yokuphuhlisa nokuguqula izakhono zabasebenzi ngelokufezekisa iinjongo zokwenziwa kweenkonzo kwanokutshintsha indlela abenza ngayo izinto abasebenzi benkonzo karhulumente.</p>

## IsiHlomelo C

---

### 23 Iprojekthi zeziseko zophuhliso

---

Isishwankathelo seeprojekthi zeziseko zophuhliso ezithathwe kuHlahlo-lwabiwo-mali lwango-2019 – lingqikelelo zeNkcitho yePhondo – iVoti 10: EzoThutho neMisebenzi kaRhulumente zibhaliwe apha ngezantsi.

ITheyibhili 34: Isishwankathelo seenkcukacha zeziseko zophuhliso ngokwecandelo

No.	Uhlobo lwesiseko sophuhliso Ezizangathiweyo; igrabile (qulka ezomhlaba Neendlela zokungena); ezothutho lukaWongekwone; Iibrorho; iziseko zedreyini, njl. njl.	iGeyithi ze-DCMS Ubume beprojekthi	iMasipala weSithili/UMasipala okufutshane	Ubude beprojekthi		Uvimba wenkxaso-mali	Igama lenkqubo yohlahlo-mali	Indlela yokwenziwa (yipprojekthi enye Inkqubo ephakhejweyo)	Zizonke lindleko zeprojekthi R'000	Iyonke inkcitho (kude kuyokuba nge-31 kweyoKwindla 2019) R'000	Iyonke efumanekayo 2019/20 R'000	Iingqikelelo zangaphambili zeMTEF		
				Umhla: Ukuqala Inowuthi 1	Umhla: Ukugqibelela Inowuthi 2							2020/21	2021/22	2021/22
<b>1. II-ASETHI EZINTSHA NEZOKUTSHINTSHA KUFAKWE EZINYE</b>														
	EzoThutho neMisebenzi kaRhulumente						2: Iziseko zoPhuhliso zeMisebenzi kaRhulumente							
	EzoThutho neMisebenzi kaRhulumente						3: Iziseko zoPhuhliso zezoThutho	946,461	454,076	137,000	101,000	254,385		
<b>ZIZONKE: EZINTSHA NEE-ASETHI EZITSHINTSHWAYO KUFAKWE ZONA</b>								<b>946,461</b>	<b>454,076</b>	<b>137,000</b>	<b>101,000</b>	<b>254,385</b>		
<b>2. EZIHLAZIYIWEYO KUNYE NEZONGEZELELO</b>														
	EzoThutho neMisebenzi kaRhulumente						2: Iziseko zoPhuhliso zeMisebenzi kaRhulumente							
	EzoThutho neMisebenzi kaRhulumente						3: Iziseko zoPhuhliso zezoThutho	1,233,861	1,191,439	319,806	688,746	1,033,870		
<b>ZIZONKE: EZIHLAZIYIWEYO KUNYE NEZONGEZELELO</b>								<b>1,233,861</b>	<b>1,191,439</b>	<b>319,806</b>	<b>688,746</b>	<b>1,033,870</b>		
<b>3. UKULUNGISWA, UKUVUSELELWA NOKUHLAZIYWA</b>														
	EzoThutho neMisebenzi kaRhulumente						2: Iziseko zoPhuhliso zeMisebenzi kaRhulumente	1,348,195	437,522	306,354	302,015	302,304		
	EzoThutho neMisebenzi kaRhulumente						3: Iziseko zoPhuhliso zezoThutho	6,623,471	4,522,021	2,139,026	1,654,698	1,307,726		
<b>ZIZONKE: UKULUNGISWA, UKUVUSELELWA NOKUHLAZIYWA</b>								<b>7,971,666</b>	<b>4,959,543</b>	<b>2,445,380</b>	<b>1,956,713</b>	<b>1,610,030</b>		

<b>4. ULONDOLOZO NOKULUNGISWA</b>										
	EzoThutho neMisebenzi kaRhulumente	2: Iziseko zoPhuhliso zezoThutho	1,944,070	990,701	309,540	513,299	330,530			
	EzoThutho neMisebenzi kaRhulumente	3: Iziseko zoPhuhliso zezoThutho	2,351,605	18,283	728,453	782,942	821,927			
<b>ZIZONKE: ULONDOLOZO NOKULUNGISWA</b>			<b>4,295,675</b>	<b>1,008,984</b>	<b>1,037,993</b>	<b>1,096,241</b>	<b>1,152,457</b>			
<b>5. IINTLAWULO NGOOMATSHINI ZEZISEKO ZOPHUHLISO - ZANGOKU</b>										
	EzoThutho neMisebenzi kaRhulumente	2: Iziseko zoPhuhliso zeMisebenzi kaRhulumente	-	-	-	-	-			
	EzoThutho neMisebenzi kaRhulumente	3: Iziseko zoPhuhliso zezoThutho	1,919	419	3,500	4,000	4,000			
<b>ZIZONKE: IINTLAWULO NGOOMATSHINI ZEZISEKO ZOPHUHLISO - ZANGOKU</b>			<b>11,919</b>	<b>419</b>	<b>3,500</b>	<b>4,000</b>	<b>4,000</b>			
<b>6. IINTLAWULO NGOOMATSHINI ZEZISEKO ZOPHUHLISO - EZIYIMALI</b>										
	EzoThutho neMisebenzi kaRhulumente	2: Iziseko zoPhuhliso zeMisebenzi kaRhulumente	-	-	-	-	-			
	EzoThutho neMisebenzi kaRhulumente	3: Iziseko zoPhuhliso zezoThutho	307 728	96 818	37 410	90 500	83 000			
<b>ZIZONKE: IINTLAWULO NGOOMATSHINI ZEZISEKO ZOPHUHLISO - EZIYIMALI</b>			<b>307 728</b>	<b>96 818</b>	<b>37 410</b>	<b>90 500</b>	<b>83 000</b>			
<b>ZIZONKE: IINTLAWULO NGOOMATSHINI ZEZISEKO ZOPHUHLISO</b>			<b>319 647</b>	<b>97 237</b>	<b>40 910</b>	<b>94 500</b>	<b>87 000</b>			
<b>7. IINKONZO EZIQESHISAYO ZEZISEKO ZOPHUHLISO</b>										
	EzoThutho neMisebenzi kaRhulumente	2: Iziseko zoPhuhliso zeMisebenzi kaRhulumente	-	-	-	-	-			
	EzoThutho neMisebenzi kaRhulumente	3: Iziseko zoPhuhliso zezoThutho	-	-	-	-	-			
<b>ZIZONKE: IINKONZO EZIQESHISAYO ZEZISEKO ZOPHUHLISO</b>										
<b>8. EZINGEZIZO IZISEKO ZOPHUHLISO</b>										
	EzoThutho neMisebenzi kaRhulumente	2: Iziseko zoPhuhliso zeMisebenzi kaRhulumente	-	-	-	-	-			
	EzoThutho neMisebenzi kaRhulumente	3: Iziseko zoPhuhliso zezoThutho	-	-	-	-	-			
<b>ZIZONKE: EZINGEZIZO IZISEKO ZOPHUHLISO</b>										
<b>ZIZONKE IZISEKO ZOPHUHLISO</b>			<b>19 767 310</b>	<b>7 711 279</b>	<b>3 981 089</b>	<b>3 937 200</b>	<b>4 137 742</b>			

Inowethi 1 Onikezelo lwesiza/ukuqalisa kolwakiwo – UMHLA WOKUFUMANEKA KWELETA YOKWAMKELWA.

Inowethi 2 Umhla wokugqitywa kolwakiwo (umhla wokuthathela kuni ulawulo) – UMHLA WOKUGQITYWA KOMSEBENZI NCAM.

**ITheyibhile 35: Isishwankathelo seenkcukacha zenkcitho zeziseko zophuhliso ngokwecandelo – Izakhiwo zephondo ngokubanzi**



No.	Uhlobo lweziseko zophuhliso		IiGeyithi ze-IDMS/Ubume beprojekthi	UMasipala weSithili/UMasipala waseKhaya		Ubude beprojekthi		Uvimba wenkxaso-nali	Iindleko zeprojekthi zizonke	Indlela yokwenziwa (yiprojekthi enye okanye ephakhejiweyo) yidR.	Total Inkcitho Iyonke (kude kube nge-31 kweyoKwindla 2019)	MTEF lingqikelelo zangaphambili zeMTEF			
	Ezigangathiweyo; ezegrabile (kuqukwa nezomhlaba neendlela zokunjena); izithuthi zikawonkewonke; iibrorho; iziseko zeedreyini. njl. njl.	Igama leprojekthi		Umhla: Wokuqala Inowuthi 1	Umhla: Wokugqiba Inowuthi 2	2019/20	2020/21					2021/22			
											R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
<b>1. EZINTSHA NEE-ASETHI EZITSHINTSHWAYO KUFAKWE ZONA</b>															
None															
<b>ZIZONKE: EZINTSHA NEE-ASETHI EZITSHINTSHWAYO KUFAKWE ZONA</b>															
<b>2. EZIHLAZIYIWEYO KUNYE NEZONGEZELELO</b>															
None															
<b>ZIZONKE: EZIHLAZIYIWEYO KUNYE NEZONGEZELELO</b>															
<b>3. UKULUNGISWA, UKUHLAZIYIWA NOKUVUSELELWA</b>															
1	Indawo yee-ofisi	Ulawulo lokungenal: Izakhwo zikarhulumente ezilawulwa ngeziseko Ngeziseko zikarhulumente ngokubanzi	EzeMisebenzi	IsiXeko saseKapa	01/04/2013	31/03/2020	Isabelo sobulungisa	Iziseko zoPhuhliso zeMisebenzi kaRhulumente	Inkqubo ephakhejiweyo	13,942	11,442	2,500	-	-	
2	Indawo yee-ofisi	Iziko i-Shared Services Centre - kwiSithili i-East Metro	EzoCwangciso lweZiseko	IsiXeko saseKapa	01/04/2015	31/03/2023	Isabelo sobulungisa	Iziseko zoPhuhliso zeMisebenzi kaRhulumente	Iprojekthi enye okanye ephakhejiweyo	67,443	5,443	2,000	28,000	32,000	
3	Indawo yee-ofisi	Alexandra Precinct – Kuhlaziywa i-exam reprographic centre ne-EDO Central : Isigaba A	Ezemisebenzi	IsiXeko saseKapa	01/04/2015	30/06/2019	Isabelo sobulungisa	Iziseko zoPhuhliso zeMisebenzi kaRhulumente	Iprojekthi enye okanye ephakhejiweyo	111,949	101,946	10,003	-	-	
4	Indawo yee-ofisi	CBD Rooftop PV	Ezemisebenzi	IsiXeko saseKapa	01/04/2015	31/03/2020	Isabelo sobulungisa	Iziseko zoPhuhliso zeMisebenzi kaRhulumente	Inkqubo ephakhejiweyo	41,714	35,714	6,000	-	-	
5	Indawo yee-ofisi	Eisenburg – iziko lophando elitsha	Ezoyilo-maxwebhu	Stellenbosch Municipality	01/04/2015	31/03/2022	Isabelo sobulungisa	Iziseko zoPhuhliso zeMisebenzi kaRhulumente	Iprojekthi enye okanye ephakhejiweyo	59,147	14,147	32,200	38,800	14,000	

3. UKULUNGISWA, UKUVUSELELWA NOKUHLAZIYWA														
6	Izikim zonkencchesho	Elsenburg – Ukuvuselelwa kogutyulo namanzi	Livaliwe	UMasipala waseStellenbosch	01/04/2015	29/06/2019	Isabelo sobulungisa	Iziseko zoPhuhliso	iprojekthi inye zeMisebenzi kaRhulumente	26,399	26,283	116	-	-
7	Amaziko eelayibrari nee-akademi	DAGAS – icandelo elongezelelweyo lee-Akhayivu eRoeland-Street	Uyilo-maxwebhu	IsiXeko saseKapa	01/04/2016	31/03/2023	Isabelo sobulungisa	Iziseko zoPhuhliso	iprojekthi inye zeMisebenzi kaRhulumente	13,464	20,467	23,329	9,668	50,000
8	Iimyuziyam	Cape Town Museum - UhlweSebe leMicimbi yeNkuzipeko	Ezopwanciso lwezeMisebenzi	IsiXeko saseKapa	01/04/2015	31/03/2022	Isabelo sobulungisa	Iziseko zoPhuhliso	iprojekthi inye zeMisebenzi kaRhulumente	9,913	4,913	-	-	5,000
9	Indawo yee-ofisi	WC Forum for Intellectual Disabilities – Uhlaziyo lwezeMisebenzi	Uhlaziyo lwezeMisebenzi	IsiXeko saseKapa	01/04/2016	31/03/2022	Isabelo sobulungisa	Iziseko zoPhuhliso	Inkqubo liphakhejiwe zeMisebenzi kaRhulumente	32,305	11,640	12,229	4,105	4,331
10	Indawo yee-ofisi	Caledon Shared Office Building	Isigwanciso seziMisebenzi	UMasipala eTheewatersburg	01/04/2019	31/03/2023	Isabelo sobulungisa	Iziseko zoPhuhliso	iprojekthi inye zeMisebenzi kaRhulumente	46,564	-	-	20,895	25,669
11	Indawo yee-ofisi	Phillippi Shared Office Building	Isigwanciso seziMisebenzi	IsiXeko saseKapa	01/04/2020	31/03/2023	Isabelo sobulungisa	Iziseko zoPhuhliso	iprojekthi inye zeMisebenzi kaRhulumente	26,000	-	-	5,000	1,000
12	Amaziko akhuselekileyo okanye amandla	Dormitory at Clanwilliam Camp	Ezisebenzi	UMasipala waseCape Town	01/04/2017	28/06/2019	Isabelo sobulungisa	Iziseko zoPhuhliso	iprojekthi inye zeMisebenzi kaRhulumente	26,545	16,971	9,575	-	-
13	Iziseko zophuhliso zezothutho	Parking Lot Extension Depot	Ezisebenzi	UMasipala waseGeorge	01/04/2017	28/06/2019	Isabelo sobulungisa	Iziseko zoPhuhliso	iprojekthi inye zeMisebenzi kaRhulumente	1,225	1,024	201	-	-
14	Izindlu	Chrysalis Academy - New Camp in Tokai	Ezisebenzi	IsiXeko saseKapa	01/04/2017	31/03/2020	Isabelo sobulungisa	Iziseko zoPhuhliso	iprojekthi inye zeMisebenzi kaRhulumente	1,729	8,729	3,000	-	-
15	Indawo yee-ofisi	Inkqubo yohlaziyo - House of Work	Ukophuculwa nokwakhiwa ngokutsha kweehostele	UMasipala waseMossburn	01/04/2015	31/03/2022	Isabelo sobulungisa	Iziseko zoPhuhliso	iprojekthi inye zeMisebenzi kaRhulumente	61,713	4,380	34,233	2,000	1,100
16	Indawo yee-ofisi	Modernisation - Union House (5th and 10th Floors)	Ukukhulisa	IsiXeko saseKapa	01/04/2017	30/06/2019	Isabelo sobulungisa	Iziseko zoPhuhliso	iprojekthi inye zeMisebenzi kaRhulumente	29,884	29,751	133	-	-
17	Indawo yee-ofisi	Inkqubo yohlaziyo - 1 Dorp Utlantis Building	Isigwanciso seziMisebenzi	IsiXeko saseKapa	01/04/2015	29/03/2024	Isabelo sobulungisa	Iziseko zoPhuhliso	iprojekthi inye zeMisebenzi kaRhulumente	63,939	3,689	-	25,000	35,250

### 3. UKULUNGISWA, UKUVUSELELWA NOKUHLAZIYWA

18	Indawo yee-ofisi	Inkqubo yohlaziyo - 3 Dorp Models & Umphambili kasinga-sakhiwo	IsiXeko saseKapa	01/04/2015	31/03/2020	Isabelo sobulungisa	Iziseko zoPhuhliso projekthi inye zeMisebenzi kaRhulumente	71,345	52,323	'9,022	-	-
19	Indawo yee-ofisi	Inkqubo yohlaziyo - 9 Dorp Floor)	IsiXeko saseKapa	02/10/2017	31/03/2023	Isabelo sobulungisa	Iziseko zoPhuhliso projekthi inye zeMisebenzi kaRhulumente	25,400	700	-	3,500	21,200
20	Indawo yee-ofisi	Inkqubo yohlaziyo - 9 Dorp 9th Floor & floor	IsiXeko saseKapa	03/04/2017	31/03/2021	Isabelo sobulungisa	Iziseko zoPhuhliso projekthi inye zeMisebenzi kaRhulumente	34,184	7,464	26,120	600	-
21	Indawo yee-ofisi	Inkqubo yohlaziyo - York Park (Ground and 1st Floor)	UMasipala waseGqeberha	01/04/2013	31/03/2020	Isabelo sobulungisa	Iziseko zoPhuhliso projekthi inye zeMisebenzi kaRhulumente	46,364	25,190	21,174	-	-
